



Western Cape
Government

UPhuhliso loQoqosho noKhenketho

FOR YOU



INGXELO YONYAKA YOWAMA-2020/21

ISEBE LOPHUHLISO LOQOQOSHO NOKHENKETHO

ISEBE LOPHUHLISO LOQOQOSHO NOKHENKETHO

IPHONDO LENTSHONA KOLONI


IVOTI

**INGXELO YONYAKA
UNYAKA-MALI WAMA-
2020/21**

OKUQULATHIWEYO

5	ICANDELO A: INGCACISO NGOKUBANZI
6	1. INGCACISO NGOKUBANZI YESEBE
7	2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/LWEZISHUNQULELO
12	3. IMBULAMBETHE EYENZIWA NGUMPHATHISWA
13	4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO
21	5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO
22	YONYAKA
24	6. UVAVANYO LWEQHINGA
24	6.1 UMBONO
24	6.2 UMNQOPHISO
24	6.3 IINQOBO EZISESIKWENI
25	7. ISIGUNYAZISO SOMTHETHO KUNYE NEZINYE IZIGUNYAZISO
32	8. UBUME BOMBUTHO
34	9. AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA
37	ICANDELO B: INGCACISO YOKUSEBENZA
38	1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI
38	2. UVAVANYO NGOKUBANZI LOKUSEBENZA KWESEBE
38	2.1 UBUME BOKUNIKEZELWA KWENKONZO
50	2.2 ISICWANGCISO SOPHUCULO LOKUNIKEZELWA KWENKONZO
67	2.3 UBUME BOMBUTHO
68	2.4 UPHUHLISO OLUNGUNDOQO LOMGAQO-NKQUBO KUNYE NEENGUQU ZOMTHETHO
68	3. UFEZEKISEO LWEEMPENBELELO ZEZIKO NEZIPHUMO
71	4. INGCACISO YOKUSEBENZA KWENKQUBO YEZIKO
71	4.1 INKQUBO 1: U L A W U L O
78	4.2 INKQUBO 2: IINKONZO ZOPHUHLISO OLUHLANGENEYO LOQOQOSHO
84	4.3 INKQUBO 3: UPHUHLISO LORHWEBO NECANDELO
89	4.4 INKQUBO 4: UMTHEHO WESHISHINI NOLAWULO
91	4.5 INKQUBO 5: UCWANGCISO LOQOQOSHO
106	4.6 INKQUBO 6: UKHENKETHO, UBUGCISA KUNYE NOKONWABISA
113	4.7 INKQUBO 7: UPHUHLISO LWAMAKHONO NENGUQU
121	4.8 UKUNIKWA KWENGXELO NGOKUSABELA KWEZIKO KUBHUBHANE WECOV-19
124	5. IINTLAWULO EZIKHUTSHELWEYO
124	5.1 IINTLAWULO EZIKHUTSHELWE KUMAQUMRHU KARHULUMENTE
125	5.2 IINTLAWULO EZIKHUTSHELWEYO KWIMIBUTHO ENGEMINYE NGAPHANDLE KWAMAQUMRHU
134	KARHULUMENTE
134	5.3 IMINIKELo ENEMIQATHANGO
134	5.4 IMINIKELo ENEMIQATHANGO KUNYE NENGXOWA-MALI EZICHONGIWEYO EZIHLAWULWEYO
140	5.5 IMINIKELo ENEMIQATHANGO KUNYE NENGXOWA-MALI EZICHONGIWEYO EZIFUNYENWEYO
141	6. IINGXOWA-MALI ZOMNIKELO EZIFUNYENWEYO
	7. UTYALO-MALI LWEZAKHIWO, ULOLONGO NESICWANGCISO SOLAWULO LWE-ASETHI
143	ICANDELO C: ULAWULO
144	INTSHAYELELO
144	2. ULAWULO LOMNGCIPHEKO
148	3. UBUQHETSEBA NORHWAPHILIZO
149	4. UKUNCITSHISWA KONGQUZULWANO
	L O M D L A
149	5. INDLELA YOKUZIPHATHA
150	6. IMPILO, UKHUSELO NEMIBA YENDALO
151	7. IIKOMITI ZESIKHUNDLA
152	8. IZISOMBULULO ZESCOPI
152	9. PUKULUNGISWA KWANGAPHAMBILI KWIINGXELO
	ZOPHICOTHO-ZINCWADI
152	10. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI
153	11. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI
	NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI
154	12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI
156	13. INGCACISO YOHAMBELWANO LOKUSEBENZA
	YEB-BBEE

159	ICANDELO D: ULAWULO LWEMICIMBI YABASEBENZI
160	1. INTSHAYELELO
160	2. INQANABA LOLAWULO LWABANTU KWISEBE
160	2.1 OKUPHAMBILI KUCWANGCISO LWABASEBENZI BESEBE
161	2.2 ULAWULO LOKUSEBENZA KOMSEBENZI
161	2.3 IMPILO-NTLE YOMSEBENZI
161	2.4 UKUBEKWA KWELISO KULAWULO LWABANTU
162	3. IINKCUKACHA ZAMANANI ZOKONGANYELWA KOLAWULO LWABANTU
163	3.1 INKCITHO ENXULUMENE NABASEBENZI
165	3.2 INGQESHO NEZITHUBA EZINGAZALISWANGA
166	3.3 UVAVANYO LOMSEBENZI
168	3.4 IINGUQU KWINGQESHO
171	3.5 UBULUNGISA ENGQESHWENI
175	3.6 UKUTYIKITYWA KWEZIVUMELWANO ZOKUSEBENZA NGAMALUNGU ESMS
176	3.7 UKUZALISWA KWEZITHUBA ZESMS
178	3.8 UKUSEBENZA KOMQESHWA
180	3.9 ABASEBENZI BAMANYE AMAZWE
181	3.10 UKUSETYENZISWA KWEKHEFU
183	3.11 IINKQUBO ZOKUKHUTHAZWA KWEMPILO, KUBANDAKANYWA I-HIV NEE-AIDS
186	3.12 UBUDLELWANE ENGQESHWENI
188	3.13 UPHUHLISO LWAMAKHONO
190	3.14 UKWENZAKALA ENGQESHWENI
191	3.15 UKUSETYENZISWA KWABACEBISI
197	ICANDELO E: INGCACISO YEMALI
198	INGXELO NGEENGXELO ZEMALI EZIPHICOTHIWEYO
205	INGXELO YOLWABIWO-MALI
247	AMANQAKU KWINGXELO YOLWABIWO-MALI
249	INGXELO YOKUSEBENZA KWEMALI
250	INGXELO YOBUME BEMALI
251	INGXELO YEENGUQU KWII-ASETHI EZIKHOYO
252	INGXELO YOKUPHUMA NOKUNGENA KWEMALI
253	AMANQAKU KWIINGXELO ZONYAKA ZEMALI
303	IZIHLOMELO







ICANDELO A: INGCACISO NGOKUBANZI

1. INGCACISO NGOKUBANZI YESEBE**ISebe loPhuhliso loQoqoqsho noKhenketho**

IDILESI YENDAWO: 80 St George's Mall
Isakhiwo
iWaldorf
EKapa
8001

IDILESI YEPOSI: PO Box 979
EKapa
8000

INOMBOLO YEMFONO-MFONO: +27 21 483 9226

IDILESI YE-IMEYILE: ecohead@westerncape.gov.za

IDILESI YEWEBHUSAYITI: www.westerncape.gov.za

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/LWEZISHUNQULELO

AFS	IiNgxelo zeMali eziPhicothiweyo
AGSA	UMphicothi-zincwadi Jikelele
AIFMRM	woMzantsi Afrika
AO	Iziko lase-Afrika namaShishini ezeMali noLawulo lokuseMngciphekweni
AOPI	IGosa eliNika iNgxelo
	Uphicotho-zincwadi lweNgcaciso
	yoMsebenzi
APP	IsiCwangciso soNyaka sokuSebenza
BAS	INkqubo yeSiseko sokuNikwa kweNgxelo
BBBEE	UkuXhotyiswa kwezoQoqosho kwaBantu
	abaMnyama ngokubanzi
BER	IQumrhu loPhando kwezoQoqosho
BESP	INkqubo yeNkxaso yoKwakhiwa
	koMmandla
BPeSA	Inkqubo yoShishino eyenza uMzantsi
	Afrika ubenako ukwenza
BPO	INkqubo yoShishino yokufumana
	iiNkonzo zangaphandle
CASIDRA	I-Arhente yaseKapa yoPhuhliso oluHlangeneyo oluZinzileyo
	eMaphandleni
CATHSSETA	AbasemaGunyeni kwiCandelo leMfundo noQeqesho, ezemiDlalo,
	kwezeNkcubeko, ubuGcisa, ezoKhenketho, ezokuTyela nezokuHlala
CBMT	Uqeqesho loBuchule oluBhekiselele
	eKwazini ukwenza izinto
CCDI	Iziko loMsebenzi wobuGcisa noYilo
	eKapa
CCTC	Intlanganisela yokwenziwa nokulukwa
	kweMpahla yaseKapa
CEI	Iziko elijongene nohlaziyo
	lewebhusayithi ye-Intanethi
CITI	ILinge leNgcaciso neTeknoloji laseKapa
CLOTEX	Iziko leeNkonzo zokwenziwa nokulukwa
	kweMpahla laseKapa
CMT	Ukusikwa, uKwenziwa nokuCuthwa
CPUT	IYunivesithi yeTeknoloji yaseCape Peninsula
CRDP	Inkqubo eBanzi yoPhuhliso lwasemaPhandleni
CSC	Iziko leeNkonzo eziHlanganisiweyo
CTFC	IBhunga leFashoni laseKapa
CTGA	Intlangano eHambisa
	abaKhenkethi yaseKapa
CTICC	Iziko leMihlangano leHlabathi laseKapa
CTCIP	Inkqubo yokuPhucula uKhuphiswa ekwenziweni nasekolukweni kweMpahla

DAFF
DBSA
DEADP
DEDAT
DITCOM
DMO
DPME
DPSA
DST
DTM
DTPW
dtic

ISebe lezoLimo, lamaHlathi nokuLoba

IBhanka yoPhuhliso yoMzantsi Afrika
ISebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso
ISebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho
IKomiti yeSebe ye-IT
UMbutho wokuThengiswa kweeNdawo zokuFikela
ISebe loCwangciso, ukuBekwa kweLiso noVavanyo
ISebe leNkonzo yaBasebenzi noLawulo

ISebe leNzululwazi neTheknoloji
ABalawuli abaPhezulu beSebe
ISebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente
ISebe lamaShishini oRhwebo noKhuphiswano

EBA	UMsebenzi woShishino oSekiweyo
ECM	Ulawulo lokuQulathwe kwi-Elektroniki
ED	UPhuhliso lweShishini
EDP	UThelelwano loPhuhliso loQoqosho
EE	UBulungisa eNgqeshweni
EHWP	INkqubo yeMpilo yoMsebenzi neMpilo-ntle
EIA	UVavanyo lweMpembelelo yeNdalo
EPWP	INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi kaRhulumente
ERM	ULawulo loMngcipheko weShishini
ESGC	INguqu yoKhuseleko loMbane
EV	IsiThuthi soMbane
FET	IMfundo ePhezulu noQeqesho
GDP	IXabiso leMali yeMveliso yaseKhaya
GDPR	IXabiso leMali yeMveliso yaseKhaya ngokweNgingqi
GEM	Ukuhlolwa kooSomashishini
GOVCOM	kuZwelonke
GMT	IKomiti yokuBeka iLiso kuLawulo limoto zokuthutha zikaRhulumente
HCT	INgcebiso yeHIV kunye noHlolo
HDI	Abantu ababevinjwe amathuba ngaphambili
HOD	INTloko yeSebe
HRD	UPhuhliso lweMicimbi
HSP	yaBasebenzi
	IsiCwangciso sokuHlaliswa kwaBantu
ICAN	UThungelwano loFikelelo oluHlangeneyo loLuntu
ICAS	INkonzo eZimeleyo yeNgcebiso
ICT	INgcebiso neTheknoloji yoNxibelelwano
IDC	Ukopolotyeni woPhuhliso loShishino
IDZ	Ummandla woPhuhliso kuShishino
IFRS	Imigangatho yokuNika iNgxelo yeMali yeHlabathi
IPP	Abavelisi abaZimeleyo boMbane
ISO	UMbutho weHlabathi weMigangatho
IT	IThekhnoloji yeNgcaciso
IRP	IsiCwangciso esiHlangeneyo seZibonelelo

INGCACISO	JMA	IsiVumelwano esiHlangeneyo sokuThengisa
	KZN	KwaZulu-Natal
	LED	UPhuhliso loQoqosho lweNgingqi
	LLT	iNkundla yokuNikezelwa kweMvume yoTywla
	LOGIS LNG LRA	INkqubo yeNgcaciso yeMpahla I Irhasi yeNdalo eNyibilikisiweyo UMthetho woBudlelwane eNgqeshweni

M&E	UkuBekwa kweLiso noVavanyo
MEC	ILungu leBhunga lesiGqeba
MER	Ukomelela kwaMbane
MERO	kaMasipala Uphengululo nokuQwalaselwa koQoqosho kooMasipala
MOA	Isivumelwano seNtsebenziswano
MIR	INGxelo yeNgqiqo yeMarike
MPAT	ULawulo loMsebenzi neSixhobo soVavanyo
MRE	UVavanyo lokuLungela kukaMasipala
MTEF	IsiCwangciso-nkqubo seNkcitho yeSithuba esiPhakathi
NDP	IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso
NDPW	ISebe leSizwe leMisebenzi kaRhulumente
NDT	ISebe leSizwe lezoKhenketho
NEF	INGxowa-mali yeSizwe yoXhobiso
NFVF	Ingxowa-mali yeeFilimu neeVidiyo yeSizwe
NGO	UMbutho ongekho phantsi koLawulo lukaRhulumente
NO	UMphumela weSizwe
NPO	UMbutho oNgenzi Nzala
NT	ICandelo loLawulo-mali
OCP	I-Ofisi yoMkhuseli woMthengi
OD	UYilo loMbutho
PACA	Ukunconywa ngokuthatha inxaxheba kumaThuba
PDO	oKhuphiswano
PER	IiNjongo eziMiselwe kwaNgaphambili
PERO	Iimbasa zeNkulumbuso ukuNika ingqalelo
PFMA	kooSomashishini
PGDS	Uphononongo nokuQwalasela uQoqosho kwiPhondo
PILIR	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente
PPP	IQhinga lokuKhula noPhuhliso lePhondo
PSCBC	UMgaqo-nkqubo weKhefu lokungabionako ukusebenza neloMhlala-phantsi ngenxa yokugula
PSDF	UThelelwano lwamaShishini kaRhulumente
PSRMF	nawaNgasese
PSG	Ikhomishini yokuSombulula imbambano phakathi
PSG 1	kwabaphathi nabasebenzi bakaRhulumente
PSO	Iqonga lophuhliso lwezakhono kwiPhondo
P PT	IsiCwangciso-nkqubo soLawulo
PWD	loMngcipheko kwiCandelo likaRhulumente iNjongo yeQhinga lePhondo

j	INjongo1 yeQhinga lePhondo
o	INjongo yeQhinga lePhondo
n	IsiCwangciso seQhinga sePhondo
g	ICandelo loLawulo-mali lePhondo
l	Abantu abaKhubazekileyo
REIPPPP	INkqubo yokuThengwa koMbane oHlaziyiweyo kuBavelisi
	abaZimeleyo boMbane oHlaziyiweyo
RIA	UVavanyo lweMpembelelo
	oluLawulwayo
RIN	UThungelwano lweNgingqi
	lweNguqu
RLED	UPhuhliso lwaMaphandle neNgingqi
RPL	UkuNikwa kweNgqwalasela yeMfundo
	yaNgaphambili

RTL
SALGA
SAOGA
SAPS

SARS
SAT
SCM
SCOPA

SDF

SDIP

SDA

SEDA
SEFA
SETA

SEZ
SITA

SME
SMME

SOE
SPV

STATSSA

TGCSA

TNPA
TSD
TFDS

UCT
UK
UNWTO
VIP
WCADI
WCFFI

RIKomiti yeNgingqi yoNxibelelwano loKhenketho

Intlangano yooMasipala baseMzantsi Afrika

Intlangano ye-Oyile neGesi yaseMzantsi Afrika

INkonzo yamaPolisa oMzantsi

Afrika

INkonzo yeNgeniso yoMzantsi

Afrika

UKhenketho loMzantsi Afrika

ULawulo lweSixokelelwano soNikezelo

IKomiti eSigxina yee-Akhawunti

zikaRhulumente

IsiCwangciso-nkqubo soPhuhliso

lweSithuba

IsiCwangciso soPhuculo lokuNikezelwa

kweNkonzo

IsiVumelwano sokuNikezelwa

kweNkonzo

I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini

amaNcinane

I-Arhente yeMali yamaShishini

amaNcinane

UGunyaziwe weCandelo leMfundo

noQeqesho

UMmandla woQoqosho olulodwa

I-Arhente yeTheknoloji yeNgcaciso

kaRhulumente

AmaShishini amaNcinane naPhakathi

AmaShishini amaNcinane, aPhakathi

namaKhulu

AmaShishini angakaRhulumente

pecial

Izithuthi zeeNjongo eziThile

Abobalo eMzantsi Afrika

IBhunga lokuHlela uKhenketho loMzantsi

Afrika

UGunyaziwe beziKhululo zeSizwe

kwaTransnet

UPhuhliso loRhwebo neCandelo

Inkcitho ethe ngqo yamanye

amazwe iyonke

IYunivesiti yaseKapa

I-United Kingdom

UMButho wezoKhenketho weHlabathi weZizwe eziManyeneyo

Okuphambili okuVuselelwa nguMbono

IWestern Cape Aquaculture Initiative

ILinge lokuTya okuLungileyo leNtshona Koloni

WCG	URhulumente weNtshona Koloni
WCLA	UGunyaziwe woTywala weNtshona Koloni
WCM	Ukuveliswa kodidi lweHlabathi
WCSD	Uvimba weeNkcukacha wabaBoneleli ngeeNkonzo waseNtshona Koloni
WCTI	Inyathelo lezixhobo eNtshona Koloni
WCWIN	UThungelwano lweNguqu lwaManzi lweNtshona Koloni
WRC	IKhomishoni yeZibonelelo zaManzi
WESGRO	I-Arhente yoTyalo-mali neyokuKhuthaza uRhwebo eNtshona Koloni
WISP	I-Western Cape Industrial Symbiosis Project
W&R SETA	Abasemagunyeni kwiCandelo leeWholesale namaShishini kwiMfundo noQeqesho



3. IMBULAMBETHE EYENZIWA NGUMPHATHISWA DAVID MAYNIER

Indlela yethu yeqhinga kunye namangenelo athe ngqo kwicandelo ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21 ibe yimpumelelo kwiphondo, nangona kukho imingeni enzima yoqoqosho ebangelwe ikakhulu ngubhubhane weCovid-19 kunye nezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke int, okuthe kwanempembelelo embi kumashishini eNtshona Koloni.

Ngoko, sisebenze nzima, kunye necandelo langasese, ukufumana uthantamiso phakathi kokulondolozwa kwemiphefumlo ukulungiselela okokuba sibe nakho ukuphinda siyivule iNtshona Koloni ngokukhuselekileyo.

Lo msebenzi uyaqhubeka njengoko similisela ngokukhawuleza isiCwangciso soVuuselelo seNtshona Koloni kunye nemimandla yaso emithathu esijoliso kuyo semisebenzi, ukhuseleko kunye nempilo-ntle.


Ngokuhambelana nemisenenzi, sigxile ekuyileni isimo esincedayo sokuyilwa kwemisebenzi ingakumbi nokuxhasa icandelo langasese kunye neemarike, eziya kuthi ekugqibeleni ziphucule impilo-ntle nokhuseleko..

Ubume obuncedayo bokukhulisa uqoqosho nokuyila imisebenzi kuya kufezekiswa ngokugxila kule mixholo ilandelayo:

- Ukukhawuleziswa kokwenziwa koshishino ngokulula
- Ukwandiswa kotyalo-mali nokuthungelwa kwempahla kumazwe angaphandle
- Ukwandiswa kotyalo-mali kwizibonelelo
- Ukunyuswa kwenqanaba lamathuba emisebenzi kunye namakhono kubantu abangenamisebenzi
- Ulwakhiwo loqoqosho olomeleleyo eNtshona Koloni

Ndithanda ukothulel'umnqwazi nokubulela isebe, phantsi kobunkokheli bukaMnu Solly Fourie, ngeenzame zabo ekuyileni ubume obufanelekileyo bokukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi eNtshona Koloni. Ngeli thuba sivuyisana nempumelelo yethu, izifundo esizifundileyo kuso sonke esi sithuba sokunikwa kwengxelo zisincede ekubumbeni iinzame zethu zexa elizayo ukulungiselela ukusebenzela ngcono abo bahlala eNtshona Kolono.

Kanjalo ndingathanda ukuthi ndibamba ngazibini kumashishini aseNtshona Koloni abonise ukunyamezela kakhulu nokusungula iindlela ezintsha zokwenza izinto ngala maxesha anzima. Sisazibophelele ekuqinisekiseni ukuba amashishini ahlala ekhuselekileyaye aqhubeka esebenza ukuze sibonke siqwazi ukugcina imisebenzi nokugcina uqoqosho lweNtshona Koloni.



MNU DAVID MAYNIER

UMphathiswa wezeMali naMathuba oQoqosho

Umhla: 20 kuSeptemba 2021

4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO

Uvavnyo ngokubanzi lwemisebenzi yeSebe

Uqoqosho lweNtshona Koloni lwenzakaliswe kakhulu ngubhubhane weCOVID-19, wasenza yaba mandundu imingeni yoqoqosho kunye noqoqosho lwentlalo ejamelene nePhondo. Phambi kobhubhane, uqoqosho loMzantsi Afrika bebbele luhlangqwe yimiba esele inesakhelo efana nokuhlanganiswa ngokungafanelekanga kwamakhono, imveliso ephantsi, ukunqongophala kokhuphiswano, umsebenzi osemva wolwakhiwo, imiqobo yenkqubela-phambili, nokukhabikho kokhuseleko kumbane. Le miba ukuba ngaba ayilungiswa iya kuqhubeka ithintela uvuselelo olukhawulezileyo loqoqosho.

Imizi-mveliso iqhubekile ukujamelana nemingeni ephambili ebe nomphumela kukulahleka kwemisebenzi kakhulu. I-DEDAT ilindele uqoqosho lePhondo okokuba lubuyele esiqhelweni ngowama-2021, lunokukhula koqoqosho kwe-4.4%. Okuvela kwimbono yecandelo, amacandelo abetheke kakhulu eNtshona Koloni ibe lukhenketho, ulwakhiwo, urhwebo, kunye nelokwenziwa kwezinto. Umothuko obangelwa ngulo bhubhane ukhoyo kwihlabathi uyile isidingo esiqhubekayo sokokuba inkcitho karhulumente okokuba inciphise umngcipheko womonakalo ohlala uhleli kuqoqosho. Oku, ngokunjalo, ukuncipha kwiGDP okungenalnganiswa kwimbali yala maxesha kuninzi loqoqosho. IsiCwangciso sethu soVuselelo seNtshona Koloni sibonelela ngokuba siya kuba nakho ukuvuseleleka kuphela nokuhluma ukuba uqoqosho lwethu lukhulile yaye abahlali bavelisa ingeniso.

Izifizekiso zonyaka

Unyaka ophantsi kovavanyo ulinike kwakhona iSebe ngethuba lokuziseka njengenkokheli ekuyilweni kobume obufanelekileyo nobukhulisa uqoqosho. Imisebenzi yeSebe iyaqhuba ukuvelisa uluhlu abanzi amangenelo oqoqosho yaye injongo yokuxhasa indlela ekhokhelwa libango, eqhutywa licandelo langasese kuphuhliso loqoqosho yafezekiswa kwakhona ngempumelelo.

Isambuku esixabisa izigidi sezigidi ezi-R4.7 sotyalo-mali kwiNtshona Koloni safezekiswa kunyaka-mali wama-2020/21 kuthelakiswa nekujoliswe kuko okusisigidi sezigidi esi-R.9 ukuya kwi-R2.7. Oku kube nomphumela wokuyilwa kwemisebenzi eli-1 830 nokukhula kwesiseko soshishino seNtshona Koloni.

Ungenelo lophuculo olulungiselelwe uNcweme lwaseKapa luqhubile ngokunjalo. Inkqubela phambili ekhuthazayo yenziwe nangona kukho impembelelo embi yeCOVID-19. Iprojekti yokuhlanganiswa kweenkcukacha zamanani yagqitywa, yaye unobangela wohlahlelo wengxinano yothutho lwenziwa.

INgxowa-mali yethu yokuXhasa iSMME, ngentsebenziswano nangothelwano kunye nemibutho yenkxaso yeSMME – iiNPO, amaqumrhu, oomasipala, amasebe karhulumente kunye/okanye ii-arhente zawo, amaziko emfundo ephakamileyo, imibutho yoshishino kunye neminye imibutho yenkxaso efanelekileyo – inikezela ngenkxaso noncedo kwiiSMME ukugcina kunye/okanye ukwandisa uzinzo ukuyinceda ukuba ikhule yaye iyile imisebenzi. INgxowa-mali yokuXhasa iiSMME ixhase imibutho eli-17 ethe ngokuhlangeneyo yaxhasa iiSMME ezingama-397. Ukuza kuthi ga ngoku, imisebenzi engama-90 yayilwa ngokusetyenziswa kwemibutho eli-17 ethe yaqukumbela iiprojekti zayo zeNgxowa-mali yokuXhasa iSMME. Kuqikelelwa okokuba ngaphezulu kwemisebenzi engama-300 iya kuyilwa ngokusetyenziswa kwemibutho eseleyo eli-13.

Kummandla wokomelela kwezibonelelo: izibhengezo ezine zotyalo-mali loqoqosho oluluhlaza eNtshona Koloni ezithe zaxhaswa nguRhulumente weNtshona Koloni (ngokusetyenziswa kweGreenCape kunye neWesgro) zisayiniwe yaye zaqukunjelwa kunyaka-mali wama-2020/21. Ezi ziya

kukhokhelela kutyalo-mali olupheleleyo olumalunga nezigidi zesigidi ezili-R11.6.

Ngasekupheleni kowama-2020, Ilinge lokoMelela koMbane kaMasipala leminyaka emithathu, okanye ilinge leMER, laqaliswa ukunceda oomasipala, amashishini kunye namakhaya okokuba avelise, athenge yaye athengise umbane wabo. Iprojekti ijolise ekuncedeni oomasipala okokuba bathabathe elicham lemithetho yombane, ebandakanya ikhono loo masipala lokuthenga umbane ngqo kubavelisi abazimeleyo bombane, okanye ii-IPP. Inqanaba 1 lachongwa yaye lisebenza noomasipala abathandathu abangabagqatswa apho kuya kuhlahlw'indlela ngokumiliselwa kweepjekti zombane.

INkqubo yoPhuhliso lwaMkhono neNguqu ijolise ekunikezelweni kweenkqubo zamakhono ezigxile ekulungiseni izithuba, nasekuphuculeni amakhono olutsha lwethu nabasebenzi ngokuphuhliswa kwamakhono angundoqo ukuhambelana nebango elikhulayo lamakhono afanelekileyo kuqoqosho lwethu – ngoko kusandiswa ukhuphiswano lwengingqi. Ukuxhasa indlela eqhutywa libango exhibe ekuphuculeni iimfuno zamakhono ecandelo ukulungiselela ukuqesheka kolutsha, ngokunjalo nokulungiswa kwempembelelo kabhubhane, iNkqubo yoPhuhliso lwaMkhono neNguqu ekwiDEDAT imilisele iinkqubo ezingundoqo ezintathu (3) zengqesho yolutsha. INkqubo yaMakhono oBuchule be-IT; UMsebenzi wethu ongungqa phambili kunye neNkqubo yaMakhono kunye neNkqubo yokuBekwa eMsebenzini kuPhuhliso loBugcisa ziyasabela kwiimfuno zorhwebo. Ilinge lifezekise ngaphezulu kokulindelweyo kwinani labaxhamli elixhasiweyo, ngokunjalo neengxowa-mali ezixhathise ngokubhekiselele kwezi nkqubo ngokwangoku ngokunjalo nakunyaka-mali wexa elizayo.

INkqubo – ngothelwano neCollege of Cape Town, iNgxowa-mali yeSizwe yaMakhono, iSixeko saseKapa kunye norhwebo lweBPO – eqalise ngokunjalo uthelwano lokuqala lwamashishini karhulumente nawangasese iBPO Academy of Excellence. Iziko lemfundo liya kuphuhlisa iziqinisekiso ezibonisa ishishini ukusabela kwiimfuno zoshishino. Iziko lemfundo, ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso lwamakhono, liya kuphuhlisa ze lizisele ingqesho amawaka abaxhamli abaphuma kwezinye zeengingqi zethu zoluntu ezazivinjwe amathuba ngaphambili, ukuxhaswa korhwebo lweBPO.

Iminingeni yonyaka

Ukusabela kwimingeni ekhoyo ethi ibekwe ngubhubhane kumashishini, iSebe linakho ukujikelezisa imisebenzi yalo kwinani lamangenelo enxaso eliwakhethileyo athe ngqo kwiCOVID-19. Isiphumo sesokuba le mingeni ingenaloyiko ibe nomphumela kwezinye zeempumelelo sethu eziqapheleka kakhulu ngethuba amashishini azidinga kakhulu eNtshona Koloni.

Ekuncedeni amashishini weCOVID-19, iYunithi yoPhuhliso lweShishini imilisele amanyathelo amaninzi kuqinisekiswa ukunceda amashishini okokuba ahlale eqhuba yaye ezinzile ngethuba likabhubhane, kuqinisekiswa kulo bhuhane ngokusinda kwawo nokuphuhlisa ikhono lwawo. Oku kubandakanya:

- INgxowa-mali yoNcedo lweShishini yeCOVID-19 (ingxowa-mali) inikele ekudambiseni impembelele yoqoqosho kumashishini amancinane naphakathi (asesikweni ngangekho sikweni) asebenza eNtshona Koloni ebangelwe yiCOVID-19. INgxowa-mali inikezele ngenkxaso-mali yomnikelo (malunga nezigidi ezingama-R39) ze yaxhasa amashishini angama-249 (asesikweni/angekho sikweni) kuyo yonke iNtshona Koloni ze yazinzisa imisebenzi engaphezulu nje kwama-2 000.
- IProjekti yoVuselelo loQoqosho loLuntu ixhase iivenkile ispaza ezili-122 kuwo wonke ummandla wendawo yeSixeko saseKapa, iCape Winelands, i-Overberg kunye neGarden Route. Iivawutsha ze-elektroniki zakhutshelwa amakhitshi oluntu ahlawulelwe kwiivenkile zespaza okanye abanikezeli bokutya, apho inkqubo yentlawulo inxulunyaniswe kwiqonga letheknoloji. Malunga nabaxhamli abangama-22500 baxhaswa kusetyenziswa amakhitshi oluntu.

ISebe lisasaze ngokunjalo iikiti zokhuseleko zoshishino ezili-11 000 kulo lonke iphondo yaye linganika ingxelo yokokuba amashishini amancinane angama-2 656 ngawamabhinqa, angama-854 ngawolutsha ze angama-60 abe ngawabakhubazekileyo ancedwa ekuqhubeni esebenza ngokhuseleko.

ISebe linesivumelwano senkxaso ukunceda amashishini ekuqhubeni iimvavanyo zomngcipheko we-COVID-19, ukuphuhlisa izicwangciso zokuthintela umngcipheko, ukuqinisekisa ngohambelwano kwimithetho yokhuselo kwindawo yokusebenza yeSebe leNgqesho naBasebenzi kunye necandelo elifanelekileyo elithe ngqo kwiimfuno zokhuselo kwindawo yokusebenza zeCOVID-19, ngokunjalo nokumilisela nawaphi na amangenelo ayimfuneko ukubanceda okokuba balawule ukunyuka okungakho okungaphezulu kweCOVID-19 kunye noobhubhane abangakho kwixa elizayo. Inkxaso yanikezelwa kumashishini angama-459, kunye namashishini angaphezulu angama-51 axhasiweyo ukusombulula imiba enzima yeCOVID-19 yokungathotyelwa kokhuselo kwindawo yokusebenza.

Ekuxhaseni ukwenziwa lula ukwenziwa koshishino ngeli thuba, iYunithi yokuNcitisiswa kweziThintelo iqwalasele kwakhona inkqubo yayo yolawulo yesimo esikhoyo sokujongana nezicelo ezivela koosomashishini zoncedo kuko konke ukuvalwa ngci kokuqala kwayo yonke into. Oku kubandakanya ukuququzelelwa kwezicelozamaphepha-mvume okusebenza, ukuphembelela okokuba amacandelo avulwe nokucaciswa kwemithetho ekhutshwe ngokuhambelana noMthetho woLawulo lweNtlekele. NgoMeyi 2020, Irtru iqalise ngeprojekti ukulungiselels ukunxibelelana ngqo ne-UIF ukuququzelela intlawulo yezicelo ze-UIF TERS ezenziwe ngabasebenzi kunye namashishini. Ngokubanzi, iRTRU ukususela ngoMeyi 2020 incede abasebenzi angama-8576 kunye neenkampani ezili-180, evelise umndilili wentlawulo epheleleyo engama-R43 866 240 ngokupheleleyo.

Ngaphezulu, iSebe – njengayo nayiphi na imibutho emininzi – lijamelene nezithintelo ezininzi ezithe zayimiqobo kumiliselo lwezicwangciso zalo. Isidingo sobungqongqo kwimali karhulumente nokubekwa ngokungundoqo okudingekayo kwezibonelelo ukulungisa imiphumela evelayo yobhubhane, sibangele eminye yemimgeni ekufuneka iqwalaselwe kwangoku. Inggalelo yeSebe yoku iyabonakala kwinyathelo ngalinye lophuhliso lwesicwangciso esikhoyo yaye iya kuzama ukuqhubeka ngokumilisela izicwangciso ngokuhambelana nenjongo yayo echaziweyo nesekiweyo kulungiselelwa ukukhula koqoqosho eNtshona Koloni. Ukukhetha kweqhinga okuphathelele namangenelo kuya kuba kukugxila okungundoqo ekuqinisekiseni okokuba iSebe lifezekisa unikezelo lwenkonzo olwandlaliweyo. Izibonelelo zemali nezabasebenzi ezidingekayo zomiliselo ziya kuvavanywa ngokutsha ngokunjalo, zibekwe ngokubaluleka ze zilungelelaniswe kwimimandla ephambili ukuqinisekisa unikezelo kuzinzile yaye kulungelelaniswe neenjongo zeqhinga.

Uvavanyo kwakhona lweziphumo zemali zeSebe
Okufunyenwe liSebe

Okufunyenwe liSebe	2020/2021			2019/2020		
	Okuqikelel weyo	Isixa-mali esisiso esiQokel elweyo	Uqokelel o (Olunga phezulu) / Olungap hantsi	Okuqikelel weyo	Isixa-mali esisiso esiQokel elweyo d	Uqokelel o (Olunga phezulu) / Olungap hantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Iirhafu ezifunyenweyo						
Iirhafu zeKhasino						
Iirhafu zoMdyarho wamaHashe						
Amaphepha-mvume otywala						

Amaphepha-mvume ezithuthi						
Ingeniso Engeyoyarhafu	351	2 176	(1 825)	333	1 555	(1 222)
Ukuthengiswa kwempahla neenkonzongaphandle kwee-asethi ezinkulu	351	177	174	333	410	(77)
Okufunyenweyo okukhutshelweyo						
Imirhumo, izohlwayo kunye nelahleko						
Inzala, izahlulo, kunye nerente kumhlaba		28	(28)			
Ukuthengiswa kwee-asethi ezinkulu		33	(33)		32	(32)
Intengiselwano zemali kwii-asethi namatyala		1 938	(1 938)		1 113	(1 113)
Kukonke	351	2 176	(1 825)	333	1 555	(1 222)

Umqhubi ophambili wengeniso kwiSeba yimirhumo yobhaliso lomkhokeli wabakhenkethi. Ekupheleni konyaka-mali, iSebe liqokelele ngaphezulu kokulindelweyo kuqikelelo lwayo lwengeniso ngesigidi esi-R1 825.

Kolu qokelelo lungaphezulu kolulindelweyo, iingxowa-mali ezamkelweyo ezivela kwi-merSETA ezilungiselelwe ukumiliselwa kweeprojekti ezininzi zamakhono zixabise isigidi esi-R1.6 safunyanwa ngesithuba sonyaka-mali. Iingxowa-mali ezingaphezulu zafunyanwa ngokunjalo kuthengiselwa lwabasebenzi lwee-asethi ezingenakube zisetyenziswe.

Inkcitho yenkqubo

Igama leNkqubo	2020/2021			2019/2020		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	INkcitho (Engaphezulu/engaphantsi)	Ulwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	INkcitho (Engaphezulu/engaphantsi)
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	62 744	62 678	66	59 477	56 914	2 563
IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho	89 377	89 355	22	67 040	66 271	769
UPhuhliso loShishino noPhuhliso lweCandelo	69 951	69 342	609	63 718	61 530	2 188
UkuLawulwa kweShishini nokuPhathwa	7 299	7 248	51	9 223	9 058	165
UCwangciso loQoqosho	146 768	143 560	3 208	185 496	181 807	3 689
UKhenketho, uBugcisa noLonwabiso	76 713	76 578	135	60 035	58 148	1 887
UPhuhliso lwaMakhono neNguqu	82 034	81 950	84	66 274	65 055	1 219
Zizonke	534 886	530 711	4 175	511 263	498 783	12 480

ISebe linolwabiwo-mali lokugqibela lwezigidi ezingama-R534,886 kunyaka-mali wama-2020/21. Koku, iSebe lichithe 99.2% yeenkgxowa-mali ezabiweyo xa kuthelekiswa nama-97.56% kunyaka-mali wama-2019/20. Kufuneka iqatshelwe into yokokuba yiNkqubo 5: yoCwangciso loQoqosho kuphela echithe ngaphantsi kwesiqhelo se-2% sonyaka-mali. Oku kubangelwe ikakhulu ngenxa kwenkcitho ebengaphantsi kwebilindelwe yeCOVID-19: iProjekti yeMpilo eNgqeshweni noKhuselo ejolise kumashishini eNtshona Koloni.

IViramenti/nokuQengqelwa

Ekupheleni kunyaka-mali wama-2020/2021, iiviramenti zaqhutywa ukuhlawula inkcitho engaphezulu kuwo onke amacandelo akwivoti. Ezi viramenti zamiliselwa ngolu hlobo:

INkqubo 1: ULawulo. Iviramenti kwinkqubo yenzelwa ukuhlawula inkcitho engaphezulu kwimpahla neenkonzo kunye nohlahlelo lwee-asethi ezinkulu. Iviramenti yenziwa ukususela kwiNkqubo 3: UPhuhliso loShishino neCandelo.
INkqubo 5: UCwangciso loQoqosho. Iviramenti kwinkqubo yenziwa ukuhlawula inkcitho engaphezulu kwimbuyekazo yohlahlelo loqoqosho lomsebenzi. Iviramenti yenziwa ukususela kwiNkqubo 2: IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho.
INkqubo 7: UPhuhliso lwaMakhono neNguqu. Iviramenti kwinkqubo yenziwa ukunikezela inkxaso-mali kulungiselelwa abafundi abangezelelweyo ekufuneka befakwe kwiinkampani esingetheyo njengenxalenye yeprojekti yonikezelo lokufakwa emsebenzini kwiSebe. Iviramenti zenziwa zivela kwiNkqubo 2: IiNkonzo eziHlangeneyo zoPhuhliso loQoqosho ngokunjalo neNkqubo 3: UPhuhliso loShishino neCandelo kunye neNkqubo 6: uKhenketho, uBugcisa kunye noLonwabiso.

Inkcitho engagunyaziswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi

ISebe albanga nankcitho ingagunyaziswanga kodwa kubekho ithuba elinye lenkcitho engenaziqhamo nengenamsebenzi enxulumene nenkcitho eyenziwe kwindawo yokuhlala. Kwafumaniseka into yokuba

igosa alisebenzisanga lunonophelo lufanelekileyo yaye kungoko inkcitho eyenziweyo yenzelwa ilize. Iingxowa-mali zafunyanwa kwakhona kwigosa yaye ulawulo lwemiphumela lwaqhutywa.


Ekujoliswe kuko kweqhinga kwisithuba esifutshane nesiphakathi

Impembelelo yoqoqosho yeCOVID-19 ibe yembi kakhulu yaye ikuyo yonke indawo, kunempembelelo yehlabathi enomphumela kutyalo-mali oluhlileyo kunye nokuzithemba kweshishini, ukulahleka kwemisebenzi, urhwebo olunyiniweyo, nokuba sesichengeni koshishino olunxulumene nokuzimela kweSA kwiimarike zehlabathi.

Isicwangciso sovuselelo seWC silungelelaniswe kwiqhinga lwminyaka emihlanu leSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho yaye lilungisaaimfuno ezikhoyo ukulungisa ukuyila nokuzinzisa imisebenzi, ngokunjalo nemingeni emininzi yenkqubo ethe yafakwa kwiqhinga leminyaka emihlanu leSebe. Kubume boulu nxulumano, okungundoqo okuninzi kuchongiwe njengokuphambili kulungiso lwemingeni ekuqoqosho. Okuphambili kuboniswe kwigrafu engasezantsi.

Ukwangezelela koku, ubhubhane weCOVID-19 ube nempembelelo enkulu kumashishini nakubemi. Ngenxa yoko, kwizithintelo zemali karhulumente, iSebe liphuhlise iqhinga elijolisileyo elibeki phambili la macebo okuhlasela angundoqo ukuncedisa kuvuselele loqoqosho, olusingethwe ngumsebenzi wesiseko ongundoqo weSebe. La macebo okuhlasela aphambili kukwenza lula kokwenziwa koshishino, umbane, ukukhuthazwa kotyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe, ngokunjalo nonxibelelwano kunye nophuhliso lomgaqo-nkqubo. Oku kuphambili kujoliswe kuko kudinga ikhono elangezelelweyo kunye namakhono athe ngqo azimisele ukunceda kucwangciso nomiliselo.

Ukubekwa phambili kovuselelo loqoqosho kwimeko yezithintelo zemali karhulumente



Uthelelwano lwamashishini karhulumente nawangasese

Akukho zi-PPP eziqhutyweyo liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho.

Imisenenzi eyekiweyo/imisebenzi eza kuyekwa

Akukho misebenzi iyekiweyo ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

N/A

Ulawulo lwesixokelelwano sonikezelo

Iinkqubo zeSCM kunye nezixokelelwano zokuthintela inkcitho engalungelelaniswanga

ISebe alikukumbelanga naziphi na izindululo ezingabongozwanga kunyaka ophantsi kovavanyo.

Ipesenti enkulu yomsebenzi weSebe uqhutywa ngokusetyenziswa kweenkqubo zesixokelelwano sonikezelelo yaye ngoko oku kubalulekile kushishinolweSebe. Kunyaka-mali ophantsi kovavanyo, iinkqubo zeSCM zahlaziywa ngokubalulekileyo ukubhangisa inkcitho norhwaphilizo ngokunjalo nokuphuculwa kobuchule. Iinkqubo ezisemgangathweni zokusebenza kunye neenkqubo zikho ukudambisa kwizehlo zenkcitho engalungelelaniswanga, engenaziqhamo nengenamsebenzi, kunye nengagunyaziswanga, ngokusetyenziswa koyilo nomiliselo kolawulo lokucupha, lokuthintela nolokulungisa. Iyunithi yolawulo lwangaphakathi iqhuba ulongamelo yaye yaye igcina uhambelwano kolawulo nokuhambelano lwemithetho. Olu lawulo lubandakanywe kwimanyuwali ekhoyo yomgaqo-nkqubo wemali kunye nesicwangciso-nkqubo sogunyaziso.

Njengoko umsebenzi omninzi wenkqubo ye-SCM usenziwa ngesandla, kukho iinkqubo zokwakha amandla okwenza izinto nezooqesho olucwangcisiweyo ukuze kuphakanyiswe ulwazi kwisebenzi ngokubanzi ngeenkqubo ze-SCM, iinkqubo zokusebenza eziqhelekileyo, imigaqo-nkqubo, izikhokelo nezixhobo.

Ngonyaka-mali wama-2020/21 iSebe lithenge impahla neenkonzo ngokuhambelana nesicwangciso sokuthengwa kwempahla kukho iyantlukwano ye-6.04% okwathi kwabangelwa ziiprojekti ezithe zarhoxiswa kunye/okanye ezithunyelwe ngokutsha njengeentlawulo ezikhutshelweyo.

ISebe ligcine ngokuqhubekayo yaye lalawula ii-asethi ezishukumayo kwinkqubo yeLOGIS ngokuhambelana nengcaciso ephantsi edingekayo okokuba ibe kwirejista yee-asethi. Ubalo lwengqinisekiso eyenziwa ngesandla yokuphela konyaka lwazo zonke ii-asethi ezishukumayo luqalise ngomhla wesi-8 kuFebruwari 2021 ze lwagqitywa ngomhla wama-26 kuFebruwari 2012. Zonke ii-asethi ezishukumayo ezifunyenwe phantsi konyaka ophantsi kohlaziyo zibaliwe yaye zafakwa ngokuchanekileyo kwiRejista ye-Asethi ngokwesiCwangciso-nkqubo soLawulo lwe-Asethi kunye noMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente.

Njengenxalenye yeenzame zokuphucula ubuchule, iCandelo loLawulo-mali lePhondo liqalise ngesixhobo esizisebenzelayo socwangciso lokuthengwa kwempahlaapho iimfuno zokuthengwa kwempahla zeSebe zichola-choliwe kwaze kwanikwa ingxelo ngazo. ISebe lihlaziye ngokunjalo ithempleti kunye neetsheklisti ukuqinisekisa okokuba iinkqubo zimilisela ngokufanayo yaye zisebenza njengesinqandi kukungahambelani.

Ungqubano lomdla lulawulwa ngokusetyenziswa kweenkqubo zokuthengwa kwempahla kunye nezinye. IDEDAT iqinisekisa ngokuqhubekayo ngento yokuba:

- Abalawuli abaphezulu. amagcisa olawulo lwesixokelelwano sonikezelo, abathathi-nxaxheba kunye namalungu ekomiti yonikezelo lwamaxabiso bayawuchaza umdla wabo wemali. Abanikezeli benkozi badingeka okokuba bachaze umdla wabo wemali nonxulumano nabasebenzi bakarhulumente nokusetyenziswa kweenkqubo zolawulo lwesixokelelwano

sonikezelo.

- Ukuhlolwa ngononophelo kwabalawuli abaphezulu, abasebenzi nabanikezeli ngenokonzobaphambili.
- Ukuqinisekiswa kwendlela yokuziphatha kwabanikezeli bamaxabiso kuthelekiswa neregista abasileleyo ukufezekisa ithenda kunye nesizinda esinyiniweyo sabanikezeli benkonzo.

Ngaphezulu, bonke abasebenzi abaqeshwe kwiYunithi yoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo, kufuneka bazalise isibhengezo somdla nesivumelwano nokuqulathiweyo kwifomu yekhowudi yokuziphatha apho irekhodi iya kugcinwa.

Izipho neminikelo efunyenwe ngesisa ngaphandle kwentlawulo kumaqela anganxulumananga nawo

Igama	Isikhundla	Uhlobo	Uqikelelo lwexabiso (R)	Ubudlelwane noMamkeli
Herman Jonker	Umlawuli oPhezulu: ULungelelwano loPhuhliso lwaMashishini (Cape Catalyst)	Hake Fillets (5kg)	450.00	Abukho
Tim Parle	Umlawuli oyiNtloko	Paperback copy of the book: The Mastery Code by Llewellyn Deveraux (Le ncwadi ibe sisipho kwiSebe)	295.00	Abukho
Tim Parle	Umlawuli oyiNtloko	Paperback copy of the book: Praying with Mandela by Archbishop Makgoba (Le ncwadi ibe sisipho kwiSebe)	208.00	Abukho
Joshua Wolmarans	Umlawuli	Biscuits, crunchies, chocolates and a coaster	300.00	Abukho

Ukhululo nonxaxho olufunyenweyo kwiCandelo loLawulo-mali

ISebe alubanga nalukhululo okanye unxaxho oluvela kwiCandelo loLawulo-mali.

Okwenzeke emva komhla wokunikwa kwengxelo

NgoJulayi 2021 kubekho umlo oqhubekayo phakathi kweCape Amalgamated Taxi Association (CATA) kunye neCongress of Democratic Taxi Association (Codeta) okhokhelele kukufa ngokudutyulwa kwingingq zoluntu, ze amawaka abakhweli bashiyeka bengenazo izithuthi zokuhamba. Ngeli thuba oku kumele ikakhulu imiba yecandelo lezothutho, iziphumo kushishino zabonakala ngokucacileyo kuba abasebenzi ababanga nakho ukufikelela kwiindawo zabo zokusebenza ukubenempembelelo kwimveliso. Oku kwakhona kubonisa isidingo sommandla ekujoliswe kuwo luqoqosho ukusabela kwintlekele.

Imibulelo

Ndiyayibulela kwaye ndiyayixabisa inkxaso, ubunkokheli, umkhomba-ndlela kunye nokhuthazo esilunikwa nguMphathiswaMaynier nabasebenzi be-ofisi yakhe kwakunye neKhabhinethi yeNtshona Koloni ebudeni balo nyaka-mali. Ndithi maz’ enethole kanjalo nakwiqela lam labaphathi elingabuyi ngamva nelizijul’ ijacu emsebenzini, kwakunye nabasebenzi be-DEDAT abaye bathi gqolo ukuzibophelela nokuthi ntsho amehlo abo emsebenzini beqinisekisa ukuba siyaqhubekela nokwenza inkqubela- phambili ekufikeleleni izinto esijolise kuzo kwakunye neenjongo zethu, phantsi kweemeko ‘ezingaqhelekanga’. Iinguqu nokugqadaza okuboniswe liSebe ekusabeleni kwiimfuno zabachaphazelekayo bethu abangundoqo ngeli thuba lentlekele, kuqatshelwe yaye kuyancomeka.

Ndingathanda ukuthabatha eli thuba ndithi ndibamba ngazibini kumaqabane asixhasayo nee-arhente zethu yaye ndingathanda nokuvakalisa umbulelo wam ongazenzisiyo kumashishini - amancinci, aphakathi namakhulu - ngegalelo lawo elingaphele ndawo ekufezekiseni uqoqosho lweNtshona Kapa oluchumileyo. Ngoku kunalo naliphi na elinye ixesha ngaphambili, bonke abanebango kwezoqoqosho kuza kufuneka basebenzisane ekuqiniseni ukomelela kweNtshona Koloni.

Ukuqokumbela

Ngenxa yokuba ubhubhane weCOVID-19 eyenze mandundu imingeni yoqoqosho efunyenwe luqoqosho lwesizwe nolwephondo, uRhulumente weNtshona Koloni uphuhlise isicwangciso sovuselelo esinemisebenzi njengomxholo ophambili. Umxholo wemisebenzi kwisiCwangciso soVuselelo sePhondo seNtshona Koloni wakhelwe kumangenelo akhawulezileyo ngokunjalo nokulungiswa kwemingeni yenkqubo. ISebe ngoko liyaqhubeka ngokubeka kwalo phambili uyilo lobume obuncedayo bokuyilwa kwemisebenzi, ikakhulu ngokuxhaswa kwecandelo langasese kunye neemarike, ukulungiselela ngokunjalo ukuphuculwa kwempilo-ntle nokhuselo. Ubume obuncedayo bokukhulisa uqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi buya kufezekiswa ngokusetyenziswa kwale miba ilandelayo:

- Ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino
- Ukukhuthazwa kotyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kumazwe angaphandle
- Ukwandiswa kwamathuba omsebenzi
- Ukomelezwa koqoqosho

ISebe lihlala lizibophelele kwisigunyaziso salo sokunikezela ngenkonzo yaye ngoku ngaphezulu kokuba bekunjalo, urhulumente kunye nee-arhente ezinxulumene naye kuya kufuneka asebenze kunye namaqumrhu, amashishini amancinane kunye necandelo lorhwebo ukulungiselela ukuqulunqa umgaqo woqoqosho ekufezekiseni injongo yoqoqosho oludlamkileyo, olunenguqu noluzinzileyo lweNtshona Koloni, oluphawulwe kukukhula koqoqosho nenisebenzi.

MNU SOLLY FOURIE

IGOSA ELINIKA INGXELO

ISEBE LOPHUHLISO LOQOQOSHO NOKHENKETHO:

Umhla wama-31 kweyeThupha 2021

5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YOMYAKA

Ngokolwazi lwam nento endikholelwa kuyo, ndiqinisekisa oku kulandelayo:

Yonke iingcaciso nezixa-mali ezibhengezwe kuyo yonke iNgxelo yoNyaka ziyinyani.

Ingxelo yoNyaka igqibelele, ichanekile kwaye ayinamiba ishiyelelweyo.

Ingxelo yoNyaka ilungiswe ngokuhambelana nezikhokhelo ezikwiingxelo zonyaka njengoko zikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.

IiNgxelo zoNyaka zeMali (iCandelo E) zilungiswe ngokuhambelana nomgangatho olungelelanisiweyo wemali ezinkozo kunye nezicwangciso-nkqubo nezikhokhelo ezikhutshwe liCandelo loLawulo-mali leSizwe.

.

IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokulungiselela iiNgxelo zoNyaka zeMali kunye nezigwebo ezenziweyo kule ngcaciso.


.

IGosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi ete yayilelwa ukunikezela ngengqinisekiso efanelekileyo ngokuphathelele kwimfezeko nokuthembeka kwengcaciso yomsebenzi, ingcaciso yemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zonyaka zemali.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle kunxityelelwana nabo okokuba banike imbono ezimeleyo ngeengxelo zonyaka zemali.

Ngokoluvo lwam, ingxelo yonyaka ibonakalisa imisebenzi, ingcaciso yomsebenzi, ingcaciso yezabasebenzi nemicimbi yezemali yeSebe kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kuMatshi ngo-2021.

Owenu ozithobileyo



MNU SOLLY FOURIE
AIGOSA ELINIKA
INGXELO

UMHLA: 31 kuAgasti
2021





6. UVAVANYO LWEQHINGA

6.1 Umbono

Umbono weSebe yiNtshona Koloni enoqoqosho olusemandleni, olunoqoqosho oluzinzileyo, oluneempawu zohlumo loqoqosho kunye nengqesho.

6.2 UMnqophiso

Ukufumana ingxelo yombono njengoko uchazwe apha ngasentla, iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho liya kubonelela nobunkokheli obusemgangathweni kuqoqosho lweNtshona Koloni kusetyenziswa ingqiqo yeSebe yoqoqosho, ikhono lalo lokuchonga amathuba oqoqosho kunye nekhono, kunye nomnikelo walo kokuphambili kuqoqosho lukarhulumente. ISebe liya kwandisa imveliso kunye nekhono lokhuphiswano loqoqosho lwephondo. Liya kuba ngungqa phambili kukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi ngokusetyenziswa:

- Kokukhuthazwa kotyalo-mali nkuba ngunga phambili kwizibonelelo
- Kokukhula kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe
 - Kokulungiswa kwezithuba kumakhono
 - Kokukhawuleziswa kokwenziwa lula koshishino
 - Kokomelezwa kwezibonelelo

6.3 Iinqobo ezisesikweni

Iinqobo ezisesikweni zeSebe zezi:

Inkathalo: Ukukhathalela abo sibasebenzelayo

Ubuchule: Ikhono nokuba nakho ukwenza umsebenzi esiwuqeshelweyo

Ukuthatyathwa koxanduva: Sithabatha uxanduva

Imfezeko: Ukuthembeka nokwenza oko kulungileyo

Inguqu: Ikhono lokwamkela iimbono ezintsha nokuphuhlisa izisombululo eziyiliweyo kwiingxaki ngendlela

Ukusabela: Ukusebenzela iimfuno zabemi bethu nabasebenzi

7. IZIGUNYAZISO ZOMTHETHO NEZINYE

Isigunyaziso somgaqo-siseko

UMgaqo-siseko woMzantsi Afrika, 1996

IShedyuli 4 woMgaqo-siseko woMzantsi Afrika idwelisa imimandla yokusebenza esebenza kunye namagunya omthetho wesizwe nowephondo. Loo mimandla ifaneleke kuphuhliso loqoqosho nokhenketho yile:

- Ukhuseleko lomthengi
- Ukukhuthazwa koshishino
- Ukhenketho
- Urhwebo

IShedyuli 4B yoMgaqo-siseko ichonga ukhenketho lwengingqi njengomcimbi kamasipala osebenza kunye negunya lomthetho leSizwe nelePhondo, kubungakanani obandlalwe kumacandelo 155(6)(a) kunye ne-(7) loMgaqo-siseko.

Imithetho emininzi idlala indima kumda womsebenzi weSebe. Imithetho ebalulekileyo emininzi kunye nemigaqo-nkqubo ichaziwe:

UMthetho wokuXhotyiswa kwabaNtsundu kwezoQoqosho ngokuBanzi, wama-2003 (UMthetho 53 wama-2003), njengoko ulungisiwe nguMthetho woLungiso we-BBBEE, 2013 (uMthetho 45 wama-2013)

UMthetho weBBBEE useka isicwangciso-nkqubo esisemthethweni kulungiselelwa ukukhuthazwa kokuxhotyiswa koqoqosho lwabantsundu; uxhobisa uMphathiswa okokuba akhuphe ikhowudi zokusebenza kakuhle, nokupapasha iphepha lamalungelo enguqu; useka iBhunga leNgcabiso loQoqosho lwabaNtsundu; nokunikezela kwimiba enxulumene noko.

UMthetho oLungisiweyo weBBBEE ivelise inani leenguqu, yaye ezi zilandelayo zithatyathwa njengezona zibalulekileyo:

- Ukusekwa kweKhomishoni yeBBBEE ethi inikezele ngendima yolongamelo neyenkxaso
- Inkcazelo 'yokumelwa kwishishini elingelilo elakho' nokubekwa kobutyala kwiimeko ezinjalo
- Onke amasebe karhulumente kufuneka anike ingxelo ngokuhambelana nemithetho yeBBBEE kwiingxelo zawo zonyaka
- Izilungiso kwiiKhowudi zeBBBEE zokuSebenza ngokuLungileyo eziqaliswe ngomhla woku-1 kuMeyi 2015

UMthetho woShishino, 1991 (uMthetho 71 we-1991)

Lo Mthetho unikezela ngokunyulwa koogunyaziwe bamaphepha-mvume nokukhutshwa kwamaphepha-mvume alungiselelwe iintlobo zamashishini (kubandakanywa ukuthengiswa okanye ukubonelelwa kwezidlo okanye ukutya okubolayo kunye nezibonelelo seentlobo ezithile zamaziko empilo okanye awokonwabisa).

UMthetho wokuKhuselwa kwabaThengi, wama-2008 (uMthetho 68 wama-2008)

I-CPA ikhuthaza indawo yoshishino enobulungisa, efikelelekayo nezinzileyo elungele imveliso yabathengi neenkonzokwaye ngenxa yaloo njongo kusekwe iindlela zokuziphatha nemigangatho yesizwe elindelekileyo eneenkcukacha zabathengi, ethintela izenzo zentengiso noshishino olungenabulungisa, ikhuthaza isimo sokuziphatha kwabathengi ezibonisa uxanduva, ukukhuthaza imithetho engagungqiyo nokunyanzeliswa kwesakhelo esinxulumene nenengiselwano nezivumelwano nokusekwa kweKhomishini yabaThengi yeSizwe.

UMasipala: UMthetho weNkqubo zikaMasipala, wama-2000 (uMthetho 32 wama-2000)

UMthetho ubonelela ngeyona mithetho-siseko, iindlela neenkqubo eziphambili zokwenza ukuba ooMasipala basebenze ngenkqubela ukuphakamisa izinga lentlalo neloqoqosho eluntwini nokuqinisekisa ngeenkonzo ezibalulekileyo nezifikelekayo.

UMthetho wamaShishini amaNcinci weSizwe, we-1996 (uMthetho 102 we-1996), njengoko ulungisiwe nguMthetho wamaShishini amaNcinci weSizwe, wama-2004 (uMthetho 29 wama-2004)

UMthetho wokulungisa warhoxisa izibonelelo eziphathelelene neNtsika Enterprise Promotion Agency (Ntsika); ibonelela ngokusekwa kwe-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinci (i-SEDA) kwaye ibonelela ngokudityaniswa kweNtsika, Namca kunye naliphi na elinye iziko elichongiweyo kwi-arhente

UMthetho weNkampani yamaPhepha-mvume woMmandla woPhuhliso loShishino eSaldanha Bay, 2016 (uMthetho 1 wama-2016)

Injongo yoMthetho kukulawula ukusebenza kweSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd. Unikezela ngolwabelwano loRhulumente weNtshona Koloni kwiSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd nokunikezela ngeenjongo, imisebenzi kunye nolawulo lweSaldanha Bay IDZ Licencing Company SOC Ltd.

UMthetho weNtsebenziswano, 2005 (uMthetho 14 wama-2005), njengoko ulungisiwe nguMthetho oLungisiweyo weNtsebenziswano, 2013 (uMthetho 6 wama-2013)

UMthetho uchaza into yokokuba iSebe linoxanduva loPhuhliso loqoqosho kurhulumente wephondo liqinisekisa ngolungelelaniso kucwangciso, kuhlalo lwabiwo-mali, ukufunwa kweenkonzo kunye nenkxaso nokubekwa kweliso novavanyo lookopolotyeni.

UMthetho woBulungu boThelelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni, 2013 (uMthetho 12 wama-2013)

Injongo yoMthetho kukunikezela ngomthetho oncedayo ukulawula ubudlelwana phakathi koRhulumente weNtshona Koloni kunye noThelelwano loPhuhliso loQoqosho (EDP). UMthetho unikezela ngento yokuba uRhulumente weNtshona Koloni unakho ukuba lilungu le-EDP yaye useka ubudlelwane obusesikweni (kubandakanywa nonikezelo lweentlawulo ezikhutshelweyo) phakathi kwamagela amabini. UMthetho ubeka phambili imiqathango enxulumene nobulungu boRhulumente weNtshona Koloni be-EDP kunye nenkxaso-mali ye-EDP ngeentlawulo ezikhutshelweyo. UMthetho awulawuli ukuqhutywa kwemisebenzi ye-EDP njengoko le ilawulwa yimithetho yenkampani. UMthetho waphunyezwa yiKhabhinethi yePhondo ngoDisemba wama-2013.

UMthetho weNkampani weZiko leNgqungquthela yeHlabathi laseKapa, 2000 (uMthetho 8 wama-2000)

Injongo yoMthetho kukunikezela ngzabelo zePhondo kwiNkampani yeZiko leNgqungquthela yeHlabathi laseKapa, ukulungiselela inkxaso-mali enikezelwa kwiNkampani liPhondo, nokunikezela ngemiba ehamba nayo ngoko.

UMthetho woMmandla oWodwa woQoqosho, 2014 (uMthetho 16 wama-2014)

Injongo yalo mthetho kukubonelela ngokuchongwa, ukukhuthaza, ukuphuhlisa, ukusebenza nokulawula iMimandla eYodwa zezoQoqosho, ezibandakanya ukuseka ishishini (nokuba leliphondo okanye likamasipala) ukulawula i-SEZ nganye. Ngapha koko, lo mthetho ubonelela ngokusekwa kunye nokusebenza kweBhodi yeeNgcebiso ngeZinto eziKhethekileyo zoMhlaba kuzwelonke kunye nokusekwa kweNgxowa-mali eyiMimandla yezoqoqosho ekhethekileyo. Okokugqibela, lo mthetho ujonge ukumisela inkqubo yokufaka isicelo kunye nokukhutshwa kwamaphepha-mvume okusebenza kuMmandla zoMhlaba; kunye nokubonelela ngemisebenzi yoMlawuli weZinto eziQinisekileyo zezoqoqosho.

UMthetho wezoKhenketho, 2014 (uMthetho 3 wam- 2014)

Lo Mthetho wenza isibonelelo sophuhliso kunye nokukhuthaza ukhenketho oluzinzileyo ukuze kuxhamle uluntu, uqoqosho kunye nokusingqongileyo. Iinjongo zayo zibandakanya ukukhuthaza iindlela zokhenketho ezifanelekileyo; ukuthengisa okusebenzayo eMzantsi Afrika, kokubini ngaphakathi nangaphandle ngoKhenketho loMzantsi Afrika (SAT); ukukhuthaza iimveliso zokhenketho ezisemgangathweni kunye neenkonzo; ukukhuthaza ukukhula kooqoqosho kunye nophuhliso lwecandelo, kunye nokusekwa kobudlelwane obuphakathi koorhulumente bokuphuhlisa nokulawula ukhenketho. Ikwenza ikakhulu ukubonelela ngoqeqesho oluthe kratya kunye nokubhaliswa kwezikhokelo zabakhenkethi, indlela yokuziphatha kunye nokuziphatha kwezikhokelo zabakhenkethi, iinkqubo zokufaka izikhalazo kunye namanyathelo oluleko.

UMthetho weMicimbi yaBathengi eNtshona Koloni (Izenzo zoShishinoezingenabulungisa), 2002 (uMthetho we-10 wama-2002))

UMthetho ubonelela ngophando, izithintelo nolawulo kwizenzo zoshishino ezingenabulungisa nokusekwa kwe-Ofisi yoMkhuseli waBathengi neeNkundla zeMicimbi yezaBathengi.

UMthetho we-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo weNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996) njengoko ulungisiwe ngoMthetho we-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo weNtshona Koloni, 2013 (uMthetho 6 wama-2013)

Umthetho useke i-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni (Wesgro). Walungiswa nguMthetho oLungisiweyo we-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni, 2013 (uMthetho 6 wama-2013), owalungisa uMthetho wokuqala ukulungiselela ukwandisa iinjongo, amagunya kunye nemisebenzi ye-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni kunye namagunya nemisebenzi yabalawuli beBhodi ye-Arhente (iBhodi) kunye neyeGosa eliyiNtloko lesiGqeba kubandakanywa nokukhuthazwa kokhenketho.

UMthetho oWodwa weZibonelelo zoPhuhliso loQoqosho 16 wama-2019

URhulumente weNtshona Koloni unoxanduva lokuqhuba iiprojekti ezizodwa ezininzi zezibonelelo zophuhliso loqoqosho kwiPhondo ukuvuselela nokukhuthaza ukukhula noyilo lwemisebenzi. Lo mthetho uncenda ekusekweni nasekulawulweni komntu osemthethweni okokuba agcine yaye akhusele umdla woRhulumente weNtshona Koloni kwezi projekti zizodwa zezibonelelo zophuhliso loqoqosho zoRhulumente weNtshona Koloni.

IZIGUNYAZISO ZOMGAQO-NKQUBO

IQhinga leMinyaka emiHlanu leSebe loPhuhliso loQeqesho noKhenketho 2020-2025

Iqhinga leDEDAT leminyaka emihlanu 2020-2025 lihlala lingaguqulwanga ngokuthambekele kwinto yokokuba lilungelelaniswe kakuhle kunye nesicwangciso seqhinga sePhondo kunye nesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni. Liqulunqwe nemimandla emihlanu ekujoliswe kuyo, eyile:

- Utyalo-mali ngokukhuthazwa nokubekwa phambili kwezibonelelo
- Ukukhuliswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe
- Ukulungiswa kwezithuba kumakhono
- Ukukhawuleziswa kokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino
- Ukuqiniswa kwezibonelelo

Le mimandla elijolise kuyo iSebe kunye neziphumo zayo zenza imbombo yeqhinga leminyaka emihlanu leDEDAT.

.

IsiCwangciso-nkqubo seNkqubo yoLawulo lweNgcaciso yokuSebenza (FMPPI, 2007)

I-FMPPI icacisa iingcingane ezingundoqo ekuyilweni nasekuphonyezweni kweenkqubo zolawulo ukuchaza, ukuqokelela, ukufaka ingxelo kunye nokusebenzisa ulwazi lwendlela yokusebenza kwicandelo likarhulumente. I-FMPPI igxininisa ukuba ulwazi lwendlela yokusebenza lubalulekile ukuze kujoliswe ingqalelo yoluntu namaqumrnu amiselwe ukubeka iliso ekubeni amaziko karhulumente asebenzisa imali ngendlela eyinzuzo na, ngokuthelekisa intsebenzo yawo nohlalo lwabiwo-mali nezicwangciso zohanjiso lweenkonzo kwakunye nokulumkisa abaphathi ngeenkalo ekufuneka kuzo amanyathelo okulungisa izinto

IsiCwangciso sokuSebenza soMgaqo-nkqubo woShishino (IPAP)

Isicwangciso sokuSebenza soMgaqo-nkqubo woShishino (IPAP) similiselwe ngokuqinileyo kumgaqo-nkqubo kaRhulumente ngokubanzi kunye nezicwangciso zokujongana nemiceli mingeni ephambili yokukhula koqoqosho kunye nezomzi-mveliso kunye nentlupheko esekwe kubuhlanga, ukungalingani kunye nentswela-ngqesho. I-IPAP i-2018 is yimveliso yeCandelo lezoQoqololo, ukuQeshwa kunye nokuPhuhlisa kweziSeko (ESEID). Uxanduva lokuphonyezwa kwalo lixhomekeke kuRhulumente xa lilonke kwaye uluhlu olubanzi lwamacandelo, kubandakanya ii-SOC.

I-IPAP2018 igxile kwezi zihloko zilishumi ziphambili neziyalela umsebenzi we-dtiand ukuba isebenze njengemephu yendlela yemigudu ebanzi yomzi mveliso:

- Kukhuliswe uqoqosho
- Ukomeleza iinzame zokuphakamisa iimfuno zekhaya ngokubanzi - ikakhulu ngokwenza indawo ekuthengweni kwempahla yoluntu kunye nemizamo eyandisiweyo yokuphembelela icandelo labucala ukuba lixhase uburhulumente kunye nophuhliso lwabathengisi basekhaya
- Ukunyuswa kwenzame zoMzantsi Afrika zokuthunyelwa kwepahla kwamanye amazwe
- Ukuyilwa nokuqiniswa kwengqinisekiso yomgaqo-nkqubo nolungelelwano lwenkqubo
- Ukuqiniswa kweenzame eziqhubekayo ukulungiselela ukwakha ubume obungahlananga kakhulu, uqoqosho olunokhuphiswano kakhulu nobokwenziwa kwezinto apho izithintelo zokungenela ushishino zabantu abatsha kushishino zithotywe
- Ukwakhiwa kwenkqubo eyomeleleyo yezemali yemizi-mveliso kunye nenkuthazo yokuxhasa kunye nokukhusela amanqanaba aphezulu otyalo-mali lwamacandelo abucala kumacandelo emveliso yezoqoqosho nokukhulisa ukuthengisa kumazwe angaphandle
- Ukuqhubela phambili neeprojekti ezigxile kakhulu kwitekhnoloji, ezangezelela ixabiso nesibonelelo exhathise ngokupheleleyo izibonelelo zoMzantsi Afrika kukhuphiswano lwehlabathi
- Kwandiswe ukuhanjiswa kwetekhnoloji kunye nothintelo kwaye, ukusebenza ngokubambisana neSebe lezeNzululwazi nobuChwepheshe, kuqiniswa ngakumbi kumzamo wokuthengisa 'umntu okhulele ekhaya' kumacandelo aphambili.
- KuXhaswe ukomeleza okuqhubekayo kwemveliso esebenzayo yamandla kunye neenzame zokunciphisa iikhabhoni kunye namanyathelo ngendlela evumela ukuba uhlengahlengiso oluzinzileyo kuwo onke amacandelo anoqoqosho lube namandla
- Ukuqonda, ukuqonda kunye nokulungiselela iziphumo ezibonakalayo zoVavanyo lwezoDijithali lwezobuchwephesha kunye neetekhnoloji eziphazamisayo ezivelayo, ngokusebenzisana ngokudibeneyo kwamacandelo emveliso kunye neenkonzo zase-SA ukujongana nemiceli mngeni, kubandakanya nezo zinxulumene nokushenxiswa komsebenzi.

IsiCwangciso seSizwe soPhuhliso (NDP)

Iingqiqo eziphambilize NDP zezi:

- Ukuhlanganisa aBemi boMzantsi Afrika kwinkqubo efanayo
- Abemi absebenzela uphuhliso lwabo
- Ukuhkhula koqoqosho okukhawulezayo nokuhlangeneyo
- Ukwakhiwa kwamakhono
- Urhulumente onekhono
- Ubunkokheli noxanduva kulo lonke uluntu

IsiCwangciso soLwakhiwo ngokutsha noVuselelo loQoqosho soMzantsi Afrika, 2020

Iingqikelelo eziphambili zesicwangciso zezi:

- Iphulo lotyalo-mali lwezibonelelo ngentsebenziswano necandelo langasese ukuvuselela uyilo lwemisebenzi
- Ukufezekiswa kokhuseleko lombane ngokuvulela isixokelelwano sonikezelo lombane kubavelisi bombane abazimeleyo
- Ukutyhalelwa phambili kwedijithali kunye nenkqubela phambili yothengiso olusekwe kububanzi kunye nokuzibophelela ukuphucula ikhono likarhulumente
- Ukunyenyesiswa kobume bolawulo ukwandisa ukwenziwa lula koshishino kunye nephulo elihlanganisiweyo lokuphuhlisa amashishini amancinane.
- Ukuqaliswa kwevisa ekwi-intanethi ukwandisa ukhenketho
- Iskimu sokuqeshwa kolutsha ukunceda ootitshala kwisikolo sokufunda.

Esi sicwangciso sovuselelo sesizwe sihambelana kunye nemixholo emininzi kumxholo wemisebenzi yesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni.

IsiCwangciso-nkqubo seSizwe soMgaqo-nkqubo woVavanyo, 2011

Isicwangciso-nkqubo sesizwe somgaqo-nkqubo wovavanyo (NEPF) unikezela ngesiseko senkqubo esiphantsi sovavanyo kuye wonke urhulumente kunye nendlela enye yovavanyo kwinkonzo karhulumente. Injongo yaso kukuqinisekisa ngeemvavanyo ezilungileyo ezithi zinike ingcaciso ngoko kusebenzayo nook kungasebenziyo yaye, ngale ndlela, sincele ukuphucula ukusebenza kakuhle kunye nempembelelo yomsebenzi karhulumente. Ukuphuculwa kokusebenza, isicwangciso-nkqubo sigxininisa isidingo sokusetyenziswa kobungqina obuthembekileyo nobuvelisa uvavanyo olujonga onke amacala kucwangciso, kuhlalo lwabiwo-mali, kuphuculo lombutho kunye nakuhlaziyo lomgaqo-nkqubo nakulawulo lwenkqubo neprojekti.

IsiCwangciso seSizwe soVuselelo loKhenketho

Ubhubhane weCOVID-19 ube nempembelelo engumangaliselo kwicandelo lokhenketho lehlabathi. Oorhulumente kulo lonke ihlabathi kunyanzeleke okokuba bamilisele imiqathango eyimfuneko ukuthintela ukusasazeka kwentsholongwane yekhorona ukwenzela ukuqinisekisa ngokuba ikhono lenkqubo yezempilo aloyisakali ngumlinganiselo wolwasuleleko. Impembelelo ethe ngqo yoku yaba luthintelo lokuhamba kwihlabathi oluthe lwaba nempembelelo embi kwikhono lehlabathi lokusetyenziswa kwecandelo lezokhenketho. IQhinga leSizwe loVuselelo loKhenketho liphuhlisiwe ukukhokhela iinzame ngokuphatelelene kuvuselelo lokhenketho emva kokuphela kweCOVID. Imixholo emithathu yeqhinga isembindini wovuselelo loMzantsi Afrika. Ukulumeke ibango, ukuhlaziywa kwakhona konikezelo nokuqiniswa kwekhono elancedayo. Okusekele le mixholo, izindululo zeqhinga ezili-10 ziyacetyiswa kunye nemisebenzi ethe ngqo, isithuba esibekiweyo nokuthwalwa koxanduva.

IQhinga leSizwe leCandlo lezoKhenketho (NTSS)

Uphando lubonisa ukuba kusekho amathuba amaninzi okukhula kokhenketho kweli lizwe angaxhaphazwa ngokupheleleyo. Oku kukhokelele iSebe leSizwe lezoKhenketho, phantsi kokukhokelwa nguMphathiswa Wezokhenketho, ukuba aqalise kwaye alawule inkqubo ebandakanyayo yokuyila iQhinga leCandlo lezoKhenketho kuZwelonke ukukhuthaza kunye nokukhawulezisa ukukhula koxanduva kushishino lokhenketho ukusuka ngo-2010 ukuya kowama-2020.

I-NTSS iphakamisa izihloko ezi-3 eziphambili ezineendawo ezithile ekugxilwe kuzo ezinembono zeSizwe, zePhondo nezengingqi.

UMXHOLO 1 Ukukhula kwezokhenketho kunye noqoqosho

- Ukukhulisa umnikelo ophелеleyo wecandelo lezokhenketho kuqoqosho
- Ukunikezela ngophuhliso olugqesileyo lwabantu kunye nomsebenzi onesidima kwicandelo lezokhenketho
- Ukwandiswa komnikelo wokhenketho lwasekhaya kuqoqosho lokhenketho
- Ukunikela kuqoqosho lokhenketho lwengingqi.

UMXHOLO 2: Amava omtyeleli awandisiweyo

- Ukunikezela ngamava akumgangatho wehlabathi kumtyeleli
- Ukwendelelisa inkcubeko yokhenketho phakathi kwaBemi boMzantsi Afrika
- Ukubeka uMzantsi Afrika njengendawo yokufikela enikwa ingqwalasela lihlabathi

UMXHOLO 3: Uzinziso nolawulo olulungileyo

- Ukufezekisa inguqu kwicandelo lokhenketho
- Ukulungiswa komba wendawo, yamaxesha onyaka nokuthi saa kwamaphandle.
- Ukukhuthazwa iindlela 'zokhenketho olunoxanduva' kwicandelo
- Ukuvulela uphuhliso loqoqosho lokhenketho kwinqanaba likamasipala

I-OneCape2040

I-OneCape2040 izama ukuvuselela inguqulelo ebhekiselele kwikamva elibandakanya kakhulu noqoqosho olomeleleyo kulungiselelwa ummandla weNtshona Koloni. Ngumbono neqhinga loluntu, kunokuba sisicwangciso sikarhulumente, nangaona omathathu amacandelo karhulumente ebalulekileyo kumiliselelo. Asikho ndaweni yazo naziphi na izicwangciso zomthetho esele zikho ezifunekayo mhlawumbi kwiphondo okanye koomasipala. Ixhibe njengendawo ekubhekiselelwe kuyo nesikhokhelo sabo bonke abachaphazelekayo ukulungiselela:

- Ukukhuthazwa kwendlala yokucinga entsha nonxibelelwano olubalulekileyo kwikamva
- Ukunikela nge-ajenda efanayo kulungiselelwa intsebenziswano yamashishini angasese, karhulumente noluntu.
- Ukunceda kumsebenzi wolungelelwaniso nezigqibo zotyalo-mali
- Ukuguquzelelwa kweenguqu ekufuneka sizenziwe ukuziqhelanisa nobume bethu obuguquka (ngokukhawuleza) bengingqi nobehlabathi
- Ukulungiswa kweziguqunyaziso zophuhliso lwethu, uzinziso, ubandakanyo nokhuphiswano

IsiCwangciso seQhinga sePhondo (PSP) 2019 - 2024

I-PSP yowama-2019-2024 sisicwangciso seminyaka emihlanu esandlala amaqhinga nezicwangciso zoRhulumente weNtshona Koloni seminyaka elandelayo emihlanu. Siqulathe okuphambili okuvuselelwa ngumbono, okukoku

- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 1: Ukhuselo nolungelelwaniso loluntu
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 2: Ukukhula nemisebenzi
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 3: Ukuxhotyiswa kwabantu
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 4: MUKuguqu-guquka nenguqu yesithuba
- Okuphambili okuVuselelwa nguMbono 5: Inguqu nenkcubeko

UThungelwano SA

UMgaqo-nkqubo weThungelwano lweSizwe loMantsi Afrika (olwamkelwe ngoDisemba 2013) unikezela ngesicwangciso-nkqubo sobume obomeleleyo bothungelwano ngocingo kwilizwe. Ulungelelaniswe kwiNDP, singqina kuncedo loqoqosho okokuba izibonelelo zothungelwano zinakho ukuqaliswa xa lemiqathango ilandeleayo ithe yahlangatyezwa:

- Uthungelwano kufuneka lufikelele kwisininzi esibalulekileyo soMzantsi Afrika
- Ufikelelo kuthungelwano kufuneka lufikeleleke

- Amakhono abanga icala kufuneka aphuhliswe ukulungiselela okokuba iinkonzo zothungelwano zibe nokusetyenziswa ngokufanelekileyo
- Amakhono onikezelo kwicala kufuneka aphuhliswe ukwenzela ukuba ikhono loqoqosho nenguqu lothungelwano lunokusetyenziswa

Eminye imigaqo-nkqubo ebalulekileyo ethi iphembelele icandelo le-ICT ibandakanya:

- IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo leSizwe loMgaqo-nkqubo oHlangeneyo we-ICT (2016)
- IQhinga le-Intanethi leSizwe (2017)
- IKhomishoni kaPrezidanti ngeKhomishoni yoShishino lwesiNe – Ingxelo yeZindululo (2020)
- IQhibga leDijithali yeSizwe kunye naMakhono eXa elizayo (2020)

IsiCwangciso-nkqubo seQhinga loThungelwano leNtshona Koloni (2012)

Isicwangciso sandlala indlela yethu ephela ukulungisa ufikelelo (izibonelelo), ukulungela nosetyenziso ngurhulumente, abemi kunye namashishini ukulungiselela ukuphucula unikezelo lwenkonzo karhulumente, ukuqinisa ufikelelo lwabemi kumathuba kunye nengcaciso nokwandiwa kokhuphiswano loqoqosho.

IsiCwangciso-nkqubo seQhinga soQoqosho oluluHlaza leNtshona Koloni

Injongo yesicwangciso-nkqubo kukubeka iNtshona Koloni njengephondo eliphantsi kwikhabhoni eMzantsi Afrika yaye likqenkeze phambili njengendawo yoqoqosho oluluhlaza kwilizwekazi le-Afrika kube nomphumela wokukhula okuzinzileyo okuluhlaza kunye nophuhliso.

IsiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni

Imimandla ekujoliswe kuyo emithathu ethe yakhethwa njengeentsika zesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni yimisebenzi, lukhuselo kunye nempilo-ntle. Ummandla ogxile kuyo imisebenzi uyinika ingqwalasela into yokuba nangona icandelo langasese liphambili ekuveliseni imisebenzi, yindima yeWCG ukuyila iimeko ezincedayo ekuyilweni nasekuzinziseni imisebenzi nempilo-ntle.

Intsika yokhuselo iyayiqonda into yokuba iWCG izibophelele ekwenzeni iphondo libe yindawo ekhuselekileyo yabo bonke abahlali kunye nabatyeleli nokulungisa izizathu kunye nemiba yomngcipheko esekelayo ethi ikhokhelele kubundlobongela nolwaphulo-mthetho. Oku kunokuphumelela ngcono ngokusetyenziswa kwendlela yolwakhiwo loluntu olwakhelwe kwintsebenziswano eyomeleleyo kunye nothethlwano apho umntu ngamnye, abazali, imibuto kumye namaziko adlala indima ekunciphiseni ubundlobongela.

IWCG ibeke impilo-ntle njengentsika esembindini yokwenziwa ngurhulumente ukulungiselela ukufezekisa ngamanqanaba amalungelo esiseko akuMgaqo-siseko nokuqinisekisa ngesidima somntu sabo bonke abemi beNtshona Koloni. Oku kujolise ekulungiseni iimfuno ezifana nemfundo, impilo, ukhuselo, indawo yokuhlala, iimeko ezinesidima zokuhlala, kunye nokufikelela kumathuba oqoqosho.

Umxholo wemisebenzi yesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni silungelelaniswe nesicwangciso seqhinga sePhondo (PSP) kunye namangenelo akhawulezileyo. Okona kuphambili kweSebe, kulungelelaniswe kumxholo wemisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni, koku:

- Ukukhawuleziswa kokwenziwa lula kokugutywa koshishino
- Ukukhuthazwa kotyalo-mali nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe
- Ukunyuswa kwamathuba emisebenzi kunye namakhono abantu abangenayo imisebenzi.
- Ukomelezwa koqoqosho



UMPHATHISWA
WEZEMALI NAMATHUBA OQOQOSHO
Mnu D Maynier



HOD
UPHUHLISO
LOQOQOSHO
NOKHENKETHO
Mnu S Fourie



DDG
UKUHAWULEZISWA
KWEQHINGA
LOQOQOSHO
NOPHUHLISO
Nksk J Johnston



UMLAWULI
OYINTLOKO
UCWANGCISO
LOQOQOSHO,
IZIBONELEO KUNYE
NOLUNGELELWANI



Nksk B Mphahla-Schiff
UMLAWULI



Rando Korte
NOPHUHLISO
(Vacant)



UMLAWULI
UPHUHLISO
OLUHLANGENE
YO
LOQOQOSHO
(Asizaliswang a)



UMLAWULI
CAPE CATALYST



UMLAWULI
OYINTLOKO
UQOQOSHO
HO
LWEDJIT
HALI



MNU T Parle
UMLAWULI



UMLAWULI



UMLAWULI
USHISHINO
OLUHLANGE
NEYO
(Asizaliswa
nga)



UMLAWULI OYINTLOKO
UQOQOSHO
OLUHLAZA




UMLAWULI IINKQUBO



(Asizaliswanga)

UBUME BOMBUTHO



9. AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA

Igama leQumrhu	IsiGunyaziso soMthetho	Ubudlelwane beMali	Uhlobo lweMisebenzi
I-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noShishino eNtshona Koloni (Wesgro)	UMthetho we-Arhente eKhuthaza uTyalo-mali noShishino eNtshona Koloni, 1996 (UMthetho 3 we-1996)	Umamkeli wentlawulo ekhutshelweyo	IWesgro yi-Arhente esemthethweni eKhuthaza uKhenketho, uTyalo-mali noShishino eNtshona Koloni
ISaldanha Bay Industrial Development Zone Licensing Company (SBIDZ LiCo)	UMthetho weSaldanha Bay Industrial Development Zone UMthetho weNkampani YokuNikezela amaPhepha-mvume, 2016 (uMthetho 1 wama-2016)	Umamkeli wentlawulo ekhutshelweyo	I-SBIDZ LiCo liqumrhu elileleWCG ngokupheleleyo yaye inoxanduva lokukhuthaza, lolawulo kunye nentengiso yommandla wophuhliso lweshishini kummandla waseSaldanha Bay ngokunjalo nemisebenzi encedisayo edingekayo ukulungiselela ukusekwa kwe-IDZ.







ICANDELO B: INGCACISO YOMSEBENZI

1. INGXELO YOMPHICOTHI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMBILI

I-AGSA ngokwakaloku nje yenza iinkqubo ezithile zophicotho-zincwadi kwingcaciso yokusebenza ukulungiselela ukunikezela ngengqinisekiso efanelekileyo ngendlela yezigqibo zophicotho-zincwadi. Izigqibo zophicotho-zincwadi kumsebenzi othelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo eya kubalawuli, kunye nokufunyenweyo ekunikwe ingxelo ngako phantsi kwesihloko senjongo ezimiselwe kwangaphambili **kwingxelo kwezinye iimfuno zomthetho nezilawulayo** kwicandelo lengxelo yomphicotho-zincwadi.

2. UVAVANYO NGOKUBANZI LOKUSEBENZA KWESEBE

2.1 Ubume bonikezelo lwenkonzo

Amabango neenguqu kwinkonzo

Isicwangciso seqhinga sePhondo (okuphambili okuvuselelwa ngumbono 2) (PSP: VIP 2) sibonisa umbono woRhulumente weNtshona Koloni wokukhula nokuyilwa kwemisebenzi, kunye neqhinga leSebe leminyaka emihlanu elilungelelaniswe kwiPSP: VIP2.

Ngokuthambekela kwimpembelelo enkulu yeCOVID-19 ethe yanayo kuqoqosho kunye nengqesho, iSebe kunye noRhulumente weNtshona Koloni umiliselel isicwangciso saNgoku seMisebenzi, esinikezela ngempendulo ekhawulezileyo kwimingeni eziswe yiCOVID-19 esizama ukungenisa inkunzi nemisebenzi kuqoqosho nakumakhaya. Ukunikwa kwengwalasela kwinto yokuba impembelelo yeCOVID-19 iya kuqhubeka ukuba neempembelelo eziphakamileyo nezithatha ixesha elide kuqoqosho sithuba eside emva kwemingcipheko yempilo kabhubhane sele iphantsi kolawulo, umxholo wemisebenzi kwisicwangciso soVuselelo seNtshona Koloni wakha kwisicwangciso saNgoku seMisebenzi yaye sizama ukuvuselela ukukhula nokunikezela ngengqinisekiso enkulu kushishino ngokulungiswa kwemingeni yenkqubo.

Ubume bokusebenza

Uqoqosho lweNtshona Koloni lubetheke kakhulu ngubhubhane weCOVID-19, usenza mandundu ngakumbi imingeni yoqoqosho kunye noqoqosho lwentlalo efunyenwe kwiPhondo. Imizi-mveliso iqhubekile ukujamelana nemingeni emikhulu ebe nomphumela kwilahleko enkulu yemisebenzi. I-DEDAT ilindele uqoqosho lwePhondo okokuba lubuyele esiqhelweni kowama-2021, ngokukhula kuqoqosho nge-4.4%. Ukususela kwimbono yecandelo, amacandelo athwaxwe kakhulu eNtshona Koloni lukhenketho, licandelo elingekho sikweni, lulwakhiwo, lurhwebo, kunye nokwenziwa kwempahla.

Kwinqanaba lwesithili, uhlalelo lwesithuba lwempembelelo yoqoqosho yobhubhane lubonisa into yokuba bonke bobahlanu oomasipala bezithili bafumene ukuncipha kumsebenzi woqoqosho kunye nelahleko yemisebenzi. Okufunyenweyo kwiNational Income Dynamics Study – Coronavirus Rapid Mobile Survey (NIDS-CRAM) ufundo oluqhutywa ngoSeptemba 2020 lubonisa into yokokuba ukuqheleka kwemiba yempilo yengqondo kuphinda-phindiwe, okokuba imimandla yasemaphandleni ibe nokuchaphazeleka yilahleko yemisebenzi, nento yokokuba ngoJuni 2020, isininzi sabahlali basematyotombeni banike ingxelo yokuphelelwa kukutya. Impembelelo embi ngokubanzi yeCOVID-19 ichaphazele kakhulu oomasipala eNtshona Koloni. Njengoko iNtshona Koloni inoqoqosho olugxixina kukhenketho, uninzi loomasipala bengingqi nesithili abaxhomekeke ngamandla kweli candela bachaphazeleka kakubi kakhulu.

I-Western Cape BER Business Confidence Index (BCI) yayikwiqondo eliphantsi kakhulu lamanqaku oluhlu asibhozo ngowama-2020 Q2, ngenxa yobhubhane oqhubekayo we-COVID-19. Ngoko, ngowama-2021 Q3, lwabuyela esimeni ngamanqaku oluhlu angama-48, ukusabela kwiinzame

zokuvuselelwa koqoqosho. Ijongene nomngcipheko ovela kwizithintelo ezingaphezulu ezinxulumene nobhubhane weCOVID-19.

Nangona iCOVID – 19 iphazamise kakhuluushishino lwehlabathi ngowama-2020, impahla ethunyelwa kwamanye amazwe yeWC ibe nakho ukukhula nge-7%. Impahla yezolimo ethunyelwe kwamanye amazwe ikhule ngama-36% isenza isambuku sokukhula kwempahla ethunyelwa kwamanye amazwe ngeli thuba ukuthunyelwa kwempahla eyenziweyo kwamanye amazwe kuhle nge-5%..

Amacandelo asesichengeni afana nokhenketho nolwakhiwo achaphazeleke ngo kakubi kakhulu yiCOVID-19, ancipha ngama-61% kunye ne-15.9% ngokuhambelana neGVA ngowama-2020. Oku ngokujalo kube nomphumela welahleko yengqesho yama-43.1% kukhenketho ne-11% kulwakhiwo. Ngoko, nangona kukho iCOVID – 19, icandelo lezolimo eNtshona Koloni likhule nge-1.42% ze langezelela imisebenzi engama-2 413.

Xa kukhangelwa kwi-QLFS yowama-2021 Q2, iNtshona Koloni ibe nokuhla kwingqesho yama-53 000 kwikota ngekota okukhokhelele kwintswela-ngqesho efikelela kubantu abangama-784 000. Ngokupheleleyo imisebenzi engama-245 000 yalahleka ukususela kowama-2020 Q1 ukuya kowama-2021 Q2 ngenxa yobhubhane weCOVID – 19. Ngoko le mingeni yathomalaliswa luyilo lwemisebenzi engama-77 000 ukususela kowama-2020 Q2 ukuya kowama-2021 Q2, kubonakalisa okokua kubekho uvuselelo kwimarike yabasebenzi. INtshona Koloni ibe nomlinganiselo ophantsi wentswela-ngqesho kwilizwe okuma-25.8%, ngaphantsi kakhulu kumndilili wesizwe wama-34.4%. Abasebenzi bande nge-13 000, kwikota ngekota ze yangama-427 kunyaka ngonyaka. Ukusebenza kwemarike yabasebenzi ngokubanzi kuqaqambise uqoqosho oludinga ukuvuselelwa ngaphezulu ukulungiselela ukuqeshwa kwabasebenzi abaninzi. Ubume obunomngeni boqoqosho nobemali karhulumente, obenziwe mandundu ngamaza olwasuleleko, kwaphinda-phinda isimo esibi ngokubanzi semarike yabasebenzi.

IPhondo lizibeke njengesizinda sedijithali, itheknoloji eluhlaza nesemali, esinakho ukuxhasa inkqubo yokuthengiswa kwenonzo yoshishino (BPO), yokwenziwa kwempahla nophuhliso kulo lonke ilizwekazi. Okubalaseleyo, amathuba akwimimandla ejongene noqoqosho lwedijithali, olwamayeza, bhayotek, itheknoloji eluhlaza, kunye neemveliso zonyango ngokusetyenziswa kolwahlulwa-hlulo lweemveliso kwimimandla eyodwa yoqoqosho (iiSEZ) kunye nezizinda kwiNtshona Koloni.

Utyalo-mali ngokukhuthazwa kwezibonelelo eziguqula iiges i ezingcolisa umoya

UMmandla woPhuhliso loRhwebo eSaldanha Bay (SBIDZ)

I-SBIDZ iqhubile ukubeka phambili intsebenziswano nothelelwano kuwo onke amasebe karhulumente. Ngokufika kweCOVID-19 nokuvalwa ngci kwayo yonke into okulandelelyo, unyaka ophelileyo ubunemingeni kodwa nangona kunjalo, iSBIDZ ibe nakho ukuhlala yomelele yaye igxile kwinjongo yayo yokuyila amathuba kulungiselelwa ukuyilwa kwemisebenzi nokukhulisa uqoqosho. Ngesithuba sonyaka-mali wama—2020/21 iSBIDZ iqukumbele ulwakhiwo lwesakhiwo i-Access Complex, iziko le-ofisi zorhwebo elikumgangatho ophezulu. Indawo esele izaliswe ngabaqeshi kule zoni ngama-35% kwiprojekti yethu yokuqeshiswa kweziko kunye ne-Access Complex, kutyikitywe ingqeshiso yethuba elide neyethuba elifutshane.

Umtyal-mali ngamnye kwaba watsalelwa kule ndawo bubume obunomtsalane boshishino obunxulunyaniswa newonga lonxweme olukhululekileyo lweSBIDZ. I-SBIDZ yanikwa iwonga lonxweme olukhululekileyo ngowama-2019 yaye ingumahluli ongundoqo owangezelela ixabiso kummandla yaye okubalulekileyo kumacandelo aselwandle nawombane ethabatha inxaxheba kuwo. Ngokusetyenziswa

kweenkqubo zenguqu zoqoqosho lwentlalo yethu, iSBIDZ iququzelele uyilo lwemisebenzi engaphezulu kwama-2 000 kwisizwe yaye iqhubile ukuxhasa icandelo leSMME laseSaldanha ngokusekwa kweziko layo le-Co-Lab ngoMatshi 2020. Liziko apho iiSMME zinofikelelo kwi Wi-Fi esimahla, iidesika zemiyalezo ekhawulezileyo, ushicilelo kunye nezibonelelo zokuqhutywa kwentlanganiso ngokunjalo neqonga lothungelwano. Oku kuzise uncendo olwamkelekileyo kwiSMME ngesithuba seCOVID-19, njengeziko ekukuphela kwalo kummandla ukunikezela ngeenkonzo ezinxulumene kwiTERS, elibe notyelelo lweeSMME olungaphezulu kwe-1500 kwiCo-lab ukuza kuthi ga ngoku. I-SBIDZ isazibophelele ekuguquleni iSaldanha Bay ibe sisixeko esiphuhlileyo kuqoqosholwaselwandle nolombane, siyila indyebano nengeniso kubantu abatyala imali, abahlala nabasebenza khona.

UMmandla woQoqosho oWodwa wase-Atlantis (ASEZ)

Njengoko uguqulela ekubeni ube ngumsebenzi opheleleyo, UMmandla woQoqosho oWodwa wase-Atlantis ufumene umhlaba kwiSixeko saseKapa oxabisa izigidi ezingama-R59.325 ezilutshintshiselwano lwezabelo kwinkampani. Iqela le-ASEZ laqulunqa iinkqubo zokusebenza ezidingekayo ukufumana abatyali-mali abasendleleni abaphambili abali-14 nokubanikeza iinkonzo ezidingekayo; omnye umtyali-mali wmkelwe yiBhodi yeNkampani i-ASEZ. Ngokusetyenziswa kwale nkqubo, i-ASEZA yanikezela ngenkqubo yoqeqesho lolawulo lwenkunkuma namanzi, inkqubo yenkxaso yophuhliso lobuntwana kwangethuba(ECD) kunye nenkqubo yoqeqesho yoncedo lwe-IT, kufikelelwa kubathathi-nxaxheba abangaphezulu kwi-100 kwisithuba sonyaka. INkampani yoMmandla woQoqosho oWodwa wase-Atlantis (ASEZ Co) yenze isicelo ngokunjalo kwiCandelo loLawulo-mali lokufakwa njengeziko loshishino lephondo kwisithuba sonyaka-mali odlulileyo – umba obalulekileyo kukuvulela utyalo-mali kwi-ASEZ.

Ukukhuliswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kunye nokhenketho

Ekuqaleni kunyaka-mali wama-2020/21 iSebe liqalise ngokumilisela isicwangciso salo esitsha seqhinga seminyaka emihlanu esilungelelaniswe kokuphambili okuvuselelwa ngumbono (VIP 2) sesicwangciso seqhinga sePhondo (PSP) sowama-2019-2024 esibonisa ekujoliswe kuko kwePhondo okuyimisebenzi engama-350 000 kwisithuba seminyaka emihlanu.

Uninzi lweeprojekti ezicwangcisiweyo ezifana nenkqubo yophuhliso lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe yaye inqanaba lesibini lenkqubo yolwakhiwo lwekhono lwesixokelelwane sexabiso asibanaga nakho ukumilisela ngenxa yeCOVID-19 nokubekwa ngokubaluleka ngokutsha kweengxowa-mali. Iqela lecandelo labekwa okokuba lidlale indima ebalulekileyo kumsebenzi oqhutywayo liqela lembumba yoqoqosho ngokuhambelana necandelo lolungelelwaniso nonxibelelwano loshishino kunye namalinge ukulungiselela a) ukuqokelelwa kweenkcukacha zolwazi ezibhekiselele kwiimpembelelo, kwilahleko kunye nezicwangciso zovuselelo, ngokunjalo nophando oluqhutywayo ukuqulunqa izicwangciso zecandelo lokulungiswa kwemveliso zolimo, ukwenziwa kwempahla, ukhenkethokunye necandelo leenkonzo zoshishino lwemali b) ukuhlaziywa kwezizinda zeenkukacha zolwazi zecandelo kunye c) nokunikezela ngenkxaso enxulumene nempembelelo, imiphumela kwimithetho, ungeniso kwiSizwe ngokunjalo nenkxaso edingekayo yamathuba ecandelo efana nePPE kunye momsebenzi wokwenziwa kweemaski wenziwa nabachaphazelekayo abaninzi ukuchaza nje abambalwa. Nangona kukho imingeni nenguqu kokujoliswe kuko kunye nomsebenzi ongenguwo owe-APP kulungiselelwa inkqubo kunye neshishini layo iWesgro oku kuqaqambileyo kungundoqo kulandelayo kufuneka kuchazwe okuthe kwafezekiswa kunyaka-mali wama-2020/21 ukuza kuthi ga ngoku.

Uqoqosho lwelwandlekazi/iinkonzo zaselwandle: Amaxweme. Uphando lwagunyaziswa yaye neqonga lothelelwano loshishino (IMbumba yaseLwandle yeNtshona Koloni) lasekwa ukuchonga ukungasebenzi kakuhle konxweme kuNxweme laseKapa nokumiselwa kwamathuba okukhula exesha

elidekulungiselelwa ushishino lweenkonzo zaselwandle kulungiselelwa uNxweme lwaseSaldanha, uNxweme lwaseKapa kunye noNxweme lwaseMossel Bay. Oku kulungelelaniswe kumsebenzi oqhutywayo ngokusetyenziswa kweqela lokwenziwa lula kokwenziwa koshishino ekuqulunqweni kweqela lomsebenzi wonxweme elithi iqela lecandelo libe yinxalenye yokuqhuba i-ajenda yokukhula kwethuba elide kulungiselelwa esi sibonelelo sibalulekileyo soqoqosho kwiNtshona Koloni.

Uqoqosho lwelwandlekazi/iinkonzo zaselwandle: I-MoU yokusekwa kweforam ye-Oyile negesi yaseMossel Bay iqukunjelwe yaye nokufunyenweyo okutsha nguTOTAL kwiqula iLuiperd Paddavissie kwiBlock 11B/12B ngaphandle konxweme lwaseMossel Bay, ibe sisinyanzeliso okokuba iforam isebenze ukuphuhlisa ushishino lwe-oyile negesi evela kwizibonelelo ezingakho zoqoqosho zengingqi.

Ukwenziwa kwempahla: Impembelelo yeCOVID-19 ibeka uxinzelelo olungummangaliselo kwicandelo lokwenziwa kwempahla yaye kuchaphazele ingqesho, ukungena nokuphuma kwemali, imiba yezixokelelwano zonikezelo kunye nempilo neyokhuselo. Ekujolise kuko yaba lunxibelelwano nabachaphazelekayo kunye namahlakani eqhinga ukunikezela ngengqiqo kwimingeni yamacandelwana okwenziwa kwempahla ukulungiselela ukumiliselwa kwamanganelo aya kuthi ancede ekulungiseni imingeni. IForam yoKwenziwa yaqaliswa, ibandakanya bonke abachaphazelekayo abangundoqo kushishino lwefanitshala, ukwenziwa kwezinto zaselwandle kunye neenkonzo ezinxulumene noko, ushishino lwentsimbi nenjineli kunye namashishini empahla namalaphu. Amalinge angundoqo achongwa abhekiselele kwinkxaso edingekayo ngethuba leCOVID-19 ngokusetyenziswa kwempembelelo, uncedo ngofikelelo kwinkxaso-mali yoncedo lweCOVID-19 kunye neenkqubo eziphambili zovuselelo. Isivumelwano sasayinwa kunye neProductivity SA kulungiselelwa umiliselelo lweNkqubo eyandisiweyo yemveliso yalo yokwenziwa kwempahla kumashishini angundoqo.

Uguqulo lweemveliso zolimo: Zine iinkampani zeHalal eziseNtshona Koloni, ezithe zenza isicelo soncedo lwemali ngokuphathelele kumanganelo ukwandisa ikhono lazo lemveliso nokunikezela ngoncedo ngokuphathelele kwiimfuno zomthetho, eziya kuba kuchaphazela ikhono lazo lokuthumela imveliso kwamanye amazwe nokulungela, ezancedwa ukuya kutsho kwixabiso elingama-R600 000. Bonke abathabathi-nxaxheba bancedwa ngokunjalo ngolwakhiwo lwamakhono olwangezelelweyo olunxulumene noqeqesho kukulungela ukuthumela impahla kwamanye amazwe.

Iinkonzo zoshishino lwemali: Idesika yecandelo iqalise ngophando olunxulumene nesicwangciso secandelo esinomphumela wonxibelelwano nabachaphazelekayo kukubhankisha, uphuhliso lwepropati, kumaqumrhu oshishino olunxulumene nefilim kunye ne-ICT kunye nabachaphazelekayo abangundoqo.

Ukhenketho: Olu lushishino oluchaphazeleke kakubi kakhulu yiCOVID-19 ngenxa yobude bentlekele kunye nempembelelo ebe nayo kuhambo, kwimisitho yoshishino kunye naso sonke isixokelelwano sexabiso sehlalathi nakwiLizwe, Ukusabela kokuphambili kwe-VIP 2 yokhuseleko lokhenketho kufuneka iqatshelwe into yokokuba ngokuhla kwamanani abatyeleli isidingo sokusabela kukhuseleko lokhenketho nako kwachaphazeleka ze kwadingeka ingqu kukusabela evela kwiqela elijongene neemfuno zoshishino ezivela kukubuyiselwa kwabantu kumazwe abo, kubatyeleli abaxhwalekileyo nokulunga kwendawo yokufikela xa uhambo lunokuthi luqaliswe yaye nemida ivuliwe.

Iqela lezokhenketho linikezele ngale miba ilandelayo kulo nyaka-mali:

- Ukhuselo lokhenketho: Inani elipheleleyo lababeki beliso bokhuselo lokhenketho elingama-90 labekwa eNtshona Koloni. Iqela lokusebenza lonxibelelwano lokhuselo lokhenketho lisekiweA total of 90 tourism safety monitors were deployed in the Western Cape. ngokunjalo nokubekwa okokuqala kweYunithi yoNyanzeliso loMthetho woKhuselo loKhenketho kwiSixeko saseKapa kwiindawo ezithandwayo ezinomtsalane.

- Ukuxhaswa kweGarden Route kunye ne-Overberg ngenkxaso-mali elungiselelwe izibonelelo zeCross Cape kunye neOverberg Meander Cycle Routes, ukuqalisa umgaqo wokukhwela kwebhayisikili weKaroo Crossing nokubonelelwa ngesipho kweSA Road Cycling Championships.
- Lityale izigidi ezi-R3.836 kwiNgxowa-mali yoPhuhliso lweMveliso yoKhenketho oluthe lwaqaliswa ukunceda amashishini okhenketho ali-11 kunye notyalo-mali kwiimveliso ezintsha zokhenkethokuyo yonke iNtshona Koloni ukwandisa ixabiso lomtsalane wePhondo ngemisebenzi emininzi neendawo ezitsala umdla.
- Isambuku esixabisa izigidi ezingama-R487 zexabiso eliqikelelweyo loqoqosho safezekiswa ngokuhambelana namalinge axhasiweyo othengiso lweendawo zokufikela eNtshona Koloni.
- Nangona kukho iCOVID-19, isambuku sokungeniswa kwamaxabiso ngabali-15 safunyanwa kulungiselelwa imisitho yoshishino ngethuba lalo nyaka-mali.
- Ukuqaliswa ngempumelelo kwenkqubo ye-intanethi yezicelo zabakhokheli babakhenkethi iyeyokuqala kwilizwe.
- Ukuhlelwa kwabakhweli kwiSikhululo seNqwelo-moya saseGeorge okwenziweyo okunjengeprojekti entsha ukusabela kwiCOVID-19. I-DEDAT isebenzisene ne-ACSA (eGeorge), iSebe leMpilo ngokunjalo noMasipala weSithili seGarden Route ukunikezela ngezibonelelo zemali kulungiselelwa iinkonzo zokuhlela kusenzelwa ukuvulwa kweSikhululo seNqwelo-moya saseGeorge isithuba seenyanga ezintandathu ekuthe kwafikelelwa kubakhweli abangama-71 987 abathe bahlelwa.
- Ukusekwa kwelinge leCruise Cape Town ukubeka iKapa kunye neNtshona Koloni njengedawo yokufikela yenqanawe.

IWesgro (ukuthengiswa kwendawo yokufikela): Ngenxa yeCOVID-19 imisitho yoshishino ichatshazelwe kakubi okubenomphumela wokokuba iWestern Cape Convention Bureau ibe kuphela kwePhondo elisafaka amaxabiso kulungiselelwa imisitho. Nangona ufezekiso beluphantsi kuneminyaka edlulileyo, iWesgro ifumene amaxabiso amatsha ali-15 kulungiselelwa imali karhulumente yonyaka-mali ophantsi kovavanyo kunye neqikelelwa kwimpembelelo yoqoqosho ezizigidi ezingama-R487 kulungiselelwa indawo yokufikela. Imisitho yolonwabo exhasiweyo ngowama-2020/21 ibhekiselele ikakhulu kwimisitho eqhutywa ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano, ethe ekupheleni kwe-Q4, imisitho engama-34 yaxhaswa eNtshona Koloni. Iphulo lasekhaya lokhenketho laqaliswa ngentsebenziswano nemibutho yecandelo langasese efana neTravelstart kusandiswa imisebenzi yokhenketho yangaphakathi kwilizwe nokuthengiswa kwesabelo kwiNtshona Koloni njengexalenye yesicwangciso sovuselelo lokhenketho. Oku kulandelwe ngokunjalo liphulo lokuthengiswa kwehlabathi kwiimarike zomthombo oqhelekileyo lukuphembelela isithuba sokuhamba sowama-2021 kunye nowama-2022 ukusabela kuvuselelo lokhenketho.

Ushishino notyalo-mali: Izigidi sezigidi ezipheleleyo ezi-R4.7 lixabiso lotyalo-mali kwiNtshona Koloni elithe lafezekiswa ngonyaka-mali wama-2020/21 xa kuthelekiswa nekujoliswa kuko kwesigidi sezigidi esi-R1.90 ukuya kwizigidi sezigidi ezi-R2.77. Oku kube nomphumela ekuyilweni kwemisebenzi eli-1 830 nokukhula kwesiseko soshishino lweNtshona Koloni. Ukusebenza kotyalo-mali kugxile ekwenziweni kwemali kutyalo-mali kumacandelo ombane ohlaziyiweyo nelokwenziwa kwempahla, phakathi kwamanye.

Ixabiso lesigidi sezigidi elisi-R4.6 lezivumelwano zorhwebo eziqikelelweyo zasayinwa, elithe layila amathuba athe kwimisebenzi ngethuba lonyaka-mali. Ngethuba leCOVID-19, imisebenzi zorhwebo notyalo-mali ibixhomekeke kwikhono lokwakha ii-asethi zobuxhaka-xhaka bonxibelelwano kunye namakhono. Ufezekiso olukhulu lwaqaliswa lwenkonzo esendaweni enye yobuxhaka-xhaka bonxibelelwano oluqinisekisa okokuba iZiko loTyalo-mali laseKapa linakho ukunikezela iinkonzo zalo ngokusebenzisa ubuxhaka-xhaka bonxibelelwano, yaye kungekuko nje kubaxhamli abazingenelayo kumaziko.

Umsebenzi uqalisiwe ngokunjalo kuphuhliso lotyalo-mali kunye namaqhinga okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe phakathi kweSebe, iWesgro kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo. Olu phando luqhutywa ngaphakathi kwisebe yaye luya kunceda ekuyileni ukugxila kwimimandla yamathuba ukulungiselela ukwandisa ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe ngokusetyenziswa kwekhono lwezibonelelo, ukuncitshiswa kwezithintelo, iinkonzo zoququzelelo nokuphambili kwintengiso.

Ilinge lenxaso le-ikhosistim yethetknoloji yedijithali, elaziwa ngokubanzi njengenkqubo yeDashTech, lijolise ekuzuzeni ekuhlunyisweni kobume bokuqalisa kummandla ngokwandiswa kobume obuncedayo bengingqi kunye ne-ikhosistim. Uphando lubonise okokuba intsebenziswano nonxibelelwano phakathi kweenkampani ezintsha neselele zimilile kumba ongundoqo wempumelelo. Ukuza kuthi ga ngoku, itheknoloji yee-ikhosistim ezintlanu zaxhaswa yaye ngaphezulu kwe-1 000 lamashishini etheknoloji kunye namashishini anxulumene noko kwanxityelelwana nawo.

Ukulungiswa kwezithuba kumakhono

Ngethuba lwama-2020/21, inkqubo igxile ekinikezeleni ngeenkqubo zamakhono ezijolise ekulungiseni izithuba kumakhono nokuphucula amakhono olutsha lwethu nelabasebenzi ngokuphuhlisa amakhono aphambili ukuhambelana nebango elikhulayo lamakhono afanelekileyo kuqoqosho yaye ngoko kusandiswa ukhuphiswano lwengingqi.

Ubhubhane weCOVID-19 uzise imingeni emininzi kuphuhliso lwamakhono nakwinkqubo yenguqu. Ubhubhane uphazamise ucwangciso, unikezele lwemfundo kunye noqeqesho nokunjalo nokulunga kunikezele olusendleleni lwamakhono ukuhlangabezana nezidingo zamakhono oshishino kwiphondo. Lonke uqeqesho lwabantu abaseklasini lwarhoxiswa ekuqaleni konyaka-mali ngenxa yokungaqiniseki nomngcipheko wolwasuleleko. Ulondolozo olube ngumphumela lwakhutshelwa kumsebenzi wethu nakwiprojekti yamakhono. Iprojekti yomsebenzi kunye namakhono inenkuthazo eyinika iinkampani ukulungiselela ukuba zibonelele ngamathuba amava omsebenzi kulutsha olungenangqesho. Ngethuba lobhubhane, oku kwenze okokuba kubekho ukungena okudingekayo kwengeniso kumakhaya. Ukuxhasa indlela eqhutywa libango egxile ekuphuculeni iimfuno zamakhono zecandelo lokuqesheka kolutsha, ngokunjalo nokulungisa impembelelo yobhubhane, uphuhliso lwamakhono kunye nenkqubo yenguqu ekwiDEDAT imilisele iinkqubo ezintakhu (3) ezingundoqo zengqesho yolutsha ezizezi iNkqubo yaMakhono oBuchule be-ICT kunye nongqa phambili wethu iNkqubo yoMsebenzi naMakhono kunye neeNkqubo zokuBekwa kuMsebenzi uPhuhliso lwamaGcisa ezisabela kwiimfuno zoshishino. Inkqubo ifezekise ngaphezulu kwinani labaxhamli abaxhasiweyo ngokunjalo neengxowa-mali ezixhathise ngokubhekiselele kwezi nkqubo kulungiselelwa unyaka-mali okhoyo kunye nowexesha elizayo. La mangelolo axhobisa abantu ngokubachanaba kwindawo yokusebenza kunye namakhono ukuphucula ukuqesheka kwabo nokuxhasa uyilo lwemisebenzi

Eli linge linikele kakhulu kufezekiso lwamathuba omsebenzi kwicandelo. Isabelo esichongiweyo sohlahlo lwabiwo-mali ukuxhasa umsebenzi wenkuthazo wokubekwa kwiinkonzo zamacandelo, ingakumbi kuthengiso lwenkqubo yoshishino (BPO), sense okokuba inkqubo ibe nokuqhuba intsebenziswano phakathi kwamasebe esizwe, awephondo nakamasipala nto leyo ethe yakhokhelela kutyalo-mali lwemali kunye nokukhula okulungiselelwe la macandelo kwiPhondo. Eli linge linikele kakhulu kufezekiso lwamathuba omsebenzi kwicandelo nokukhula okwandileyo nokhuphiswano ngoko. Lidlale indima ebonakalayo kukuqaliswa kweZiko leMfundo loeliGqwesileyo leBPO.

Inkqubo– ngentsebenziswano neCollege of Cape Town, iNgxowa-mali yeSizwe yaMakhono kunye noShishino lweBPO – iqalise ngothelwano lokuqala lweBPO Academy of Excellence karhulumente neyangasese. Iziko leMfundo liya kuphuhlisa izatifikethi ezibonisa ishishini ukusabela kwiimfuno zoshishino. Iziko leMfundo liya kuthi ngokunjalo, ngokusetyenziswa kweenkqubo zophuhliso

Iwamakhono, liphuhlise ze lizise ingqesho kumawaka abaxhamli, abaphuma kwezinye iingingqi zethu zoluntu ebezivinjwe amathuba ngaphambili, ukuxhasa ushishino lweBPO.

Inkqubo i-I-CAN LEARN yaqhutyelwa phambili ngokuxhotyiswa kwabaququzeleli kuzo noli-12 iindawo (amathala eencwadi kunye neeKhefi zoLutsha) ukunceda abafundi ngokufunda idijithali kunye nemathiriyeli ephambili yoqeqesho. Izibonelelo ze-I-CAN Elsies River nezibonelelo zeKhayelitsha Bandwidth Barn zibe nakho ukunikezela ngoqeqesho oluxabiseke kakhulu nokuxhasa abahlali.

La mangelolo amakhono avelise kakuhle ukwanda kwinani labantu abafumene amakhono afanelekileyo kubuchule nakumsebenzi wobugcisa ukuze babe nokuqesheka, banike ithemba kunye nekhono amabalilande ukwenzela ukuba babe nokuthabatha inxaxheba kuqoqosho yaye kube nomphumela kwezi ngeniso zexesha elifutshane:

- Ukuyilwa kwamsinyane kwengqesho nengeniso kumakhaya
- Inkxaso yangoko kwishishini ngokuncitshiswa kweendleko zabasebenzi
- Ukuphuculwa kwamanqanaba amakhono ngokunikezelwa 'unikezelo lwabasebenzi' olusabelayo kwiimfuno zeshishini.

Uthelelwano lwecandelo likarhulumente nelangasene ngenkqubo ukuxhasa amangelolo amakhono kunye nentsebenziswano, kube nomphumela kwinkxaso-mali ehlanganelweyo ngamahlakani ebhekiselele kuqeqesho olwangezelelweyo, ukwandiswa komvuzo ohlawulwa kulutsha ngokunjalo nakwandiswa kwenani lamathuba anokuthi afikelelwe lulutsha olungaqeshwanga ukwandiswa kokuqesheka kwalo kunye nemizi-mveliso inikwe inkuthazo ukuxhasa ucwangciso lwayo lwemicimbi yabasebenzi kunye nemveliso.

Inkqubo iqhubile ngokusekwa kothelwano kunye nengxowa-mali yemisebenzi ebhekiselele kwinkxaso-mali ehlanganyelweyo yokubekwa kwabantu emsebenzini kulungiselelwa inkqubo yomsebenzi namakhono yaye inike ithuba kulutsha oluninzi neenkampani ukufikelela kwinkuthazo yokubekwa emsebenzini kunye namathuba engqesho.

Inkqubo iqhubile ukuqinisa intsebenziswano nabachaphazelekayo, kwinqanaba lesizwe, lephondo kunye nengingqi ukulungiselela ukuphambela, ukunika ifuthe ukuxhasa ukulungiselela ukuqhuba iinguqu zenkqubo ukuphucula ukulunga konikezelo lwamakhono ukususela kwimfuno yesiseko ukuya kwinqanaba lasemva kokugqiba inqanaba lesikolo ukuya kwindawo yokusebenza ukuhlangabezana neemfuno zamakhono akhoyo nawexa elizayo kumacandelo aphambili okukhula kwiphondo. Ukuqiniswa kokusekwa kothelwano oluhlangeneyo phakathi kecandelo langasene, iziko lemfundo ethile ephkamileyo kunye namahlakani entlalo ukuxhasa uphuhliso lwamakhono kusasele kubalulekile ukulungisa intlekele enkulu yentswela-ngqesho yolutsha ngokunjalo nokuqinisekisa ngeemfuno zangoku nezexa elizayo zamakhono ezidingwa lushishino kunakho ukulungiswa.

Amamqonga onxibelelwano lwabachaphazelekayo aququzelelwa ukunqunyanyiswa kwendlela yokusebenza ngozimela kweqela ngalinye ukuphuhlisa amakhono kwiphondo ngokusebenza ngokuhlangeneyo ukulungisa impembelelo yobhubhane kwimfuno noqeqesho; ukulungiswa kwendlela yonikezelo lwamakhono alungelelaniswe kushishino ukuchonga nokuxhasa amalinge ophuhliso lwamakhono athi akhuthaze inkxaso-mali nomiliso phakathi kwamahlakani angundoqo ajolise ekwandiseni inqanaba nofikelelo kumathuba amakhono ukulungiselela ukulungiswa kwentswela-ngqesho yolutsha kwiphondo.

Inkqubo imilisele ngokunjalo indlela yocwangciso esekwe kubngqina beenkcukacha zamanani

ukuxhasa ucwangciso lwamakhono akhoyo nawexa elizayo ngokucokisisa rhoqo, ngololongo, nangokuhlaziywa kweenkcukacha zamanani kulungiselelwa ibango lamakhono nonikezelo lwamakhono ukumisela iimfuno eziphambili zamakhono kunye nezithuba.

Le ingqiqo ixhase ukubunjwa kwamangenelo esebe ngokunjalo nokuzama ukuphembelela olunye unikezelo lwamakhono ngabanye abanikezeli bamakhono ukulungiselela ulungelelwaniso olungcono kwiimfuno zesebe. Isixhobo sengqiqo yoshishino saphuhliswa ukubonelela ngohlahlelo olusekwe kubungqina beenkcukacha zamanani kunye nesilanga sephondo kwimisebenzi enebango eliphezulu edingekayo kumacandelo awahlukeneyo ngokunjalo nenkcazelo kwicala lonikezelo kuhlobo lwamangenelo lwamakhono abandakanya uqeqesho kwiphondo liphela. Le ngqiqo yemarike yabandakanywa nayo ngokunjalo kwiingxelo zengqiqo yamakhono eziveliswe yinkqubo. Ezi ngxelo zibonelele ngengqiqo esetyenziswayo ngokuveliswa kokuphambili kwiimfuno zamakhono eNtshona Koloni nokusetyenziswa kwengqiqo yemarike kulungiselelwa ucwangciso lwamakhono.

INGxelo yowama-2021 yeMingcipheko yHlabathi yeForam yoQoqosho lweHlabathi iqaphele into yokokuba ama-60% abantu abadala bayasilela kulwazi lwesiseko sedijithali kunye namakhono xa zither iindawo zokusebenza kunye nezikolo kulo lonke ihlabathi zithe zavalwa ukuthintela ukusasazeka kweCOVID-19, okunyenzelise umtsi okhawulezileyo ukuya kwimisebenzi eqhutywa nge-intanethi. Ingxelo ichaza into yokokuba ezi nguqu ziya kuqhubeka ukuguqula ngamandla unxibelelwano lwabantu kunye nempilo emva kokuba sidlue kubhubhane. Ngokuqalisa kobhubhane weCOVID-19, INtshona Koloni ilandele iindlela zehlabathi yaze yafumana ukwanda ngokukhawuleza koqoqosho oluqhutywa nge-intanethi, imfundo nge-intanethi, impilo ngedijithali kunye nomsebenzi onxwemayo. Ufikelelo kumakhono edijithali kusasele kusiithintelelo kuqoqosho lwengqiqo kunamaqela athile akubona oku njengeithintelo sokuqala kwiPhondo.

Ukwenziwa lulo kokuqhutywa koshishino

IYunithi yokuNciphisa iZithintelo (RTRU) iqhubile ngegxile kuko yowenza lula ukuqhutywa koshishino ngokusetyenziswa kwamangenelo amaninzi.

Kucamngcwe ngobhubhane weCOVID-19, iyunithi iguqule inkqubo yayo yolawulo lomcimbi wayo okhoyo ukujongana nezicelo ezivela kumashishini ecela inkxaso kulo lonke uvalo ngci lokuqala lwayo yonke into. Oku kubandakanya uququzelelo lwezicelo zezivumelwano zokusebenza, ukuphembelela kwamacandelo okokuba avule yaye atolike imithetho ekhutshwe ngokwemiqathango yoMthetho woLawulo lweNtlekele.

ISkimu soNcedo lweThutyana loMqeshwa (TERS) sayilwa yiNgxowa-mali ye-Inshorensi yabangenayo ingqesho (UIF) ukunceda abasebenzi abalahlekelwe yingeniso ngenxa yeCOVID-19 kunye nemithetho enyina imisebenzi yoqoqosho ngethuba lamanqanaba awahlukeneyo okuvalwa ngci kwayo yonke into. Ukufaneleka kokufumana izibonelelo kwakuphelele kubasebenzi abathe imivuzo yesiqhelo yarhoqo ngenyanga yancitshiswa, okanye abo bangafumani mivuzo yarhoqo ngenyanga. Ngokupheleleyo, ezi zibonelelo zanikezelwa ukudambisa impembelelo yoqoqosho lwentlekele yesizwe ngokunceda abaqeshi ukuba babe nakho ukuhlawula abasebenzi babo ngethuba lokuvalwa kwamashishini.

NgoMeyi wama-2020, iRTRU iqalise ngeprojekti yokunxibelelana ngqo ne-UIF ukuququzelela intlawulo yezicelo ze-UIF TERS ezenziwe ngabasebenzi kunye namashishini. Ngokupheleleyo, iRTRU incede ukususela ngoMeyi 2020 abasebenzi abangama-8 576 kunye neenkampani ezili-180, okuvelisa umndilili wentlawulo epholeleyo engama-R43 866 240.

Amangenelo ophuculo alungiselelwe iPort of Cape Town ayaqhuba, yaye inkqubo phambili

ekhuthazayo yenziwe nangona kukho impembelelo embi yeCOVID-19. Iprojekti yohlanganiso lweenkcukacha zamanani yaqukunjelwa, yaye uhlalelo lonobangela lwengxinano yothutho lwenziwa. Unxibelelwano oluntlangothi-mbini luphuculwe kakhulu, yaye ezinye izixhobo ezitsha zithengiwe, nangona ukusebenza kwesixhobo ezidala kusasele kusisithintelo kakhulu.

Iyunithi yayisebenza ngokunjalo ekuxhaseni amashishini ophuhliso lobuntwana lwangethuba (ECD) onzakalisiwe yimpembelelo etshabalalisayo yobhubhane weCOVID-19. Iyunithi ixhase amashishini e-ECD angama-250 okokuba ahambelane neemfuno zokhuseleko njengoko zipapashwe liSebe loPhuhliso lweNtlo ukulungiselela wona ukuba avule kwakhona ngokhuseleko. Ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into nge-COVID-19, amashishini amaninzi e-ECD akabanga nakho ukufikelela kwinkxaso yemali evela kurhulumente, kuba ebengabhaliswanga. Oku kushiye amashishini amaninzi esebunzimeni yaye ekwisimo sokutsala nzima. Ilahleko engakho yoninzi lwale mibutho eNtshona Koloni, ivele bunkungu njengentlekele engakho yentlalo noqoqosho. Ukusabela koku, iyunithi iqalise ngokunjalo ngeprojekti ukunceda amashishini e-ECD angama-48 angekho sikweni nangabhaliswanga ukulungiselela ukuba ahlangebezane neemfuno zawo zohambelwano ukuze abe ngamashishini abhalisiweyo asesikweni. La mangelalo alindeleke ukuba ayile yaye/okanye azinzise imisebenzi engaphezulu kwe-1 000 kulungiselelwa amalungu asesichengeni kakhulu oluntu lwethu, amabhinqa antsundu.

Iyunithi iqhubile ngothelwano lwayo osele lukho neLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) ukulungiselela ukuchonga nokujongana nemingeni ekumiliselweni ngokufanelekileyo nokulawulwa koMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli 25 we-1999 (NHRA) ukulungiselela ukufumana uthantamiso phakathi kolondolozo lwezibonelelo zelifa lemveli nophuhliso oluntunu-ntunu ngoko.

INGxowa-mali yeNkxaso yeSMME – ngentsebenziswano nangothelwano kunye nemibutho exhasa iSMME, iiNPO, amaqumrhu, oomasipala, amasebe karhulumente kunye/okanye ii-arhente zawo, amaziko emfundo ephakamileyo, imibutho yoshishino kunye neminye imibutho yenkxaso efanelekileyo – unikezelo lwenkxaso noncedo (ngokuthe ngqo okanye ngokungathanga ngqo) kwiiSMME ukugcina kunye/okanye ukwandisa uzinziso, uphuhliso lwekhono lweshishini kunye nomnini/usomashishini, ukwandiswa kofezekiso nokuwanceda ukuba akhule nokuyilwa kwemisebenzi.

INkqubo yoVuselelo kaPick n Pay Spaza Shop iguqule iivenkile ezizipaza esele zikho kwilokishi yakwaLanga zaba ziivenkile ezincinane ezithengisa yonke into ngokubonelelwa ngenkxaso-mali kubaxhamli. Ilinge libandakanya ukuphuculwa kwezibonelelo (izakhiwo, oomatshini kunye nezixhobo) kwicandelo lentengiso ngemiyinge emincinci elokishini. Ilinge liyile imisebenzi eyangezelelweyo kukusekwa kwevenkile zemarike.

I Western Cape Entrepreneurship Recognition Awards (WCERA) iqalise ngokunika ingqwalasela nokuxhasa oosomashishini bePhondo abafaneleke kakhulu nabavuselelekileyo, nabanekhono eliphezulu. Inikela ngokubhekiselele kulwazi olwandileyo loshishino nokumilisele isimo soshishino. Abagqwesileyo ekugqibeleni abali-12 njengexalenye yomsitho wamabhaso bafumana iinkonzo zenkxaso zemali nezophuhliso loshishino ukwandisa ikhono lala mashishini.

I Long Street Kiosks incede amashishini amancinane naphakathi ali-10 (iiSME) okokuba afumane amathuba kwimarike entsha kwisithili esiphakathi soshishino (CBD) seSixeko saseKapa. ISebe linikezele amashishini ngofikelelo kwizixhobo kunye nenkxaso yokuthengisa. I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amancinane (SEDA) isebenzisana neSebe ukumilisele iinkqubo zenkxaso zophuhliso

Iweshishini eziya kuthi zifuneke kuqhubeko loishishino xa kuyekwe iivenkilana.

Inkqubo yokhawulezisa lofukamo loishishino lunikezele i-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini amaNcinane (SEDA) ngenkxaso-mali ukuxhasa izifukamisi zayo ezihlanu ebezikho kwangaphambili zoshishino ngeendleko zokusebenza. Isifukamisi ngasinye soxhamlo (esizinziso malunga namashishini angama-20 sisinye) sifumene inkxaso-mali yomnikelo kulungiselela ukwandiswa kweminikelo ekhoyo eluhlobo, phakathi kwezinye, loqeqesho nophuhliso, ukuthengwa kwezixhobo kunye/okanye ukuhlaziywa kwezibonelelo ezikhoyo.

Uphuhliso lwemarike zedijithali

ICOVID-19 ichazwe njengesikhawulezisi sedijithali seminyaka elishumi njengoko uninzi lwamashishini nemibutho anyanzeleka okokuba aqalise yaye akhawulezise ii-ajenda zawo zenguqu yedijithali. Uninzi lwamawaka amashishini kunye nezigidi zabemi eNtshona Koloni kwafuneka baguqukele ngokukhawuleza kwiindlela ezintsha zokusebenza, kubandakanywa ukuba necandelo elibonakalayo labasebenzi abasebenzela ekhaya. Le nguqu ayinakube ibe sajikwa njengoko izithintelo zangaphambili kwiguqu zithe zasuswa, yaye iindlela zedijithali yindlela yokuphila ngoku yemibutho emininzi. Oku ngokwenene yindlela entsha yokusebenza, yaye isidingo sokuguqula ngokukhawuleza kwemisebenzi ibe yidijithali nokuqheliswa kwakhona kwabasebenzi okokuba basebenzele ekhaya kuzise imingeni kunye namathuba.

Uqoqosho kwi-hlabathi ngokubanzi luguqulela ngokukhawuleza kwidijithali into ethetha into yokuba abemi, abathengi kunye namashishini afikelela ngamandla kwiinkonzo ezikumaqonga edijithali ngokusetyenziswa kwezixhobo ze-elektroniki. Imibutho yecandelo langasese nelikarhulumente iguqula iindlela zayo zonikezelo lwenkonzo ukulungiselela okokuba iinkonzo zibe nakho ukufikelelwa ngokukhuselekileyo nangaliphi na ixesha, naphi na nangokusetyenziswa kwaso naliphi na ixesha, naphi na nangokusetyenziswa kwaso nasiphi isixhobo. I-intanethi namaqonga oqoqosho lwe-intanethi aguqula ushishino lwengingqi, lommandla nolwehlabathi. Ukuza kuthi ga ngoku, iNtshona Koloni ilandela inkqubo yenguqu yedijithali ekhokhelwa liSebe leNkulumbuso. I DEDAT yenza iinkqubo ezijamelene noshishino zizihambele ngokwazo kunye neenkonzo njengoko ezi ziphucula unikezelo lwenkonzo kunye nokulinganisa ngokufanelekileyo iindleko.

Ukomelela kwezibonelelo

Izibhengezo ezine zotyalo-mali loqoqosho oluluhlaza eNtshona Koloni ezithe zaxhaswa nguRhulumente weNtshona Koloni (ngokusetyenziswa kweGreenCape neWesgro) zisayiniwe ze zaqakunjelwa ngonyaka-mali wama- 2020/21. Ezi ziya kukhokelela kutyalo-mali olupheleleyo malunga nesigidi sezigidi ezili-R11.6.

UMmandla woQoqosho oWodwa wase-Atlantis (ASEZ) ungundoqo ekunikezeleni ngokutsalelwa kotyalo-mali lwethetknoloji eluhlaza kwiNtshona Koloni. Inkqubela phambili kweli linge yandiswe ngakumbi kokuPhambili 1: Utyalo-mali ngokukhuthazwa kwezibonelelo ezingaguqukiyo.

I-Ntshona Koloni lePhondo elinkqenqeka phambili ngokuhambelana nobume benkxaso olulawulayo kulungiselelwa umbane we-rooftop photovoltaic (PV) – ukuza kuthi ga ngoku, 23 kwiPhondo ngokunjalo neSixeko saseKapa banakho ukunceda ngothungelwano lwangasese lwerooftop PV kwintambo zentsimbi ezizisa umbane kummandla obanzi, kunye ne-19 labo elinemirhumo engeniswayo eyamkelweyo kwisizwe, inceda amakhaya namashishini okokuba abuyekwezwe ngokwemali kulungiselelwa umbane ongaphezulu ongeniswe kwiintambo zentsimbi ezizisa umbane kummandla. Ngaphezulu, unxibelelwano oluphindweyo oluthe ngqo kunye neenkampani ezinkulu kunye nenkxaso enikezelwa kumashishini amaninzi ngeedesika zecandelo lombane zikhuthaze umiliselo lwerooftop PV.

Uxwebhu olupheleleyo lomgaqo-nkqubo wesikhokhelo woveliso olwandelisiweyo oluphantsi (SSEG) kunye nokuthengiswa kombane lwaphuhliswa ukuxhasa ngakumbi lo msebenzi kwinqanaba likamasipala. Ngaphezulu, oomasipala abathathu kuqhutyekiwe bexhaswa ukunceda kuthengiso lombane (uthengiso lombane okwintsimbi ezizisa umbane kommandla obanzi oluphakathi kwabathengi okanye oluphakathi kwabathengi nomasipala).

Inkxaso yengcebiso enikezelwe licandelo lombane namanzi ityhutyha iGreenCape ibandakanya ingcebiso nezisombululo ngolunye uhlobo lombane, kubandakanywa Isola PV, ngokunjalo negcebiso ngokufaneleka kwamanzi kunye neenkqubo zonikezelo ezizezinye. Isikhokhelo sinikezelwe ngokunjalo kunye namashishini ecandelo lombane namanzi ukunceda uzinziso lwawo kunye nokukhula eNtshona Koloni. Kunyaka-mali wama-2020/21 kuphela, oluli-1 670 lwanikezelwa kumashishini kunye noomasipala ngeedesika zecandelo.

Ukungafihli nokubaphandle: Ukungafihli nokubaphandle kwafezekiswa ngokusetyenziswa kweendlela njengoko zinikezelwe: a) Imbalelwano eya kubathengi, kumasebe amangalelweyo, amaqumrhu karhulumente kunye noomasipala, kunye neNtloko yeSebe kunye noMphathiswa (kusetyenziswa iHOD), ukulungiselela ukuthunyelwa kwemiba ethile kwabanye abaphathiswa, iiHoD, iiDDG, iiCEO zamaqumrhu karhulumente, oosodolophu, oosodolophu bakamasipala, njl.njl. b) Zibanjwa rhoqo naxa zidingeka (iintlanganiso zomntu nomnye umntu) c) Iinkomfa zokuhlala etafileni kuboniswane yinto eye yenziwa kuboniswana neSebe leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso, iLifa leMveli leNtshona Koloni iQonga leeNgxoxo lokuPhuhliswa kweePropati, njl.njl. d) Ukutyelela kweendawo: kutyelelwe iindawo eziliqela eziqhutyiweyo, kuquka i-Arniston Harbour (iSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente [i-DTPW] ukulibaziseka kokuvuselelwa kwezakhiwo), eLangebaan (ukulibaziseka kokuvuselelwa kwezakhiwo okwenziwayi-DTPW), kwa-Mercedes/Fuso (izixholoxholo zoluntu), ePhilippi (izihlandlo eziliqela, malunga nokuhlaselwa kwamashishini akulaa ndawo) naseWingfield Motors (isiXeko saseKapa) nentsilelo yokulungiswa kwemibhobho yamanzi nguDTPW nokuphuphuma kwamanzi olubangelwe koko) e) Umxeba wolwabelwano: 0861 888 126 f) Ukupapashwa/ukusasazwa (ngeelwimi zontathu ezisemthethweni zePhondo yaye ifumaneka nangeZiko ekuNgenwa kulo le-WCG newebhusayithi yesebe) kwezi zinto zeSebe: i. Ingxelo yoNyaka yaBemi ii. Ingxelo yoNyaka iii. Incwadana yofikelelo lwenkonzo iv. Umqulu weNkonzo v. Ishedyuli yomgangatho wenkonzo	Ukungafihli nokubaphandle: Ukungafihli nokubaphandle kwafezekiswa ngokusetyenziswa: a) Imbalelwano b) Iintlanganiso yomntu nomnye umntu c) Ukubonisana kuhleliwe etafileni yengxoxo d) Utyelelo lwendawo e) Umxeba wolwabelwano: 0861 888 126 f) Ukupapashwa/ukusasazwa (ngeelwimi zontathu ezisemthethweni zePhondo yaye ifumaneka nangeZiko ekuNgenwa kulo le-WCG newebhusayithi yesebe) kwezi zinto zeSebe: i. Ingxelo yoNyaka yaBemi ii. Ingxelo yoNyaka iii. Incwadana yofikelelo lwenkonzo iv. Umqulu weNkonzo v. Ishedyuli yomgangatho wenkonzo	Ukungafihli nokubaphandle: Ukungafihli nokubaphandle kwafezekiswa ngokusetyenziswa ngendlela njengoko zinikezelwe: Imbalelwano eya kubathengi, kumasebe amangalelweyo, amaqumrhu karhulumente kunye noomasipala, kunye neNtloko yeSebe kunye noMphathiswa (kusetyenziswa iHOD), ukulungiselela ukuthunyelwa kwemiba ethile kwabanye abaphathiswa, iiHoD, iiDDG, iiCEO zamaqumrhu karhulumente, oosodolophu, oosodolophu bakamasipala, njl.njl. a) Zibanjwa rhoqo naxa zidingeka (iintlanganiso zomntu nomnye umntu) b) Akukhange kubekho kuboniswana kuhleliwe keitafile yengxoxo lubanjweyo c) Akabango lutyelelo lwendawo luqhutyiweyo d) Umxeba wolwabelwano: 0861 888 126 e) Ukupapashwa/ukusasazwa (ngeelwimi zontathu ezisemthethweni zePhondo yaye ifumaneka nangeZiko ekuNgenwa kulo le-WCG newebhusayithi yesebe) kwezi zinto zeSebe: i. Ingxelo yoNyaka yaBemi ii. Ingxelo yoNyaka iii. Incwadana yofikelelo lwenkonzo yayekwa iv. Umqulu weNkonzo v. Ishedyuli yomgangatho wenkonzo

INGCACISO YOKUSEBENZA

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifizekiso ezizizo 2020/21
Ukuxabiseka kwemali: a) Abaxumi bafumene ulwazi oluluncedo nabanokulusebenzisa bengalubhatalelanga b) Abaxumi bafumana uncdo lwasimahla lokusombulula iimpikiswano	Ukuxabiseka kwemali: a) Abaxumi bafumene ulwazi oluluncedo nabanokulusebenzisa bengalubhatalelanga b) Abaxumi bafumana uncdo lwasimahla lokusombulula iimpikiswano	Ukuxabiseka kwemali: a) Abaxumi bafumene ulwazi oluluncedo nabanokulusebenzisa bengalubhatalelanga b) Abaxumi bafumana uncdo lwasimahla lokusombulula iimpikiswano

Isixhobo sengcaciso yokunikezelwa kwenkonzo:

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifizekiso ezizizo 2020/21
Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) lwebhusayiti yeSebe b) INgxelo yoNyaka: epapashwe ngeiNgesi yaye iyafumaneka kwezinye iilwimi ezimbini ezisesikweni zePhondo ngesicelo c) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu d) Iiseshoni zengcaciso e) IBrowusha: Ubabuzile na abakhokheli bakho babakhenkethi ngamakhadi abo nebheji? f) IiPhamflethi g) Iisetyhula h) Iintlanganiso zarhoqo ngekota i) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe Ingcaciso (iiphamflethi /iiposta/ibrowusha/njl.njl.) inakho ukufunyanwa kumaziko engcaciso yokhenketho	Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) lwebhusayiti yeSebe b) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu c) Iiseshoni zengcaciso d) IBrowusha: Ubabuzile na abakhokheli bakho babakhenkethi ngamakhadi abo nebheji? e) IiPhamflethi f) Iisetyhula g) Iintlanganiso zarhoqo ngekota h) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe liboniswe kwigumbi lolwamkelo i) Imfonomfono engahlwulelwayo yomnxeba woncedo Ingcaciso (iiphamflethi /iiposta/ibrowusha/njl.njl.) inakho ukufunyanwa kumaziko engcaciso yokhenketho	Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) lwebhusayiti yeSebe b) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu c) Iiseshoni zengcaciso d) IBrowusha: Ubabuzile na abakhokheli bakho babakhenkethi ngamakhadi abo nebheji? e) IiPhamflethi f) Iisetyhula g) Iintlanganiso zarhoqo ngekota h) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe liboniswe kwigumbi lolwamkelo i) Imfonomfono engahlwulelwayo yomnxeba woncedo Ingcaciso (iiphamflethi /iiposta/ibrowusha/njl.njl.) inakho ukufunyanwa kumaziko engcaciso yokhenketho

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifizekiso ezizizo 2020/21
UMkhoseli waBathengi eNtshona Koloni ngenxa yesibonelelo soMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) Iwebhusayiti yeSebe Ingxelo yoNyaka: ipapashwa ngesiNgesi yaye iyafumaneka nangezinye iilwimi ezi-3 ezisesikweni zePhondo xa iceliwe b) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu c) Iingxelo zopapasho: Kuqulunqwe iingxelo ezintathu zoonondaba ngokubhekisele kwiNyanga yoLondolozi, iPhulo lokuSebenzisa iMali ngoBulumko kunye noSuku lwamaLungelo aBathengi lweHlabathi d) Upapasho: isivumelwano, uMthetho woKhuseleko loMthengi kunye nencwadana yokufundisa ngemali lwavavanywa lwahlaziywa e) Iiseshoni zengcaciso ezingama-370 ngohlobo lweenkqubo zemfundo yomthengi zabanjwa apha enyakeni f) Utyelelo lwendawo g) Oku kulandelayo kwafizekiswa ngokuhambelana nemiboniso yonamathotholo: i. imiboniso yengxoxo yonamathotholo engama-20 kunye neCCFM, CapeTalk, Radio2000, SAFM kunye neRadio KC yaqhutywa ii. Amaphulo amathathu olwazi abanjiweyo. NgoJulayi 2019 iphulo lonamathotholo ngLondolozi, kujoliswe konomathotholo boluntu abalithoba (onomathotholo abali-9 boluntu aqhutywa. (Zibonele, Tygerberg, Eden, CCFM, Namakwaland, West Coast, Overberg, Helderberg kunye neValley) iii. NgoDisemba 2019 iphulo lonamathotholo elijolise kurhwebo (2) kunye nezikhululo zoluntu ezithandathu (6) zonomathotholo laqhutywa. iv. NgoMatshi 2020, iPhulo loSuku lwamaLungelo oMthengi lamiselwa ngokusetyenziswa ko-UmhloboWenene kunye neKFM i) Iintlanganiso zarhoqo ngekota ezibanjiweyo	UMkhoseli waBathengi eNtshona Koloni ngenxa yesibonelelo soMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) Iwebhusayiti yeSebe b) Ingxelo yoNyaka (ishicilelwe ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zePhondo) c) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu d) Iingxelo zopapasho e) Upapasho f) Iiseshoni zengcaciso g) Utyelelo lwendawo h) Imiboniso yonamathotholo (kulungiselelwe iilwimi ezisesikweni ezi-3 zePhondo) i) Iintlanganiso zarhoqo ngekota j) Iiphamflethi k) Iibrowusha l) Iisetyhula m) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe Ingcaciso (Iiphamflethi /iiposta/iibrowusha/ njl.njl.) ibonisa okungasentla kungafumaneka kwizikolo ezithile, kumathala eencwadi. iikliniki. iivenkile. njl.njl.	UMkhoseli waBathengi eNtshona Koloni ngenxa yesibonelelo soMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Ingcaciso yanikezelwa ngokusetyenziswa: a) Iwebhusayiti yeSebe Ingxelo yoNyaka (ishicilelwe ngeelwimi ezi-3 ezisesikweni zePhondo) b) Iintlanganiso eziphakathi komntu nomnye umntu c) Iingxelo zopapasho ezintathu zaphuhliswa ngokubhekiselele iNyanga yoLondolozi ngoJulayi, iPhulo leeNdlela zeNkcotho ngoDisemba kunye neNyanga yeHlabathi yamaLungelo oMthengi ngoMatshi d) Akukho lupapasho lutsha lwenziweyo ngesithuba sonyaka ngenxa yezithintelo zeCOVID-19 e) Iiseshoni zengcaciso ezingama-329 ngohlobo lweenkqubo zemfundo, imfundo yemali kunye noxwayo olulungiselelwe iiSMME zabanjwa apha enyakeni f) Utyelelo lwendawo lwaqhutywa emva kokumiliselwa kweNqanaba loku-1 leCOVID-19 g) Kubanjwe imiboniso yonamathotholo equlethe imiboniso yengxoxo yonamathotholo yamaqela osomashishini kunye nemiboniso yengxoxo yonamathotholo (elungiselwe iilwimi ezi-3 ezisesikweni). Amangenelo onomathotholo ali-192 aqhutywa. Le yenziwa neRadio KC, Eden FM, CCFM, DISA, Valley FM, Radio Atlantis, GamkaFM, Radio Overberg, Zibonele, Bush, Wiltzenberg, Voice of the Cape, West Coast, Cape Talk, Heart FM kunye neNamakwaland h) Iintlanganiso ezi-4 zabanjwa ngethuba lonyaka-mali i) Iiphamflethi ezingama-2 500 zanikezelwa kubasebenzi bakamasipala

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo 2020/21
j) Iiphamflethi: iiphamflethi ezingama-12 336 zanikezelwa kubathengi, kumathala eencwadi, kwizikolo, nakwiINGO. Iiphamflethi ezivela kuMlawuli weSizwe weTyala, kwiiSkimu zeBhunga loNyango kunye neBhunga lokuQokelelwa kwaMatyala zanikezelwa k) Iibrowusha l) Iisetyhula m) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe Ingcaciso (Iiphamflethi /iiposta/iibrowusha/ njl.njl.) ibonisa okungasentla kungafumaneka kwizikolo ezithile, kumathala eencwadi. iikliniki. iivenkile. njl.njl..		k) Iibrowusha l) Iisetyhula m) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe Ingcaciso (Iiphamflethi /iiposta/iibrowusha/ njl.njl.) ibonisa okungasentla kungafumaneka kwizikolo ezithile, kumathala eencwadi. iikliniki. iivenkile. njl.njl..
Inkonzo yomnxeba woncedo wokuncitshiswa kwezithintelo Ingcaciso inikezelwa ngolu hlobo ngokusetyenziswa kweendlela zonke njengoko kubonisiwe a) Iwebhusayiti iyagcinwa yaye iyahlaziywa b) Ingcaciso yokusebenza efakwe kwiNgxelo yoNyaka (ishicilelwe ngesiNgesi, yenziwe yafumaneka ngeelwimi ezisesikweni ezintathu zePhondo) c) Utyelelo lwendawo: luqhutywa rhoqo ngelo xesha naxa kudingeka d) Inkonzo ichazwe kwiphepha lamalungelo enkonzo yeSebe e) Kwimiba yenqanaba lenkqubo okanye ekuyileni ulwazi lwenkonzo, abathengi abangakho kunye nabachaphazelekayo ababalulekileyo kwizisombululo kwathethwana nabo ngokusetyenziswa: i. Iiforam zengxoxo: iforam yonxibelelwano lwezibuko, iforam yophuhliso lwepropati, iForum yokuNcitshiswa kweZithintelo (DSDB), njl.njl. ii. Ucweyo olubanjweyo kunye neSebe lamaShishini amaNcinane, iLifa leMveli leNtshona Koloni, icandelo leLED loMasipala waseGeorge, njl.njl. iii. Unxibelelwano loshishino olubanjwe kunye noshishino lothutho lwekhonteyina (ezininzi), ushishino lwefilim kunye nesixokelelwano sexabiso labathumela impahla kwamanye amazwe (iidiliya ezitywayo, abatyali beziqhamo, njl.njl.	Inkonzo yomnxeba woncedo wokuncitshiswa kwezithintelo Ingcaciso inikezelwa ngolu hlobo ngokusetyenziswa kweendlela: a) Iwebhusayiti yokuncitshiswa kwezithintelo b) INgxelo yoNyaka Annual Report (ishicilelwe ngeelwimi ezisesikweni ezintathu zePhondo) c) Utyelelo lwendawo d) Iphepha lamalungelo enkonzo leSebe e) Kwimiba yenqanaba lenkqubo okanye ekuyileni ulwazi lwenkonzo, abathengi abangakho kunye nabachaphazelekayo ababalulekileyo kwizisombululo kwathethwana nabo ngokusetyenziswa: i. Iiforam zengxoxo ii. Ucweyo (x4 ucwey ekufuneka luqhutywe) iii. Unxibelelwano lwenqanaba loshishino kunye/okanye unxibelelwano namacandelo abachaphazelekayo abafanelekileyo (x34 unxibelelwano oluza kuqhutywa) iv. Upapasho olushicilelweyo kunye/okanye olwe-elektroniki (x3 amaphulo engcaciso anxulumeneyo aza kuqhutywa) v. Imithombo yewebhusayiti yeqhinga yeRTR kulungiselewa ubonelelo lwengcaciso	Inkonzo yomnxeba woncedo wokuncitshiswa kwezithintelo Ingcaciso inikezelwa ngolu hlobo ngokusetyenziswa kweendlela zonke njengoko kubonisiwe a) Iwebhusayiti iyagcinwa yaye iyahlaziywa njengoko kudingeka b) Ingcaciso yokusebenza efakwe kwiNgxelo yoNyaka (ishicilelwe ngesiNgesi, yenziwe yafumaneka ngeelwimi ezisesikweni ezintathu zePhondo) c) Utyelelo lwendawo (olungaqhutywanga) d) Inkonzo ichazwe kwiphepha lamalungelo enkonzo yeSebe e) Kwimiba yenqanaba lenkqubo okanye ekuyileni ulwazi lwenkonzo, abathengi abangakho kunye nabachaphazelekayo ababalulekileyo kwizisombululo kwathethwana nabo ngokusetyenziswa: i. Iiforam zengxoxo: iForum yoNxibelelwano lweZibuko, iForum yokuNcitshiswa kweZithintelo (DSDB), njl.njl. ii. Ucweyo olubanjweyo kunye neSebe lamaShishini amaNcinane Unxibelelwano loshishino olubanjwe kunye noshishino lothutho lwekhonteyina (ezininzi), ushishino lwefilim kunye nesixokelelwano sexabiso labathumela impahla kwamanye amazwe (iidiliya ezitywayo, abatyali beziqhamo, njl.njl.

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifzekiso ezizizo 2020/21
iv. Ukuqulunqwa kwezikhokhelo ezibini, eziphathelelene iimvavanyo zempembelelo yolawulo kunye nolawulo lwenkunkuma eluhlaza (ushicilelo lwenziwa ngamasebe, ngokuhambelana neemfuno zawo) v. Ukuhlaziya kwewebhusayiti yeRTR njengenyoba yoncedo yokubonelelwa kwengcaciso nohlaziyo kunye noninzi lwezehlo ezisandula ukuhla		iv. Upapasho olushicilelweyo kunye/okanye lwe-elektroniki Akubanga kho maphulo aqhutyiweyo anxulumene nengcaciso eshicilelweyo/ye-elektroniki v. Inyoba yeqhinga yewebhusayiti yeRTR yokubonelelwa kwengcaciso

Indlela yezikhalazo

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifzekiso ezizizo 2020/21
Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso Izikhalazo /iingcebiso/izincwadi/imibuzo: a) Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo: iinkcukacha ziqhagamshelwano zifumaneka kwincwadana yofikelelo kwinkonzo c) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi d) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48 e) UMcini-zincwadi wezoKhenketho lwePhondo ufumene isibheni esinye esithe sathunyelwa kuMcini-zincwadi weSizwe	Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso Izikhalazo /iingcebiso/izincwadi/imibuzo a) Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo: iinkcukacha ziqhagamshelwano zifumaneka kwincwadana yofikelelo kwinkonzo c) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi d) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48 e) Zibhalisiwe zaze zabekwa iliso ngokusetyenziswa kwesizinda seenkcukacha zolwazi se-elektroniki/kwerejista/kwenkqubo f) Izibheni ezichasene nesigqibo saBagcini-zincwadi bePhondo zinokwenziwa ngqo kuMcini-zincwadi weSizwe	Ukubhaliswa kwabakhokheli babakhenkethi nokubekwa kweliso a) Izikhalazo /iingcebiso/izincwadi/imibuzo Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo: iinkcukacha ziqhagamshelwano zifumaneka kwincwadana yofikelelo kwinkonzo c) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi d) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48 e) Zibhalisiwe zaze zabekwa iliso ngokusetyenziswa kwesizinda seenkcukacha zolwazi se-elektroniki/kwerejista/kwenkqubo f) Izibheni ezichasene nesigqibo saBagcini-zincwadi bePhondo zinokwenziwa ngqo kuMcini-zincwadi weSizwe

Amalungiselelo akhoyo/nangawo	Amalungiselelo anqwenelwayo	Izifezekiso ezizizo 2020/21
UMkhuseli wabaThengi eNtshona Koloni ngenxa yokuBonelelangoMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Izikhazazo/lingcebiso/Izincomo/Imibuzo: a) Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo c) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi d) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48 Ufezekiso olwangezelelweyo: e) Kusahlolwa ukwenziwa kwezinto ngedijithali zeminye imiba yeengcebiso	UMkhuseli wabaThengi eNtshona Koloni ngenxa yokuBonelelangoMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Izikhazazo/lingcebiso/Izincomo/Imibuzo: a) Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo: iinkcukacha zqhagamshelwano zifumaneka kwiNcwadana yofikelelo kwinkonzo Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi c) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48. Zibhalisiwe zaze zabekwa iliso ngokusetyenziswa kwesizinda seenkcukacha zolwazi se-elektroniki/kwerejista/kwenkqubo d) Ukumiliselwa kweenkqubo zedijithali	UMkhuseli wabaThengi eNtshona Koloni ngenxa yokuBonelelangoMthetho kaRhulumente wePhondo noweSizwe Izikhazazo/lingcebiso/Izincomo/Imibuzo: a) Zingeniswe kwiyunithi yoshishino efanelekileyo kusetyenziswa iziko lokutsalelwa kombane elizimiseleyo/ iziko ozingenelayo b) Zingeniswa ngqo kwiyunithi yoshishino efanelekileyo: iinkcukacha zqhagamshelwano zifumaneka kwiNcwadana yofikelelo kwinkonzo Ziphendulwe nokubhaliweyo (ileta esesikweni kusetyenziswa iposi, nge-imeyile okanye ifaksi) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kwisicelo somthengi c) Ukwaziswa ngokufunyanwa kwazo kwisithuba seeyure ezingama-48. Zibhalisiwe zaze zabekwa iliso ngokusetyenziswa kwesizinda seenkcukacha zolwazi se-elektroniki/kwerejista/kwenkqubo (ORACLE) d) Ukumiliselwa kweenkqubo zedijithali
Inkonzo yoshishino yokuncitshiswa kweZithintelo Izehlo zezi: a) Zingeniswe kwiRTRU kusetyenziswa (1) the redtape@westerncape.gov.za inbox (ilawulwa ngphakathi ngamalungu abasebenzi beRTRU), (2) inombolo 0861 888 126 (ilawulwa ngphakathi ngamalungu abasebenzi beRTRU) (3) INkulumbuso/uMphathiswa/HoD/DDG (4) Uthunyelwa lwangaphakathi olwenziwa ngamalungu abasebenzi b) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ngokubanzi, nge-imeyile, ngamanye amathuba isesikweni) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kukukhetha komthengi	Inkonzo yoshishino yokuncitshiswa kweZithintelo Izehlo zezi: a) Zingeniswe kwiRTRU kusetyenziswa iziko loqhagamshelwano elimiselweyo b) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ngokubanzi, nge-imeyile, ngamanye amathuba isesikweni) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kukukhetha komthengi	Inkonzo yoshishino yokuncitshiswa kweZithintelo Izehlo zezi: a) Zingeniswe kwiRTRU kusetyenziswa (1) the redtape@westerncape.gov.za inbox (ilawulwa ngphakathi ngamalungu abasebenzi beRTRU) (2) INkulumbuso/uMphathiswa/HoD/DDG (3) Uthunyelwa lwangaphakathi olwenziwa ngamalungu abasebenzi b) Ziphendulwe nokubhaliweyo (ngokubanzi, nge-imeyile, ngamanye amathuba isesikweni) okanye ngomlomo kusetyenziswa imfonomfono okanye ubuso ngobuso, kuxhonyekeke kukukhetha komthengi

1.1 Ubume bombutho

Okuqukeqela kuvela kwisicwangciso seQhinga sePhondo (2019_2024), iSebe lophuhliso loQoqosho noKhenketho ligunyaziswe ngokunjalo okokuba lithabathe indima yokukhokhela ekuqhubeni i-ajenda yoRhulumente weNtshona Koloni elungiselelwe okuPhambili okuvuselelwa nguMbono (VIP 2) okukukhula kunye nemisebenzi.

Ngaphezulu, umxholo wemisebenzi wesicwangciso noVuselelo lweNtshona Koloni, esilungelaniswe kwiqhinga leSebe leminyaka emihlanu esilungiswa iimfuno zangoku ukuyila imisebenzi ezinzileyo ngokunjalo nemingeni emininzi yenkqubo ethe yachongwa kwiqhinga leminyaka emihlanu. Kuba bume bolu nxulumaniso, imixholo emininzi kunye namangenelo kumxholo wemisebenzi wesicwangciso soVuselelo seNtshona Koloni sihlakoma neqhinga lesebe leminyaka emihlanu. Kuba bume bolu nxulumaniso, imixholo emininzi kunye namangenelo kumxholo wemisebenzi wesiCwangciso soVuselelo seNtshona Koloni sihlakoma neqhinga lesebe leminyaka emihlanu.

Ngokuthambekele kubume obuntsokothileyo nobunqamlezileyo ngokunjalo nenguqu ebonakalayo 'kwindlela entsha yokusebenza' ngenxa yeCovid 19, ugxininiso luqhubeka yaye lusaya kuqhubeka ukubekwa kunizekelo lwamakhono ngokutsha nokuqeqeshela kumakhono aphezulu kwabasebenzi, uphuculo lobungcaphephe, ulawulo lokusebenza, ulwahlulwa-hlulo, ukusekelwa engqeshweni, kunye nesicwangciso solandelelwano ukuthabatha isikhundla. Ngethuba lokunikwa kwengxelo iSebe libeke ugxininiso kuvavanyo ngokutsha kobuchule obungundoqo kunye namakhono abalulekileyo adingekayo ukulungisa isigunyaziso esingundoqo lweSebe. Ukusabela kwiinzame ezihlangeneyo zeCovid 19 kuyo yonke indlela yeSebe yokunikezelwa kwenkonzo ethe yavelisa iziphumo ezilungileyo ekulungiseni iimfuno zamashishini. ISebe liqamele ngamandla kumakhono awahlukeneyo abasebenzi kwiinkqubo. ISebe liya kuhlaziya isiCwangciso saBasebenzi, esiya kuqhuba ekubeni sisithuthi sokuqinisekisa okokuba iSebe liyabasebenzisa yaye liphuhlisa abasebenzi balo ngokupheleleyo ekuqinisekiseni ngonikezelo lwenkonzo oluthambileyo noluhlangeneyo.

ISebe liqhubele phambili iprojekti yeDijithali yeDEDAT, ejolise ekuziseni ukufaneleka kokusebenza okuphuculweyo kwiDEDAT ukunceda ufikelelo, ukusebenza kakuhle kweenkqubo zangaphakathi zeDEDAT ngokwandiswa kwemveliso evela ekwamkeleni kweteknoloji yedijithali. Abahlaleli boshishino ababini baqhube uvavanyo kwakhona olwandileyo lweendawo zentlungu ezine ezichongiweyo ezinxulumene kukuzenzekela kwexwebhu ukunikwa kwengxelo yeprojekti, kulawulo lwabathathi-nxaxheba kunye nonxibelelwano. Isidingo sokumilisela kwamacandelo eenkcukacha zolwazi eziphuculweyo neenkqubo ezilungiselelwe ulawulo lobudlelwane nomthengi sachongwa. Ngaphezulu, iyunithi iqhuba iiseshoni ezikhuthaza ukusetyenziswa kwezixhobo ezifumanekayo ezilungiselelwe uhlalelo nokuqokelelwa kweenkcukacha zamanani, ukunikwa kwengxelo kunye ne4IR ngokubanzi.

Ukuqaliswa okube kufutshane kwePOPIA ngoJulayi 2021 kube ngoyena mqhubi uphambili ekuqhutyelweni phambili kokugcinwa kwerekhodi nokulawulwa kweenkcukacha zolwazi. Ngaphezulu, iPhondo liqhubela phambili ngolawulo lweenkcukacha zolwazi. Ezi ngokunjalo ziya kuqhuba iinkqubo ngowama 2021-2022. Ekugxilwe kuko kuya kuba kukwandiswa kokusetyenziswa kwee-asethi namaphepha-mvume eICT.

Ngokukhula kobhubhane we Covid 19, iSebe kufuneka lilungelelanise inkqubo yalo yokusebenza ukulungiselela abasebenzi abakwiqela eliphambili (amabhinqa) kunye nabasebenzi abasesichengeni (abantu abakhubazekileyo). Oku kufezekisiwe ngokuhambelana nesiCwangciso sokuSebenza seSebe esithi sivumele okokuba abasebenzi babe nakho ukusebenzela ngaphandle kwe-ofisi, apho kuyimfuneko.

Rhoqo ngonyaka amaBhinqa eSebe akwiqela loLawulo (amalungu eSMS kunye neMMS) asingethe intlanganiso ukuxoxa nayiphi na imiba engakho yolungalingani ngokwesini kwiSebe. Amanqaku anokusetyenziswa

aqokelelwa ze kwasetyenzwa ngawo. Intlanganiso ezandisele kwiintlanganiso ezikho rhoqo ngekota eziqalise kunyaka-mali omtsha ukuqinisekisa ngento yokuba imigaqo-nkqubo yesebe kunye neenkqubo zilungelelanisiwe ukubandakanya ukwenziwa umba ophambili kwamalungelo abantu.

ISebe lizingca ngethuba lokuxhasa nokunikezela ngendawo efanelekileyo kubantu abakhubazekileyo. ISebe liqinisekisa ngento yokokuba imicimbi enxumelene nofikelelo ilungisiwe ngokusetyenziswa kwesicwangciso sesiCwangciso-nkqubo seQhinga lokuLingana kweSini kunye nesiCwangciso sesiCwangciso-nkqubo seQhinga lokuFikelela kwiMisebenzi.

1.2 Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo neenguqu zomthetho

ISebe livume uphuhliso olutsha lomgaqo-nkqubo ukusabela kwiCovid-19.

IsiCwangciso soLwakhiwo ngoKutsha noVuselelo loQoqosho loMzantsi Afrika,2020.

IsiCwangciso leSizwe soVuselelo loKhenketho.

IsiCwangciso soVuselelo lweNtshona Koloni.

3. IZIFEZEKISO ZEEMPEBELELO NEMIPHUMELA YEZIKO.

Ukufundwa kunye noBume boNikezelo lweNkonzo 2.1. impembelelo njengoko ichaziwe kwisiCwangciso seQhinga sesebe (2021-2025) kukwandiswa kwengqesho kuqoqosho lweNtshona Koloni. Uqhambuko lobhubhane wehlabathi weCovid-19 lube nempembelelo ebonakalayo kwiimarike zabasebenzi kulo lonke ihlabathi yaye imarike yabasebenzi yoMzantsi Afrika ayizange isinde.

Phakathi kwekota yokuqala neyesine yowama-2020 uqoqosho lweNtshona Koloni lulahlekelwe yimisebenzi eli-163 000. Ngoko, ngokuqwalasela iindlela kwiikota zonke, iyacaca into yokokuba emva kokuba uqoqosho lulahlekelwe yimisebenzi ngethuba "elinzima lokuvalwa ngci kwayo yonke into" lekota yesibini, liqalise ngokuyila imisebenzi kwikota eyesithathu neyesine, nokokuba ayikafikeleli kumanqanaba angaphambili kweCovid.

Olu vuselelo lwemarike yemisebenzi luxhasa okulindelekileyo kokokuba iSebe liya kuba nakho ukufezekisa impembelelo yemihlanu yengqesho eyandileyo ngokwesiCwangciso seQhinga.

Umsebenzi wobambiso othelekiswa neziphumo. Ukwanda kwexabiso leRandi lotyalo-mali: Utyalo-mali lufunyenwe kunyaka-mali wama-2020/21 yeSBIDZ kodwa kuya kunikezelwa ngengxelo kuphela kunyaka-mali wama-2021/2022 kulandela ukunikezelwa kwezivumelwano okukwesikweni.

Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe: Ixabiso lokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okulungiselelwe amacandelo angundoqo ethuba, ngokwesiCwangciso seQhinga, linyuke nge-4.2% ukuya kwisigidi sezigidi ezingama-R71.5 kunyaka wama-2019 xa kuthelekiswa nokujoliswe kuko kwe-4.9% ukukhula. Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okunxulumene necandelo lokuguqulwa kwemveliso loLimo eyile ukutya neziselo kube ngaphantsi kunoko bekulindelwe kodwa ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okunxulumene necandelo leenkono ingakumbi ushishino lokuthengiswa kwenkqubo yoshishino phesheya kolwandle kuqhube ngcono kakhulu kunoko bekuqikelelwe kuthanjekelwe kwixabiso lehlabathi elomeleleyo elindululwayo kumanqanaba exabiso lokhuphiswano. Kufuneka iqatshelwe into yokokuba ukunikwa kwengxelo kwingxelo yonyaka kusilela ngonyaka om-1 ngenxa yohlobo lokusilela kweenkcukacha zolwazi ezifumanekayo. Ukusebenza korhwebo olunxulumene nempahla yorhwebo eNtshona Koloni kuya kulinganiswa kwisithuba seminyaka emihlanu njengoko kuhambelana nekujoliswe kuko kumphumela wesiCwangciso seQhinga. Imingeni engundoqo enxulumene nokusebenza kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe ngowama-2020/21 ibandakanya impembelelo yeCovid-19 ethe yakho kushishino wehlabathi ingakumbi kuphazanyiso lwesixokelelwane sexabiso, impembelelo kwimigaqo engundoqo yoshishino (indlela, umgaqo kaloliwe, uhambo lwasemoyeni nolwaselwandle) ngokunjalo nenguqu ebhekiselele kwiminqophiso

yoshishino eqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha ukuqinisekisa ngenkxaso kubathumeli bempahla kwamanye amazwe beNtshona Koloni. Nangona kukho le mingeni ukusebenza kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kweNtshona Koloni kubonakalise ukukhula okulungileyo okubhekisele kolujoliswe kuko kweminyaka emihlanu.

Inggqiqo yokhuselo oluphuculweyo lokhenketho: Enye yeenjongo zeQhinga loKhuselo lwezoKhenketho kukuphuculwa kwembonakalo yohlobo lweKapa neNtshona Koloni ukususela kwimbono yokhuselo/ukhuseleko/yolwaphulo-mthetho. Oku kubalulekile kuphuculo lokhuphiswano lwendawo yokufikela nokuthintelwa kweengqiqo ezityhutyhayo zokokuba iNtshona Koloni ayikhuselekanga. Iqhinga lidinga indlela epheleleyo kukhuselo lweendwendwe, okubaluleke kakhulu ukuqinisekisa ngento yokokuba abakhenkethi bazisiwe ngeendlela zokwenza ezingabenza bahlale bekhuselekile, banikezelwe inkqubo ebanzi yokusabela ukuxhasa abakhenkethi abahluphekileyo, ngokunjalo nokubonakala kokupolisa kwiindawo ekuxhaphake abakhenkethi. Ukusabela kwiCovid-19, kwimeko zempilo nococeko nazo ngokunjalo zibekelwe phambili.

Injongo yohlahlelo lwengqiqo yokhenketho kukulinganisa impembelelo yeQhinga loKhuselo loKhenketho lwePhondo kwiingcamango zabakhenkethi behlabathi abatyelele iphondo ngesithuba sokumiliselwa kweqhinga. Ukulungiselela ukuqaliswa kweprojekti, iinkcukacha zolwazi zesiseko zafuneka. Kwakuthinjwe into yokokuba ihlobo lowama-2020/21 liya kuba lixesha elifanekileyo lokuqokelelwa kweenkcukacha zolwazi lwesiseko kuthelekiswa nenkqubela phambili yexesha elizayo ekungalinganiswa yona. Oku kubangelwe yinto yokokuba izixhathisi ezahlukeneyo zeQhinga loKhuselo lwezoKhenketho zibe kunyaka wokuqala womiliselwano. Ngenxa yeCovid-19 olu phando alubanga nakho ukuqhutywa njengoko kungazange kubekho bakhenkethi behlabathi baneleyo kwiphondo. Naluphi na uhlahlelo oluqhutywe ngeli xesha beluya kuba neziphumo zesiseko ezigoso. Ngeso sizathu, uvavanyo lwesiseko lwarhoxiswa.

Ukuqesheka okuphuculweyo kwabaxhamli kwaxhaswa:

INKqubo yoPhuhliso lwaMakhono neNguqu yenze inkqubela phambili ngokubhekiselele kufezekiso lomphumela wepesenti yabaxhamli abaxhasiweyo, ngoko kusanda umlinganiselo wokuqesheka phakathi kolutsha olungenangqesho. Unikezelo ngokweNkqubo kunikele kwiMTSF yowama-2019-2024 kunye nePSP ngokumiliselwa kweenkqubo zolingo lokubekwa emsebenzini ezithe zachongwa zokunciphisa umlinganiselo wokuqeshwa nokuyilwa kwemisebenzi. Inkqubo ezimiliselweyo zigxile ngokunjalo kumacandelo ashishinayo alungelelaniswe kwiingqumba zoqoqosho eziphambili ezivuselelwa ngumbono VIP2: Ukukhula nemisebenzi, kunye nenkxaso yeVIP3: ukukhula nemisebenzi, kunye nenkxaso yeVIP3: ukuXhotyiswa kwabantu.

Ngenxa yempembelelo yobhubhane weCovid-19, inkqubo yoPhuhliso lwaMakhono neNguqu ilungelelanise zonke iinkqubo zayo zamakhono yaze yandisa uhlahlo lwabiwo-mali ukulungiselela ukunikela ngeenkqubo ezininzi zolingo lokubekwa kwabantu emisebenzini. Oku kubekwa emisebenzini kunceda abaxhamli abangenangqesho okokuba bafumane ingeniso ukuxhasa amakhaya abo nokufumana ukuchanatywa okunentsingiselo kwindawo yokusebenza nakumakhono okwandisa ukuqesheka kwabo. Kwamanye amathuba, ufikelelo kumathuba emisebenzi kwafezekiswa ngokunjalo okusabelayo kukunqongophala kwamakhono kushishino kuzondelelwe ukukhula koqoqosho nokuyilwa kwengqesho.

Ukomelela kwezibonelelo loqoqosho oluphuculweyo: Ukomelela kombane. Umsebenzi oqhutywayo uxhibe ekunikeleni ngobume obuncedayo obulungiselelwe umbane ohlaziyiweyo okokuba umiliselwe ngomlinganiselo ngoomasipala, amashishini kunye namakhaya eNtshona Koloni. Okubandakanyiweyo koku kukuguzulwa kwezithintelo zolawulo nokuphuhliswa kweendlela zenkxaso-mali kunye neendlela eziya kudingeka ukulungiselela ukumiliselwa kwezi projekti. Ukuza kuthi ga ngoku, okunikezelweyo okukwiqondo eliphezulu kubandakanya: uphuhliso nokusetyenziswa kwesixhobo sokuvavanya ukulungela kukamasipala ukulungiselela ukuchonga oomasipala aba-6

abaeqeqeshwayo, apho iiMOU sele ziyiliwe, kunye nophuhliso lwezenzo zoshishino ezinikezela ngengcaciso ecalulweyo yobuchule, yolawulo yemali kunye nenye ingcaciso edingekayo ukunceda kukukhethwa kweeprojekti ezingakho zokuhlahl' indlela.

Ukomelela kwamanzi: Ngesithuba esiphantsi kovavanyo, abasebenzi eyayinokuba ngabo abakhokhelayo kumsebenzi wokomelela kwamanzi babekwa kumsebenzi wokulawulwa kweCovid-19 nakukhuselo lwendawo yokusebenza isithuba esikhulu sonyaka-mali. Nangona kunjalo, imiba yomsebenzi, umzekelo ukusebenza kunye namacandelo agxininisa kumanzi ukulungiselela ukuphucula ukomelela kwamanzi, kwaqhutywa ngokusetyenziswa kwedesika yecandelo lamanzi kwiGreenCape. Ngenkxaso yeGreenCape neWesgro, utyalo-mali loqoqosho oluluhlaza olumalunga nesigidi sezigidi ezili R11.6 lwahlalelwa kwiNtshona Koloni eya kukhokhela ukuyilwa kwesambuku esimalunga nemisebenzi engama-970 eNtshona Koloni. Olu tyalo-mali belukwintengiso yezixokelelwano zesola PV eseluphahleni, kwiqonga eliqeshisa ngeephaneli kwishishini nelinye lehlalathi eliqhutywa yimfihlakalo kunye namaziko okufakwa kweenkcukacha zolwazi kwikhompyutha

Ukwenziwa lula okuphuculweyo kokuqhutywa koshishino: IYunithi yokuNcithiswa kweZithintelo ilawula amangenelo amaninzi okunciphisa umthwalo wemithetho, okuphucula iinkqubo zoshishino, okuqinisekisa ngonxibelelwano olusebenzayo kunye/okanye okunikezela ngenkxaso yeshishini (ngemali kunye nengeyomali) ukuphucula ukufaneleka nokusebenza kweshishini.

Oku kubandakanya iminikelo eguqulweyo yobunkokheli ukuseka ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino njengommandla wokujoliswe kuko okungundoqo kwiPort of Cape Town. Imisebenzi yezibuko neyesitishi sokugqibela zizigunyaziso zorhulumente wesizwe egunyaziswe kwiSebe lamaShishini kaRhulumente. Ngoko amaqanaba enkonzo anikezelwa ezibukweni awalungelelaniswanga neemfuno zoshishino zomthwalo waselwandle, athe avuselela izibheni ezininzi zongenelelo ezivela kubarhwebi abangenisa impahla elizweni kunye nabathuthi. Intsilela yenqanaba lenkonzo libe ngumqobo kutyalo-mali nesithintelo kukukhula kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe eNtshona Koloni. Ngummandla ngoko ekujoliswe kuko kulungiselelwa iNkqubo yokwenziwa lula koShishino.

Ilprojekti ezithe ngqo zibandakanywa ukukhuthazwa kwentsebenziswano yabachaphazelekayo ukuphucula ukufaneleka kwesixokelelwano lwempahla yokusebenza nokuphemelela uthantamiso phakathi kweengqwalasela zempilo nengqesho ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into.

Ukuphucula kolawulo lwemali: Ngenxa yamaqanaba akhoyo aphantsi entembeko yoluntu ngokubhekiselele kunikezelo lwenkonzo karhulumente kunye nekhono lakhe lokusebenzisa izibonelelo ngokuhlakanipha, imbono enikezelwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (AG-SA) ibaluleke kakhulu. I-AG-SA ngumbutho onikwe uxanduva lokuvavanya amasebe karhulumente yaye anike imbono yokokuba ingaba imigangatho yawo yolawulo lwemali ilungelelene na neengcinga ezifezekileyo ezichazwe kuMgaqo-siseko woMzantsi Afrika.

Ngokufumana imbono yophicothi-zincwadi olungenaziphene, inokuqondwa into yokuba iAG-SA iqinisekile ngokuba imigangatho eyimfuneko yolawulo lwemali ikho yaye iyahambelana neenqobo ezisesikweni ezichazwe kuMgaqo-siseko.

Imbono ze-AG-SA nokufunyenweyo ziyasetyenziswa ngoko kwiSebe ukuphucula ngaphezulu imigangatho yolawulo ukunceda okulandelayo:

1. Ukunikezela ngengqinisekiso kumahlakani eqhinga angaphandle okokuba inkqubo zemali zeSebe zifezekile.
1. Iingxowa-mali ziyalawulwa ngendlela evulelekileyo, ephandle nelumkileyo

Oku ngoko kunceda iSebe okokuba lifumane amahlakani eqhinga awangezelelekileyo ukunikezela iinkonzo kubemi ngokubanzi. Oku ngoko kunomphumela kwisebe lifumane unikezelo oluphuculweyo lwenkonzo kumaqanaba aphezulu okufaneleka ngokunjalo nokunikezelwa kwengqinisekiso yokokuba uluntu oluninzi loShishino lunakho ukusebenzisana neSebe ngengqinisekiso yokokuba izibonelelo zawo

zemali ziya kulawulwa ngololongo olukhulu kunye noxanduva.

Inkqubo esebenzayo yeM&E yokunikezelwa kwenkxaso yeqhinga: Njengendlela yokubala ngamashumi engundoqo ukulandela umsebenzi kuthelekiswa nomphumela, iyunithi ye-M&E isebenzela ngokubhekiselele ekuqinisekiseni ngento yokuba ‘inkqubo yeM&E’ esebenzela ngokubhekiselele ekuqinisekiseni ngento yokuba inkqubo yeM&E nezikhokhelo. Ekujoliswe kuko okunqwenelayo kowama-2025 kubandakanywa uphicotho-zincwadi lonyaka olungenaziphene lwengcaciso yokusebenza kokungeyiyo imali, imigqalisela yesebe evavanywa njengohambelwano kunye nesiCwangciso-nkqubo esiHlaziyiweyo soCwangciso, ukubekwa kweliso kwimiphumela kunye neemvavanyo zokuphela kwekota.

Njengoko kuxhityiwe, sivelise iingxelo eyokuqala kwezintlanu zokubekwa kweliso kwimiphumela ecwangcisiweyo kunye nophando lowama-2020/21 olujolise ekuvavanyeni inkqubo yeSebe inkqubela phambili ithelekiswa nokuchongiweyo kwalo okucwangcisiweyo kulungiselelwa ukuphuculwa kokuqesheka kwabaxhamli kwamangenelo kwabo amakhono axhaswe ngemali.

Ngeli thuba uphicotho-zincwadi lonyaka lwe-AG luqhutywayo ngokwakaloku nje, umsebenzi uqalisiwe ngokunjalo kwicandelo lweNkqubo yoYilo lweDOTP ukuvavanya nokupapasha imanyuwali ehlaziyiweyo yenkqubo yendlela iYunithi yeM&E kunye neeNkqubo zeSebe, ilawula ngayo iNgcaciso yokuSebenza kunye neenkqubo zoshishino zokuNikwa kweNgxelo. Ukususela kwimanyuwali yowama-2017, iinkqubo zangaphakathi zigqibelele kunye neendlela zedijithali ezisetyenziswayo zowama-2021 ngoku kwindlela iinkqubo ezixhityiweyo zokokuba irekhodi yokusebenza ezinzileyo yeSebe kuPhicotho-zincwadi olungenaziphene lwe-AG kumsebenzi walo ongenguwo owemali unakho ukugcinwa.

Ubume obuphuculweyo obunceda kwindlela yoshishino elungileyo kunye nabathengi abazisiweyo: Kwisithuba esiphantsi kovavanyo wonyaka wama-2019/20 kwafunyanwa izikhalazo ezingama-3 000 kubekho ukuhla kwenani lezikhalazo ezifunyenweyo xa kuthelekiswa kwizikhalazo ezili-1 428 ezifunyenwe ngowama-2020/21. Ukuhla kunokubalelwa kuqhambuko kwentsholongwane yekhorona ebe nomphumela wokuba ilizwe libe phantsi kovalo ngci lwayo yonke into ukulawulwa kokusasazeka kwentsholongwane. Kwizikhalazo ezifunyenweyo ezili-1 428, ezili-1 243 zasonjululwa okube nomphumela wolondolozo lwama-R353, 385.15. Oku kwenza ama-29% kokujoliswe kuko kweminyaka emihlanu. Ulondolozo oluphantsi lunokubangelwa zizithintelo kukuhamba okubangele kubemi abambalwa abatyelela i-ofisi yethu kudityaniswa nokuhla kumsebenzi woqoqosho. Ngaphezulu koko, ukuvalwa ngci kwayo yonke into kuchaphazele nga- ngokunjalo iinkqubo ezizezinye zokusonjululwa kwembambano okuthe umphumela woko yaba lulondolozo olongezeleleka kubathengi. Ngokuvulwa koqoqosho kunyenyiswa kwezithintelo zokuhamba, inkqubo ibe nokwanda kancinane kwini lezikhalazo ezifunyenweyo zaze zasonjululwa. Oku kwenzeke ngaxeshanye nokunyenyiswa okwandisiweyo kwemithetho yokuvalwa ngci kwayo yonke into. Le ndlela inika ithemba lokokuba inkqubo iya kufikelela kokujoliswe kuko komgqalisela womphumela weminyaka emihlanu.

4. INGCACISO YOKUSEBENZA KWENKQUBO YEZIKO

4.1 INKQUBO 1: ULAWULO

Injongo
Ukubonelela ngobunkokheli obomeleleyo, obunobuchule, kunye nokuhambisa iinkonzo ezicocekileyo, ezifanelekileyo, nezingenazindleko ziphezulu, ezicacileyo neziphendulayo kwiSebe.

Ukwakhiwa kwenkqubo

INkqubo yakhiwe ngale ndlela ilandelayo:

Inkqutyana 1.1: I-Ofisi yeNtloko yeSebe

- Ukulawula nokunika umkhomba-ndlela kwiinkqubo zolawulo eziqamlezileyo zeSebe ezinika ubunkokheli kwiSebe; kunye
- Nokugcina ngokufanelekileyo umsebenzi wokubek' esweni isigunyaziso nomsebenzi weSebe xa lilonke.

Inkqutyana 1.2: Ulawulo lweziMali

- Ukubonelela ngolawulo olufanelekileyo kusetyenziso-zimali;
- Ukuqinisekisa ukumiliselwa kwe-PFMA kunye neminye imimiselo nemigaqo-nkqubo enxulumene nayo;
- Ukuxhasa iSebe kucwangciso nohlalo lwabiwo-mali; kunye
- Nokwenza amalungiselelo okuba kulondolozwe ii-asethi

Inkqutyana 1.3: Iinkonzo ezimanyanisiweyo

- Ukubonelela iSebe ngomsebenzi wenkxaso yobuchule bokusebenza;
- Ukuqinisekisa ukunikezelwa kweenkonzo zenkxaso ze-ICT, zabasebenzi, zolawulo olumanyanisiweyo, zomthethonezoxibelelwano;
- Ukunikezela ngeenkonzo zonxibelelwano kwiSebe;
- Ukubek' esweni nokuhlola umgangatho wokusebenza kweSebe; kunye
 - Nokuqulunqa nokulawula izixokelelwano zolwazi neenkukacha, iirekhodi nokulungelelanisa i-ICT

Imiphumela yeziko

INkqubo 1 inikela kule miphumela yeziko ilandelayo ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2020/21:

- Ulawulo oluphuculweyo lwemali
- 'Inkqubo yeM&E' esebenzayo ethi inike inkxaso yeqhinga kwiSebe

Inkqutyana 1.2: ULawulo lweMali

Inkqutyana 1.2: ULawulo lweMali								
Umpheleli	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ulawulo lwemali oluphuculweyo	Iintlawulo ezenziweyo eziya kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-30	1.1 INani leentsuku zokwenziwa kwentlawulo kubantu ababanjwa imali	Iintlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezili-15.79	Iintlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezili-15.88	Iintlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-30	Iintlawulo kubantu ababanjwa imali kwisithuba zeentsuku ezingama-24	-	-

Inkcitho ekhulayo njengepesenti yohlahlo lwabiwo-mali (inkcitho eyiyo/uhlahlo lwabiwo-mali oluhlengehlengisiweyo)	1.2 IPesenti yenkcitho ekhulayo efezekisiweyo (inkcitho eyiyo/uhlahlo lwabiwo-mali oluhlengehlengisiweyo)	98.95%	98% (R498 783 000)	98%	99.2%	0.8%	ISEbe likudlule ebelijolise kuko ngenxa yeenzmezalo ekuqhubeni incitho. Incitho ibe zizigidi ezingama-R530 711
Amangenelo asebenzayo amiliselwe ngempumelo	1.3 INani lamangenelo email asebenzayo amiliselweyo	5	7	4	5	1	Ukuqinisekisa ngezivumelwano ezilungileyo zolawulo ngethuba lweCOVID-19, ufaneleko lwemali olwangezelelweyo kufuneka lumiliselwe

Iyaqhutywa kwiphepha eli landelayo

INkqutyana 1.2: ULawulo lweMali								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
	Ileseshoni zoqeqesho lwemanyu wali yemali eziqhutyiweyo	1.4 INani leeseshoni zoqeqesho lwemanyu wali yemali eziqhutyiweyo	19	12	12	13	1	Ngenxa yeenguqu zomthetho nohlaziyo lweenkqubo, uqeqesho lwabekwa phambili
	Ulwanelis eko lwenkonzo yomthengi olufezekisi weyo	1.5 Ipesenti yolwanelis eko lwenkonzo yomthengi olufezekisi weyo	Umgqali sela omtsha	Umgqali sela omtsha	50%	0	(100%)	Inkonzo yenkxaso yolawulo lwemali eqalise ngeenkqubo zolwandiso ukulungiselela ukuqinisekisa ngeenkonzo eziqhubekayo neziqhutywa kumaqonga onxibelelwano lwekhompyutha. Kubonwe into yokuba akusayi kusebenza ukuhlolwa kwamava omthengi ngelishesha liphakathi.

Izindululo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zimilisewe	1.6 IPesenti yezindululo zangaphakathi zophicotho-zincwadi ezimilisewe yo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	80%	75%	(5%)	Ufezekiso olungaphelelanga olulungiselelwe umiliselo lwezindululo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi lubalelwa kutshintsho kubalawuli kummandla wophuhliso lwezakhono oku kube nomphumela kukwandiswa kwemihla ebibekiwe ngaphambili yokumiliselwa kwezindululo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi. Ibalawe ngokunjalo kulityaziso kumiliselo lweM&E SOPS, oluthe lwaqaliswa kodwa alwaqakunjelwa ngomhla ekwakuvunyelwene ngawo.
Izindululo zophicotho-zincwadi lwangaphandle zimilisewe	1.7 IPesenti yezindululo zangaphandle zophicotho-zincwadi ezimilisewe yo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	100%	100%	-	-

Inkqutwana yezifizekiso

Ulawulo lwemali

Unyaka ophantsi kovavanyo awukhange ube ngunyaka olula kulawulo lwemali, njengoko uvelise imingeni emininzi nokufuduka kokuqhelekileyo. Ibe ngunyaka obe neenguqu ezininzi ezibe yimfuneko, okuncinane ibe sisidingo sokusebenzela ekhaya kunye nesithuba ekufuneka sigciniwe phakathi komntu nomnye. Le mingeni inzima nakukuphi na ubume bomsebenzi obuxhomekeke kuqulunqo lweenkqubo ngeendlela zokusebenza nalapho kukho isidingo sokuqinisekisa ngokuba imigangatho yolawulo soloko isandiswa yaye iphuculwa. Ngoko , ngokokuba kukho imingeni, iinkqubo ezintsha nezisombululo zenguqu bezisoloko ziveliswa ukuqinisekisa ngento yokuba abemi bethu bavuna amabhaso anikezelwa lisebe lethu.

Ulawulo lwemali nakulo naliphi na icandelo lamasebe ka-rhulumente ludlala indima ebalulekileyo kunikezelo lweenkonzo kubantu kwiphondo elikhulu. Kumasebe, ulawulo lwemali lusoloko luthe gqolo lukhokhelwa sisidingo ukuqinisekisa okokuba yonke into yenziwa ngendlela enye nangomgangatho ibe ngathi inkonzo leyo ijoliswe kuthi. Kule meko, ufezekiso olungundoqo lufikelelwe lwenqanaba lenkcitho elungama-99.2% kwisebe. Oku kwafezekiswa nangona ugxibho olubhekiswe kwisebe lwaluko ekujonganeni nobhubhane weCovid-19. Olu fezekiso lubaluleke kakhulu kwisebesa njengoko lubonisa okokuba kumaxesha anzima linakho ukuvelisa iziqhamo yaye ezikwinqanaba eliphezulu.

Njengoko intlekele yentsholongwane yekhoviithi (COVID-19) iphuhla, iyunithi yolawulo lweSixokelelwano soNikezelo (SCM) ichonge amalinge okwandisa ukufaneleka kulungiselelwa ukumiliswa okuphambili ukuxhasa unikezelo lwenkonzo olwandileyo nokubhangiswa kwemisebenzi yobuqhetseba norhwaphilizo. Iitshelilisti zaphuhlisa kulungiselelwa zonke iinkqubo zoshishino ukuguzula iimpazamo, ukuqinisekisa ngozinzio nogqibelelelo yaye kudingeka okokuba zizaliswe ngabalawuli beprojekti. Ithempleti nazo zaqulunqwa ngokutsha. Iithempleti netsheklisi zisayinwa ngotyikityo lwe-elektroniki ze zithunyelwe nge-imeyili ukulungiselela ukuba zivavanywe kusenzelwa ukwamkelwa kwazo. Ngaphezulu zonke iinkcukacha zongeniso lwamaxabiso zabanjwa ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano lwe-intanethi okokoko kubekho ugqathuko lwe lweCovid-19. Intsholongwane yekhorona inike iSebe imingeni engena kufaniswa nanto ekuqinisekiseni ingekuko kuphelo implilo yabasebenzi bayo kodwa ngokunjalo kukuqhubeka kokunikezelwa kwenkonzo.

Iyaziwa into yokokuba ulibaziseko kwintlawulo eya kubanikezeli ngenkonzo uneengxaki ezinkulu yaye yoyise ilinge lika-rhulumente lokuxhobisa oosomashishini abasakulayo yaye kungonzakalisa icandelo lamashishini amancinane. Ngaphezulu koku, ubhubhane weCovid-19 usenze samandundu isidingo sokuqinisekisa ngokuba ingakumbi kumashishini amancinane, ahlawulwa kwangethuba. Ngenxa yesi sizathu, ulawulo lwemali luya kuthi gqolo luqhuba isifezekiso sexesha lentlawulo esingaphantsi kweentsuku ezingama-30 ukuhlawulelwa kwempahla neenkonzo. Ngeenkqubo ezizizo nokubekwa kweliso okukhoyo, iintlawulo kubaxhamli ziqwalaselwa kwisithuba somndilili weentsuku ezingama-24 ukususela kumhla wokwamkelwa kwe-invoyisi ukuya kumhla wentlawulo eya kwi-akhawunti yebhanka yabaxhamli. Ulwawulo lwemali ludlala indima ebalulekileyo kwikomiti yolawulo yesebe exhasa igosa elinika ingxelo kunye namagosa aphezulu ekuzalisekiseni uxanduva lwawo lolawulo. Lo nyaka uzise inguqu engummangaliso, ukungaqiniseki, ukuba nokuqhelanisa nokungaphezulu, konke oku kungazange kube akuqatshelwanga ngamalungu ekomiti. Ezi nguqu zilushiye uninzi lungazinzanga yaye ngoko ulawulo lwemali ngenkxaso yekomiti lube nakho ukufumana usomlomo onobuchule uNksk Zanele Njapha. Unobuchule obubodwa kwimeko yenguqu ethe, ngokuthambekele kwezi meko, ngawo onke amalungu nempumelelo enkulu.

Enye impumelelo enkulu ibe yeyokusabela msinyane kwisidingo seenkqubo ezilungiselelwe ukumilisela kweeprojekti ezingundoqo. Ezi projekti bezixhabe ukuxhasa amashishini athe achaphazeleka ngqo yimpembeleko yobhubhane. Zonke ezi projekti zazintsha kwiSebe yaye zilungelelaniselwe isidingo esithile. Njengazo zonke iiprojekti ezintsha kunye neenkqubo iimfuno zolawulo zingundoqo. Kubekho iingongoma ezininzi eziphathelelene nenkcitho engalungelananga, ubuqhetseba bokusetyenziswa gwenxa kweengxowa-mali, kungoko kudingeka

okokuba zilungile yaye zimiliselwe ngexesha elifanelekileyo. Sibe nakho ukusebenzisana ngokufanelekileyo kwinani leeprojekti apho siqinisekise ngokuba amashishini axhasiwe njengoko bekuchetyiwe, iinkqubo zibe nokulawulwa kakuhle yaye kwenziwe oko ngethuba elilodwa lokuphendula.

Kwicandelo likarhulumente, imithetho wenza inxalenye yolawulo lwemihla mgemihla lalo naliphi na iSebe. ICandelo loLawulo-mali leSizwe, iCandelo loLawulo-mali lePhondo kunye namanye amaziko liya kukhupha umthetho ekufuneka uthotyelwe. Umthetho wolawulo lwemali usoloko ukho jikelele, yaye siqinisekisa ngomiliselelo olupheleleyo kule minyaka embalwa idlulileyo njengoko kungqinwa ziingxelo zophicotho-zincwadi olungenaziphene. Ngethuba lalo nyaka-mali, kubekho ukwanda okubonakalayo kumiliseko olusemthethweni oludinga izenzo emazeniwe ngoko nangoko. Sithe ngoko saqalisa ngokucokisa isizinda senkcukacha samanani ezisemthethweni ukuqinisekisa okokuba yonke ingcaciso iyalolongwa, ifikeleleka lula, yaye iinkqubo zimiliselwe zaze zachazwa kuye wonke umntu. Ukucokisiswa kwandlalwa kwikomiti yophicotho-zincwadi apho kwanconywa iSebe ngophuculo ze kwacetyiswa okokuba makwabelwane ngayo kunye namanye amaSebe.

Iqhinga lokuphelisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo

Ngethuba leCovid-19, inkonzo yenkxaso yolawulo lwemali iqalise ulwandiso kwiinkqubo ukulungiselela ukuqinisekisa ngokuqhubela kweenkonzo ezibanjwa ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano. Kwacingwa okokuba akunakwenzeka ukuqhutyutywa kovavanyo lolwaneliseko lomthengi ngesi sithuba siphakathi. Ukuqinisekisa ngokuba ekujoliswe kuko kuhlangatyeziwe ukuya phambili, uxanduva lokuvavanya ulwaneliseko lomthengi lwabelwe ummandla ngamnye osebenzayo kulawulo lwemali.

IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi usebenza ngokusendeleyo nophicotho-zincwadi lwangaphakathi ukuqinisekisa ngokuba izindululo ziyamiliselwa kwisithuba samaxesha amiselweyo. IYunithi yoLawulo lwaNgaphakathi, ngentsebenziswano nophicotho-zincwadi lwangaphakathi iqinisekisa ngokuba izicwangciso zokusebenza zithunyelwe rhoqo kuwo onke amagosa afanelekileyo yaye apho kuyimfuneko, lincede okanye likhokhele amagosa kumiliseko lwezindululo. Apho kungenakho ukwenzeka ukumiliselela izindululo okusekwe kwimiba yangaphandle, imihla echaziweyo yongeniso okanye yokwenziwa komsebenzi iyakuhlaziywa.

INkqutyana 1.3: IiNkonzo eziManyeneyo

Ukubekwa kweliso kumsebenzi weSebe
Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

ISebe lokuBekwa kweLiso kuMsebenzi								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufizekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Inkqubo esebenzayo yeM&E inikezela ngenkxaso yeqhinga kwiSebe	Imiphumela ibekwa iliso	1.8 Inani lemiphumela leengxelo zokubekwa kweliso elivelisiweyo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	1	1	-	-
	Inkqubo yolawulo lwezingeziyo imali	1.9 Inani leengxelo zokuqonsekiswa kweenkcukacha zamanani elivelisiweyo.	4	4	4	4	-	-
	Ulwakhiwo lwamakho no lweM&E luqhutyiwe	1.10 Inani leseshoni zeM&E zolwakhiwo lwamakho eziqhutyiweyo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	2	4	2	Umdla ovela kwiyunithi zamasebe zokubekwa kweliso kuthlekiso 'lweziphumo kunye nohambelwani' kwiiseshoni zolwakhiwe lwamakho wawuphezulu kunoko bekulindelwe yaye oku kutsolisa ibango lolwazi lokusebenza malunga nengqikelelo yeM&E engundoqo phakathi kwabalawuli besebe.

Izifezekiso zenkqutyana
Ukubekwa kweliso novavanyo
Njengomsebenzi osisigunyaziso solawulo lorhulumente, icandelo lokubekwa kweliso novavanyo (M&E)

likhokhelwa ziziphumo zalo elizinqwenelayo zeminyaka emihlanu zenkqubo ye M&E esebenzayo ukunikezela inkxaso yeqhinga kwisigqeba salo abalawuli kunye nabachaphazelekayo bangaphandle. Amacandelo angundoqo anikezelwa kuthelekiswa nokubandakanywa kolawulo lwengcaciso yokusebenza kokungeyiyo imali kweSebe kunye neenkqubo nokunikwa kwengxelo, uphuhliso longqalisela, uhlalelo lweenkcukacha zolwazi zokusebenza kweprojekti, iziphumo nomphumela weengxelo zokubekwa kweliso, ukwakhiwo kwekhono kwiingqkelelo zeM&E kunye neendlela zokusebeza kubasebenzi nokunikezelwa kwamanani okusebenza akhulayo kulungiselelwa iimvavanyo zeziko zeminyaka emihlanu zekota ephakathi neyokugqibela.

Ibango leeseshoni zolwakhiwo lwekhono lweM&E

Ulwakhiwo lwekhono lwabasebenzi bakarhulumente okokuba baziqonde yaye bazisebenzise iingqikelelo zeM&E kunye nezixhobo ngokuphathelele kulandelo lweziphumo zeeprojekti ngumphumela ongundoqo wesizwe (DPME, 2020). Kulo nyaka wokuqala wale minyaka ikhoyo emihlanu yamathuba zomjikelo wokunikezelwa kwenkonzo phakathi kwabasebenzi bangaphakathi umliselo lweprojekti lwabekwa phambili kunye nemixholo kubandakanywa unxulumano phakathi kokunikwa kwengxelo yeziko (QPR) kunye nokubekwa kweliso kwiiprojekti ezithile. Ibango langaphakathi elilungiselelwe iiseshoni ezinomxholo zikodlulele oko besikulindele yaye zibe nomphumela kwiziphumo zeeseshoni ezimbini ezicwangcisiweyo zolwakhiwo lwama khono ezifizekiswa nagphezulu kokulindelweyo. Ukususela kule misitho, iimfuno zeshishini elitsha zaqokelelwa yaye kwixa elizayo, iiseshoni ziya kuyilwa ze zisingathwe malunga neentlobo zokubekwa kweliso, inkqubo yengcingane yenguqu okanye uyilo lwengqiqo kunye neemvavanyo.

Iingxelo zeSebe zenkqubela phambili yeeprojekti zeCovid-19 eziya kwiDPME

Ngeemfuno zeDPME zamasebe karhulumente zokunikwa kwengxelo ngeeprojekti zengqiqo zeCovid-19 ezimilisweyo, iM&E yanikwa uxanduva lokulawula ungeniso lweengxelo zeSebe zarhoqo ngekota. Ngokupheleleyo, iEDAT ixhase iiprojekti eziyi-10 zeCOVID-19 (khangela kwitheyi bhile 4.8 kwiphepha 121). Amalinge afana novavanyo lempembelelo yeCovid-19 kushishino, ukubekwa kweliso kuhambelwano neCovid-19, ukuhlolwa kwezikhululo zenqwelo-moya, ushishino lolwamkelo lweendlela zedijithali kunye noshishino lweengxowa-mali zoncedo yeminye yemizekelo eeprojekti ezibonisweyo zeCovid-19 ezimilisweyo.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphambili kokulindelweyo
Akufanelekanga

Ukunxulunyaniswa komsebenzi kuhlalo lwabiwo- mali

Ngethuba lonyaka-mali wama-2020/21, iNkqubo 1: Ulawulo yabelwa imvulophu yezibonelelo zemali izigidi ezingama-R62, 774. Koku, izigidi ezingama-R43, 939 zabelwa kwimbuyekezo yabasebenzi, izigidi ezili-R11, 353 zasiwa kwiintlawulo zee-asethi ezinkulu. Ngesithuba sonyaka-mali, ama-99,89% ohlahlo lwabiwo-mali olwabiweyo achithwa. Umqhubi phambili wale nkqubo ibe yimbuyekezo yabasebenzi exabisa izigidi eziyokutsho kuma-R43, 926 kunye nempahla neenkonzo ezixabisa izigidi ezili-R11, 305. Ezinye iinkcitho eziqatshelwayo zabelwe kwiindleko zophicotho-zincwadi ezixabisa izigidi ezi-R2, 555 ngokunjalo nokuthengwa kweekhompyutha zesebe kunye nezixhobo eziphelelwe sisiqinisekiso (izigidi ezi-R5, 812).

Inkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezu lu /engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezulu /engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I-Ofisi yeHoD	11 387	11 387	9	8 853	7 464	1 389
ULawulo lweMali	37 450	37 413	37	35 832	34 829	1 003
Iinkonzo zamaqumrhu	13 907	13 887	20	14 792	14 621	171
Zizonke	62 744	62 678	66	59 477	56 914	2 563

42 INKQUBO 2: IINKONZO ZOPHULISO EZIHLANGENEYO ZOQOQOSHO

Injongo
Ukukhuthaza nokuxhasa ubume bemeko yokusebenza eyenza kube lula ukuyilwa kwamathuba okuhluma nemisebenzi.

Ukwakhiwa kwenkqubo

Inkqubo yakhiwe njengoku kulandelayo:

- Inkqutyana 2.1: Ukuphuhlisa kwaShishini**
Ukwenza igalelo ekudalweni kobume bemeko yezoshishino exhobisa amashishini amancinci kunye noosomashishini ukubabaphuhliseke yaye bahlume.
- Inkqutyana 2.2: Ukuphuhlisa koQoqosho lweNgingqi nolooMasipala**
Ukubonelela ngenkxaso ekuphuculweni kweenkonzo ezijongene noshishino lwasemakhaya efak' isandla ekudalweni kobume beemeko zoshishino koomasipala.
- Inkqutyana 2.3: Ukuxhotyiswa ngokwezoQoqosho**
Ukuququzelela inkqubo yokuxhotyiswa nokudalwa kobume bemeko yezoshishino ukwenzela abo babevinjwe amathubangaphambili (ii-PDI).
Le nkqutyana kuthethiwe ngayo kwinkqutyana 2.1.
- Inkqutyana 2.4: Ukuncitshiswa kweZithintelo**
Ukuphucula ubume bemeko yezoshishino ngokuniphisa uxanduva lwezolawulo kumashishini ngokuphuculwa kwemithetho, inkqubo nonxibelelwano.
- Inkqutyana 2.5: Ulawulo: Iinkonzo eziHlanganisiweyo zoPhuhliso lwezoQoqosho**
Ukuqhutywa kwenkxaso ukuphathwa nokulawulwa xa kukonke kwenkqubo.

Imiphumela yeziko
INKqubo 2 inikela kumphumela weziko olandelayo ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka soMsebenzi sowama-2020/21:

- UkuphuculwakoKwenziwa lula kokuqhutywa koShishino

INKqutyana 2.1: UPuhliso lweShishini

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

Inkqutyana 2.1: UPuhliso lweShishini								
Umphume la	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwanngcisiweyo 2020/21	Izifeze kiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwanngcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukuphuculwa kokwenziwa lula kokuqhutywa koshishino	Uncedo lwamashishini ngokukhuthazwa koshishino kunye/okanye amanganelo enkxaso yamashishini	2.1 INani lamashishini ancediweyo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	200	220	20	Ekujoliswe kuko konyaka kwahlangatyenzwa yaye kwafezekiswa ngaphezulu kokulindelweyo ngenxa yohlalo

								Iwabiwo-mali olwangezelelwey o olufunyenweyo.
--	--	--	--	--	--	--	--	--

Izifezekiso zenkqutya

Imisebenzi yeyunithi ichatshazelwe kakubi kakhulu yi-COVID-19 okubenomphumela wokuba uninzi lweprojekti zayo zimiswe ukuxhasa iiSMME ekuqhubeni iimpumelelo ezimbi zobhubhane. La mangenelelo ancede iyunithi okokuba isabele kubume bayo bokunikezelwa kwenkonzo kunye nenxaso, phakathi kwamanye amashishini abanini bawo ingamabhinqa, ulutsha kunye nabantu abakhubazekileyo. Amanganelo anikele kuzinzo lwamashishini axhasiweyo ngethuba lobhubhane weCovid-19.

ISebe liqhubeke ngenxaso yalo kwimibutho eli-17 ethe yabonelelwa kwiNgxowa-mali yeVuselelo lweSMME eqaliswe ngowama-2019. Ilinge laliyolise ekwandiseni nasekuhleleni iiprojekti namanganelo ajolise ekuphuhliseni iiSMME. Imibutho ethe yafumana inkxaso kwiNgxowa-mali yeVuselelo kweSMME ngokuhlangeneyo ixhase amashishini angama-397 kuyo yonke iNtshona Koloni. Uhlobo lwe nkxaso-mali noshishino. Ukuza kuthi ga ngalo mhla, imibutho emine (uMasipala waseCape Agulhas, i-Innovator Trust, SAEP kunye neTrue North) iqukumbele iiprojekti zayo. Iprojekti iqukumbele iindawo ezintsha zoshishino koomasipala owase-Cape Agulhas nowise-Lainsburg. Indawo yolushishino ngoku ilihaya kumashishini ali-10 athe ngaphambili kweli ngenelo, ebengafikeleli kwizakhiwo ezisesikweni zoshishino.

ISebe, ngentsebenziswano noPick 'n Pay, ubonelele ngoncedo lwemali kosomashishini ukuhlaziya nokulungisa izakhiwo ukulungiselela ukuyila iivenkile enikezela amava akumgangatho ophezulu wokuthenga kwilokishi. Ngo Agasti wama-2020 olu ngenelo lube nomphumela wokuvulwa kweNabe Market kunye neThambi's Market Store, zombini zikwaLanga. Ngesithuba sikaFebruwari 2021, iLuzukile Market yaqalisa eDelft. Ivenkile yesine, iWabo Market, yavulwa ngoMatshi 2021 eChicago ePaarl East kunye neevenkile ezine ngokuhlangeneyo ziyile imisebenzi engama-91.

Ngesithuba sowama-2020 ngokuqalisa kukabhubhane weCovid-19 kunye nokubhengezwa kwamva kokuvalwa ngci kwesizwe kwayo yonke into, uninzi lweSMME ingakumbi zachaphazeleka kakubi. La mashishini ancitshiselwe ingeniso yaye kwiimeko ezininzi kwalehleka imisebenzi. Ukusabela koku, iSebe liqalise ngeNgxowa-mali yalo yeNcedo lwenkxaso-mali kumashishini asesikweni nangekho sesikweni ngendlela yeminikelo ukubhangisa impembelelo yoqoqosho ebangelwe yi-Covid-19 kwii-SMME. Ingxowa-maliixhase amashishini angama-249 yaye ngokusetyenziswa kweli ngenelo kuzinziswe imisebenzi engama- 2 111. Utyalo-malo lulonke lube sisixa-mali esingama- R38 542 724.38, oluthe lwanceda lamashishini-ukumelana ngcono nemingeni enxulumene neCovid-19 kwimisebenzi yawo yaye asala ezinzile.

AmaBhaso eNgqwalasela oShishino lweNtshona Koloni (WCERA)anikezele ngeqonga ukunika ingqwalasela nokuxhasa oosomashishini bephondo abafaneleke kakhulu aabavuselelayo nabanekhono eliphezulu. Iprojekti enikezele nge-qonga okokuba amashishini afezekise ukuvunywa ngurhulumente nokuchanatywa (umz. Upapasho lweselula) nenxaso edingekayo yophuhliso lwashishini, kuboniswa ukugqwesa kweshishini, ukomelela kweshishini kunye nenguqu, nokuxhasa nokuvuselela inkcubeko yoshishino. IWCERA yowama- 2020 yamiselwa njengomsitho oqhutywa ngaxeshanye kumaqonga awahlukeneyo onxibelelwano ze yatsala umelo oluxabisa malunga ne-R1 158 000.00 oluthe lwabonelela ngqo abagqatswa abakwiqondo lokugqibela abali-12. Inkxaso yophuhliso loshishino inikezelwe kubagqatswa bokugqibela kubandakanywa, phakathi kwezinye izinto, ingcebiso yomthetho, uqeqesho nophuhliso lokufaneleka kokusebenza kwawo.

INkqubo yeCovid-19 yophuhliso loMnikeli wenkonzo inikezelo ngenkxaso kumashishini aphakathi namancinane awenza iimaski, iisanithayiza zezandla, iibhotile zokugalela (umz. libhotile ezisetyenziswa unyawo) kunye nalawo abonelela ngeenkonzo zokubulala iintsholongwane. ukwandisa ikhono lawo. Inkxaso-mali ixhase amashishini ngokuhambelana nenkonzo yokusebenza nokuthengwa kwezixhobo. Iprojekti amashishini amancinane naphakathi ali-11 akwiindawo ezichongwe njengoko zichongwe njengezo zinolwasuleleko oluphezulu lweCovid-19 kunye nakwilokishi. Iprojekti ibe nakho ukugcina imisebenzi engama- 71 phakathi kwamashishini ali-11.

Isebe lisebenzisene neProjekti yoVuselelo loQoqosho loluntu yeNtsebenziswano yoPhuhliso loQoqosho loluntu yeNtsebenziswano loPhuhliso loQoqosho (EDP) luthe laxhasa iivenkile ezizipaza zengingqi kuluntu oluse sichengeni kwimimandla onolwasuleleko olukwiqondo eliphezulu echatshazelwe ngobhubhane weCovid-19. Indlela yokwenza oku kukubonelela ngevawutsha zedigital ezulingiselelwe amakitshi oluntu, athe azihlawula iivawutsha kwiivenkile zabo ezizipaza zengingqi ukuvuselela nokuzinzisa uqoqosho lwengingqi. Ukuza thi ga ngoku iprojekti ixhase iivenkile ezizipaza ezili-122 kwimimandla enolwasuleleko apho amakhitshi angama-251 afumana iivawutsha ezingama -3203 kwiivenkile zabo ezichongiweyo ezizipaza.

INkqubo yokuKhawuleziswa kokuFukamisa iShishini inikele kwiArhente yoPhuhliso lwaMashishini amaNcinane (SEDA) ngenkxaso -mali ukuxhasa izifukamisi zeshishini ezihlanu esele zikho ngeendleko zokusebenza. Umfukamisi ngamnye oxhamlayo (ukuzinziswa kwamashishini amalunga nama-20 sisinye) ufumene umnikelo wenkxaso-mali osisigidi esi-R1 kulungiselelwa ukwandiswa unikele olukhoyo oluhlobo, phakathi kwezinye, loqoqosho nophuhliso, ukuthengwa kwezixhobo kunye/okanye ukulungiswa kwezakhiwo ezikhoyo. Inkqubo ichonge izifukamisi ezihlanu kulo lonke iphondo apho izifukamisi ezithathu zikumandla welokishi kubandakanywa iKraaifontein, iNyanga neThembalabantu. Eziseleyo ezimbini ziseVredenburg naseLakeside kwiKholeji zeTVET, kwiCentre for Interpreneurship. Iprojekti inikele kukusekwa kweelebhu zokukhowuda zeshishini, iziko lokukopa okukhawulezileyo, uyilo lwamaziko oqeqesho lokucinga, isetyudo soyito lwefenitshala nezikhawulezisi zamagumasholo.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

Inkqutyana 2.2: UPhuhliso loQoqosho loMmandla neNgingqi
Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

Inkqutyana 2.2: UPhuhliso loQoqosho loMmandla neNgingqi								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukuphuculwa kokwenziwa lulo kokuqhutywa koshishino	Amanganelo okwenziwa lula ukuqhutywa koshishino axhasiweyo	2.2 Inani lomsaisipala lamanganelo okwenziwa lula ukuqhutywa koshishino axhasiweyo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	6	6	-	-

Izifizekiso zenkqutyana
Kunyaka odlulileyo iSebe linikele kwebeliyolise kuko kumali-nge okwenza lula ukuqhutyiswa koshishino kwisithuba sikamasipala. Lenze ngolo hlobo ngokuqinisekisa ngento yokuba amalinge amiselweyo ayasalela kwimpumelelo yobhubhane weCovid-19, ekuthinteleni ukusasazeka kwentsholongwane kunye nepembelelo yayo embi kumsebenzi woqoqosho kubo kubo bonke oomasipala.

Amanganelelo kamasipala ayexhibe ukuvunguza uvuselelo loqoqosho nokuqalisa ukuchongwa kwendawo apho

isidingo sikhoyo ,ushishino lweNtshona Koloni kwanxityelwana nabo. Ngesibhengezo seSizwe sobume bentlekele ngomhla we-15 kuMatshi 2020 yaye kufutshane nje nokuvalwa ngci kwayo yonke into olube ngomhla wama-27 kuMatshi 2020 iSebe lichonge isidingo sokuqonda ngcono ethe impembelelo yeCovid yanayo kumashishini eNtshona Koloni nokumisela indlela urhulumente angaxhasa ngcono ngayo ushishino kulungiselelwa uvuselelo olucwangcisiweyo. Uvavanyo, oluphuhlise kwisithuba seentsuku zokuqala ezintlanu zesithuba sokuvalwa ngci kwayo yonke into, lufikelele kumashishini abo bonke ubukhulu kuye wonke umasipala ombaxa kunye nezithili. Kwisithuba seentsuku ezili-10 impendulo zigqithe ama-2000 ezivela kulo lonke iphondo lwaze lwavala uvavanyo lunabasabeleyo abangama-2 202 abathabathe inxaxheba. La mashishini abe yinxalenye yothungelwano oluthe lwafumana ingcaciso ngamalinge enkxaso yoshishino yeCovid-19.

ISebe liphuhlise yaye lanikezela ngezixhobo zokhuseleko lweshishini ezili-11 000 ukunceda iiSMME komasipala abangama-30 ukulungiselela ukuba baqhube besenza ngendlela ekhuselekileyo, izixhobo zokhuselo ezingama- 6 344 zanelwa kumasipala ombaxa ze ama-4 656 kuzo zozihlanu izithili. Ukuqaqambisa amashishini amancinane alalulwa ngamabhinqa angama- 2656, alawulwa lututsha angama- 854 kunye -60 alawulwa ngabakhubazekileyo afakwa kwirejista, axhamla kweli linde.

Isebe limilisele iNkqubo yekxaso yequmrhu loshishino elithe lanceda amaqumrhu oshishino engingqi amahlanu okokuba aqhubeke emilisele imisebenzi yawo ngethuba leCovid-19 lokuxhasa amashishini asesikweni nangekho sikweni, kulo lonke uluhlu olubanzi lwamacandelo. Inkxaso yanikezelwa kumaqumrhu oshishino asebenzayo kumasipala ombaxa nakuzo zonke izithili, ezithe ngokunjalo baxhasa amalungu esiseko seSMME eSME ezingama-6 396.

Ukwenza kube lula ukuqalisa kweshishini ukuba sendleleni eya kuvuselela, iSebe liqalise amangenelelo athi anike inkxaso koomasipala ukunceda amashishini engingqi okokuba aqhube asebenze. Iprojekti kamasipala yoququzelelo inikezele ngenkxaso kwisithili ngasinye kuphuhliso lwaso lwezicwangciso zovuselelo loqoqosho lwengingqi ezixhibe ukwakha ukomelela kweshishini nokuyila ithuba lemisebenzi. Ezi zicwangciso zaphuhliswa zaze zandlalwa ngempumelelo kunye norhulumente wesizwe njengoko kuchaziwe. ISebe liseke iilwimi zedijithali ze zawenza asebenza amaqumrhu oqoqosho ukuqinisekisa amaqonga alungiselelwe unxibelelwano, ulwabelwano lwengcaciso, inkxaso nesikhokhelo aqaliswa kummandla ngamnye. Ezi foram ziququzele imimandla echaphazeleke kakhulu yolawulo kunye nocwangciso oluqhubekayo.

ISebe liqinisekise ngkusabela kwimibuzo ekwinqanaba lengingqi evela kwimithombo eyahlukeneyo, efana nokunika inkcazelo kwiimpahla neenkonzo eziyimfuneko kushishino, iiyure zoshishino, uhambo kunye nentshukumo, ufikelelo kwinkonzo eyimfuneko nje. Linxibelelane neSAPS kunye nomasipala ukuqinisekisa ngento yokuba iimeko zenqanaba lengingqi (ezifana namaxesha oshishino) zivunyelwe kunye/okanye ziyaqondwa ngabasegunyeni abanoxanduva kunye nabanyanzeliso ngomthetho. Likinikezela ngokunjalo urhulumente wesizwe ngezizinda zeenkukacha zolwazi zomasipala wenqanaba lwengingqi zosomashishini abasesikweni kunye nevenkile ezizizipaza ezithi zixhase ulwabiwo lwevenkile ezithengisa impahla yokwakha kunye ne hoseyile ezamkelweyo okokuba zithathe inxaxheba kwiinkqubo zesizwe ukuxhasa amashishini abgekho sikweni kunye neSMME kwiingingqi. Le projekti ijolise ekuqiniseni imbonakalo yomasipala kurhulumente wesizwe nowephondo nokumiliselwa kwenkxaso ngokusetyenziswa kwendlela ehlangeneyo yesithili.

Okukugqibela, iSebe limilisele iprojekti ye-ikhosistim yenkxaso yeSMME kwinqanaba likamasipala ukuchonga, ukuseka nokuqinisa inkxaso kwiSMME ngabathabathi-nxaxheba nabachaphazelekayo kwizithili. Injongo yayikukuyila inkxaso enxulumeneyo, enesixokelelwano sexabiso elungiselelwe amashishini engingqi okokuba aqalise. Iprojekti yowama-2020 ibalula iinkozo zenkxaso zikamasipala nephondo elikhethiweyo ukuyila iprofayile kummandla ngamnye; ukugrumba ngaphezulu ukulungiselela ukuchonga nokusekwa kwamasebe esizwe kunye nee-arhente ezisebenzayo ngenkxaso kucwangcisiwe. Ii-ikhosistim zesithili ziphuhlisiwe ukukhusela intsebenziswano karhulumente necandelo langasese ukulungiselela ukwakha ubume obuncedayo, obuphuculiweyo nobulungiselelwe ushishino koomasipala .

INkqutyana 2.4: UkuNcitshiswa kweZithintelo

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INKqut yana 2.4: Ukuncitshiswa kweZithintelo								
Umphumela	Isiphumo	Umqgaliselawesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	EkujolilewukokoNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekisozizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujolilewukoko ucwan gci siweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukuphuculwa kokwenziwa lulo kokuqhutywa koshishino	Amangenelo okwenziwa lula ukuqhutywa koshishino axhasiweyo	2.3 INani lamangelelo okwenziwa lula kokuqhutywa koshishino axhasiweyo	15	7	6	6	-	-

Izifezekiso zenkqutyana

Ngesi thuba lobhubhane uqhubekeyo weCovid-19 inkqutyana izimase ngokutsha ukulungiselela ukujolisa ekulungiseni iimfuno zangoku zamashishini. Amashishini ophuhliso lobuntwana kwangethuba(ECD) achongwa njenge baluleke kakhulu kumashishini amancinane kuqoqosho lweNtshona Koloni yaye adlala indima ebalulekileyo nengena kubuyiswa, ingekuko kuphela kwintlalo nakwimfundo, kodwa ngokunjalo kubumelelwa bokokuba exhasa uyilo lwemisebenzi nokukhula. Amashishi eECD avelisa izibonelelo zoqoqosho ezibini (a) zokuyila nokuzenzisa imisebenzi, ngelithuba (b) inikezela ngenxaso kwabafuna ingqesho, abazali abahlelekileyo ababenokuthi mhlawumbi bayeke ithuba lengqesho elingakho ngenxa yoxanduva loku lolonga umntwana. Njenge Ndlela yokusabela, isebe liqalise ngeeprojekti ezimbini ukunceda icandelo. Okokuqala, iyunithi incede amashishini eECD angama -250 nezixhobo zePPE ezithi zincede amashishini ukuhlangabezana nemigangatho ephantsi yempilo nokhuselo eyandalwe kwimithetho yeCOVID-19 ngokuphathelelene nokuvulwa kakhona kwamashishini ekuthinteleni ukusasazeka nokusindiswa kwemiphefumlo. Inceda ngokunjalo bona ekubeni bavule kwakhona ze avumele abasebenzi okokuba babuyele emsebenzini emva kweenyanganga bengafumani mivuzo. Iyunithi inceda ngokunjalo amashishini eECD angama-48 okokuba ahlangabezane neemfuno zohambelelwano njengoko zidingwa liSebe Lophuhliso lwezintlalo, ekubeni abe ngabhaliswe ngokupheleleyo okanye ngoxhomekeko. Ezi projekti zincede nqo amashishini alawulwa ngamalungu asisichengeni kakhulu oluntu, abahinqileyo abantsundu.

Ubhuhpane weCOVID-19 uvelise imithetho emininzi kuMzantsi Afrika ngokukhawuleza njengoko ulwawulo lwentlekele lwamanqanaba olunyukiso lokuvalwa ngi kwayo yonke into luguquka. Iyuniathi kufuneka ukuba ikhawuleze iziqhelanise nomthetho ngamnye omtsha njengoko iphunyezwa njengoko abemi kunye nashishini eya kuqhagamshelana noMnxeba woNcedo weZithintelo zoShishino ufuna ingcaciso kunye nengcebiso ngezehl ezingama- 212 zemithetho ephathelene nenkcazazelo yomthetho eyayijongene neyunithi. Iyunithi iyile ngaphezulu iiQAEzininzi kwimithetho emininzi ngokunjanee neombono ezisemthethweni. Izeho eziphathelelene nemithetho zihamba phambili ngokuthambelekele kuhlobo lwazo nokubaluleka ngesha lentlekele. Ngaphezulu koku, iyunithi incede izehlo ezili- 1 338 ngomlinganiselo wezisombululo ongama-90%.

NgoMeyi wama-2020, iyunithi iqaphele ukwanda kwizehlo eziphathelelene nolibaziseko kwintlawulo yeSkimu seCovid-19 soncedo lwethutyana lomqeshwa (TERS) yiUIF. Iyunithi iqalise ngeprojekti ukunxibelelana ngqo ne UIF ukuququzelela intlawulo yezicelo zeUIF TERS ezenziwe ngabasebenzi kunye namashishini ezi bezijongene ngqo nabasebenzi kunye namashishini athe aqhagamshelana ne-Ofisi yoMphathiswa weze-Mali namaThuba oQoqosho, iHOD yophuhliso loqoqosho nokhenkethe, kunye neyunithi ecela uncedo ngamabango ayo eUIF TERS ngolupheleleyo, ezi zibonelelo zabonelelwe ukudambiso impembelelo yoqoqosho yentlekele yesizwe ngokunceda abaqeshi okokuba bahlawule abasebenzi babo ngethuba lokuvalwa kwamashishini abo. Iyunithi inxibelelene namagosa esizwe eUIF, iofisi yoMphathiswa weSizwe wezaBasebenzi kunye neKhomishina yeUIF ukuququzelela ukukhululwa kweentlawulo. Ngaphuzulu, iyunithi incede abasebenzi abangama-8576 kunye neenkampani ezili-180 yavelisa umndelele wentlawulo esisambuka esipheleleyo esingama-R43 866 240.

Ngenxa yokuvalwa ngci kwayo yonke into, ii-ofisi zeetayitile zibe nezithintelo ezininzi (okt ukusebenza ngokubolekisa, abasebenzi abangabuyiyo, ne-ofisi esoloko ivalwa nje ukuba kubekho urhano lwesifo seCOVID-19) ezikhokhelele kumsebenzi omninzi kakhulu osemva kubhaliso lwepropati. Ngokusoloko kuvalwa rhoqo kwee-ofisi zetayitile amakhulu eentengiselwano kunye namawaka abantu achaphazeleka. I RTRU yenze izindululo ezininzi kwi-ofisi yeetayitile ukuguzula umsebenzi osemva. Uncitshiso olukhulu olubonakalayo kumsebenzi osemva lwabonakala ukulandela amangenelo eRTRU.

Njengenxalenye yenjongo yokwenza kube lula ukuqhutywa koshishino, iRTRU ivavanye umgaqo-nkqubo wesikhululo esinye esisemdeni (OSBP), ze yenza izindululo kwi-DoHA esiya kunceda ekwakhiweni kwesakhiwo esiyimfuneko njengomqathango wenguqulelo esebenzayo nefanelekileyo kwi-OSBP, eya kuphucula imiqathango yoshishino nokuququzelela ukwenziwa lula kokuqhutywa koshishino kulungiselelwa abasebenzisi bezithutho zomgaqo, abantu abalungiselela impahla eziza kufakwa enqanaweni kunye nee-arhente zenkxaso.

I-RTRU iqhube amanye amangenelo ayo achaphazela ushishino lokwakha. Oku kubandakanya ulityaziso kukubhaliswa kwabakhi nokubhaliswa kweprojekti zokwakha. Iyunithi icebise ngeenkqubo zokwenziwa ngedijithali ukujongana noshishino kwiNHBRC njengoko iinkqubo ezenziwa ngesandla zixakile yaye zisethisa umoya. Ngaphezulu koku, iRTRU ngentsebenziswano neLifa leMveli leNtshona Koloni (HWC) liqalise kwiprojekti yokuchonga imingeni kumiliselo olusebenzayo nokulawulwa koMthetho weSizwe weZibonelelo zeLifa leMveli wama-25 we-1999 (NHRA) ukufuna uthantamiso phakathi kolondolozo lwezibonelelo zelifa lemveli kunye nophuhliso oluntunu-ntunu ngoko. Umphumela wale projekti kukunceda iHWC okokuba imilisele iNHRA ngeli thuba inciphisa umthwalo wayo wolawulo kunye neendleko ngokupheleleyo kumashishini akumacandelo achaphazelekileyo.

Amangenelo axhabe ukuphucula imisebenzi yePort of Cape Town okokuba iqhube. I-RTRU ixhase uphuhliso lwesixhobo senkxaso yezigqibo ukulungiselela, phakathi kwezinye izinto, ukunceda kukufaneleka kwempahla yezibuko kwicandelo yemveliso esandula ukuvunywa nokuxhasa ukwenziwa lula kokuqhutywa kokuphuculwa kweshishini eNtshona Koloni Ngokuthe ngqo ngaphezulu, isixhobo esiyiliweyo sinakho, phakathi kwezinye izinto, ukwandisa unikezelo lweziquhamo kulungiselelwa ukuthunyelwa kwamanye amazwe kwiKhonteyina ezinesikhekhezisi, since ukuhanjiswa kwabathumeli bempahla ukunciphisa ukudaleka kwengxinano kwixesha elimisiweyo kunye nengxinano yezithuthi ukulungiselela abachaphazelekayo abafana nabathumeli bempahla kwamanye amazwe babe nakho ukwenza izigqibo ezihlakaniphileyo zokokuba bathumele, ababambe kancinane okanye bawuhambise umthwalo ngenye indlela ukulungiselela ukuba semva exesheni

Ungenelo lwesibini kwisindululo sokuFaneleka kweZibuko, iZibuko 2, yaba kukuphuculwa

kokwenzeka ngexesha elinye kweeyure zomsebenzi kunye neenkqubo phakathi kwee-arhente kwizibuko lesixokelelwano sempahla yaye okokugqibela kukuphuculwa kwengxinano/kokuhamba kweetraki. Olu fundo luqulathe ingqiqo yengxinano yetraki kunye nonobangela, ukubalulwa kwesixokelelwano sempahla, ubuninzi beendleko zexesha lokulinda ze okokugqibela nophuculo olucetyiswayo ngoko olufunwayo ngokwakaloku nje ukuze lumiselwe. Amangenelo omabini, nangona ingenakuba ngumphumela, ahlanganiswe kwisiphumo seenkqutyana sokuxhasa ukwenziwa lula kokugqutywa koshishino kwiphondo. Ngaphezulu, ukulungiswa kweenjongo zeqhinga zeDEDAT ukukhawulezisa ukwenziwa lula koshishino (okuphambii 4) nokukhuliswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe (okuphambili 2).

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

- Ukunxulunyaniswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali**
- Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, isixa-mali sezigidi ezingama-R89.377 sabelwa kwinkqubo eyathi inkcitho yayo eyiyo yaxabisa izigidi engama-R89.355. Oku kuguqulelwa kwinkcitho engama-99.9% yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlahlelo loqoqosho lube:
- Kwimbuyekezo yabasebenzi olubalelwa kwizigidi ezili-R19.334 okanye ama-21.64% yenkcitho epheleleyo;
 - Kwimpahla neenkonzo olubalelwa kwizigidi ezi-R6.568 okanye isi-7.35% senkcitho epheleleyo;
 - Kukhutshelo nenkxaso-mali olubalelwa kwizigidi ezingama-R63.416 okanye ama-70.97% enkcitho epheleleyo; kunye
 - Kwintlawulo yenkcitho yee-asethi zemali olubalelwa kuma-R37 000 okanye 0.04% kwinkcitho epheleleyo.

Inkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezu lu /engaphant si	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezulu /engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Uphuhliso lweshishini	65 429	65 423	6	45 172	44 995	177
Uphuhliso loqoqosho lommandla nolwengingqi	11 261	11 251	10	10 983	10 979	4
Ukuncitshiswa kwezithintelo	12 687	12 681	6	10 885	10 297	588
Zizonke	89 377	89 355	22	67 040	66 271	769

43 INKQUBO 3: UPHUHLISO LORHWEBO NECANDELO
Injongo
Ukuvuselela ukuhluma kwezoqoqosho kumacandelo ekujoliswe kuwo ngokuphuhliswa koshishino, ukuphakamisa ezorhwebo notyalo-mali.

- Ukwakheka kwenkqubo**
- INkqubo yakhiwe njengoku kulandelayo:
- **Inkqutyana 3.1: Ukukhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali**

Ukubonelela ngezixhobo zoncedo kwiqumrhu likarhulumente elikhuthaza ukhenketho, urhwebo notyalo-mali ukuze likwazi ukufezekisa iinkonzo ngokwesigunyaziso elisinikiweyo, njengoko kuchaziwe kuMthetho we-Arhente yokuKhuthaza uTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996), (njengoko ulungisiweyo).

Inkqutyana 3.2: Ukuphuhlisa kweCandelo

Ukuvuselela ukukhulisa koqoqosho kunye namacandelo athengisayo ngokusetyenziswa kweenkqubo ezibambekayo, amanyathelo enkxaso kushishino nokumiliselwa kwezicwangciso namaqhinga aya kuthi abe nomphumela wokukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi ngokusetyenziswa kwemisebenzi yokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe neyokwandiswa kotyalo-mali kumacandelo abekwe phambili kuqoqosho lweNtshona Koloni.

Imiphumela yeziko

INkqubo 3 inikela kule miphumela yeziko ilandelayo ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2020/21:

- Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe
- Ixabiso lerandi lotyalo-mali elunyusiweyo

Inkqutyana 3.1: UkuKhuthazwa korhwebo notyalo-mali

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 3.1: UkuKhuthazwa koRhwebo noTyalo-mali								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandisiweyo	Ukukhuthazwa kolongamelo lorhwebo lweWesgro	3.1 INani leengxelo zolongamelo eziqulunqiweyo zokukhuthazwa kolongamelo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	4	4	-	-
Ixabiso lerandi lotyalo-mali elunyusiweyo	Ukukhuthazwa kolongamelo lorhwebo lweWesgro	3.2 INani leengxelo zolongamelo eziqulunqiweyo zokukhuthazwa kolongamelo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	4	4	-	-
Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandisiweyo	Ukukhuthazwa kolongamelo lorhwebo lweWesgro	3.1 INani leengxelo zolongamelo eziqulunqiweyo zokukhuthazwa kolongamelo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha				

Izifizekiso zenkqutyana

ISebe linikezele ngenkxaso-mali yokusebenza kwiWesgro kulungiselelwa injongo imisebenzi yokukhuthazwa korhwebo notyalo-mali kusetyenziswa isivumelwano sentlawulo ekhutshelweyo. ISebe lisebenzise indima yalo yokongamela kwiqumrhu ngeemvavanyo zezicwangciso

soshishihino seWesgro, ukushedyulwa kweentlanganiso zarhoqo ngenyanga zeprojekti phakathi kweDEDAT kunye neqela leWesgro kunye novavanyo lwarhoqo ngekota lokusebenza kweWesgro novavanyo lwenkcitho.

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, iWesgro ifezekise impembelelo eqikelelweyo yoqoqosho engaphezulu kwesigidi sezigidi ezi-R9.6 yaze yayila ngaphezulu kwama-2 500 emisebenzi. IWesgro izibophelele kwiiprojekti ezipheleleyo zotyalo-mali ezili-17 ezinexabiso lotyalo-mali elingaphezulu kwesigidi sezigidi ezi-R4.37, ezibe nomphumela woyilo lwemisebenzi eli-1 830. I Wesgro iqhubile ukugxila ekwakheni iiprojekti ezivuselelayo ezisendleleni, yaye yamkele indlela ejolisileyo eqhutywa ziinkcukacha zamanani kukhuthazo lotyalo-mali. Ngeze nzame zandisiwe zokuqhuba uthunyelo lwempahla kwihlabathi nokuququzelelwa kotyalo-mali lwangaphandle oluthe ngqo kwamanye amazwe (OFDI), iWesgro iqhube kakuhle ngeli thuba liphantsi kovavanyo. Isambuku sezivumelwano zoshishino zokukhuthazwa korhwebo ezingama-66 zasayinwa, ezibe nempembelelo eqikelelweyo yesigidi sezigidi ezi-R4.6, ezibe nomphumela wemisebenzi engama-357. Ngaphezulu, iiprojekti ezisixhenxe ze-OFDI zafunyanwa, ezilixabiso elizizigi ezingama-R727.75.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo

Ubhubhane weCOVID-19 uphazamise iimarike zehlabathi kanye nesixokelelwano sonikezelo sehlabathi. Ukungaqiniseki kube nempembelelo kwikhono leWesgro lokugcina izivumelwano zorhwebo. Amaqhinga asaphuhliswa okokuyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo ephathelelene nokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kunye notyalo-mali.

Inkqutyana 3.2: UPuhliso lweCandelo

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

Inkqutyana 3.2: UPuhliso lweCandelo								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifizekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufizekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe	Amalinge ophuhliso lweCandelo axhasiwe	3.3 iNani lamalinge eCandelo axhasiweyo	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	8	9	1	INkqubo yoPuhliso yeSixokelelwan o seXabiso seHalal yaqakunjelwa kwi-Q4 yaye ilinge elangezelelweyo laqakunjelwa yaye iYunithi yokuGuqulwa kweemveliso zoLimo ebe nomphumela The Halal Value Chain Development kokujoliswe kuko kunikezelo lwengxelo kwaba ngaphezulu kokulindelweyo ngesi-1

Izifizekiso zenkqutyana

Icandelo lokuguqulwa kwemveliso zoLimo

I COVID-19 kunye nemithetho yesizwe yokuvalwa ngci kwayo yonke into idale umngeni kukukhula nakupuhliso lweCandelo lokuguqulwa kwemveliso yolimo. Ngokuthambekele kuqhambuko lweCOVID-19 kunye nohlobo lokuphuhla okukhawulezileyo kobhubhane, iSebe libe nomdla ukuva ngqo kumaqela achaphazelekayo achatshazelweyo ukuze abe nokuyiqonda ngcono imbonakalo yokuphuhla. ISebe liqalise ngonxibelelwano kunye nabachaphazelekayo kushishino lokuguqulwa kwemveliso zoLimo njengoko liyiqonda indima ebalulekileyo edlalwa ngabachaphazelekayo ekunikezeleni kukukhula koqoqosho kunye nemisebenzi ngokunjalo nokuxabisa ulwabelwano ngengqiqo ngokusetyenziswa kothethwano.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, icandelo lokuguqulwa kwemveliso yolimo lijamelene noluhlu lweengxaki ezizodwa ezijongene ngqo neqhinga kunye nongenelo oludingekayo kulungiselelwa upuhliso lweCandelo. Nangona uninzi lwamacandelwana kwicandelo lokuguqulwa kokutya avunyelwa ukuba asebenze, icandelo lenkonzo yokutya avalwa inxalenye yenqanaba lesi-5 lokuvalwa ngci lwayo yonke into. Ushishino lotywala nalo ngokunjalo lavelelwa luconiso oluninzi olwenza kwanzima ukuzinzisa ushishino ngenxa yokuconiswa kotywala.

Nangona kukho imingeni ebekwe bubume bokusebenza, iSebe libe nakho ukuziqhelanisa nokusebenza kubume obungazinzanga nobuntsokothileyo ngenxa yemiba eziswa yiCOVID-19.

Nangona iYunithi ngokuGuqulwa kwemveliso yoLimo, iSebe lithethene namashishini amaninzi ukulungisa imibuzo, ukuhlela impembelelo yokuvalwa ngci kwayo yonke into nokumisela izidingo zamashishini neenkampani. Nangona iyantlukwano ivela phakathi kwamashishini neenkampani, onke aneqondo elahlukeneyo lemingeni ethi ithintele ukusebenza kwawo kwesiqhelo ukwangezelela kwimpembelelo embi edalwe kukuvalwa ngci kwayo yonke into yeCOVID-19. ISebe liqalise ngofundo kwicandelo lokuguqulwa kwemveliso zolimo ngasekupheleni konyaka-mali wama-2021/22. Injongo yale projekti yophando kukuphuhlisa isicwangciso secandelo esithe ngqo kukuguqulwa kwemveliso yolimo kwiNtshona Koloni kunye namangenelo enxaso angundoqo alungiselelwe ukuguqulwa kwemveliso yokutya, iziselo kunye nesixokelelwano sexabiso leemveliso zendalo. Ukusabela okumsinya kukuqhuba icandelo kwimpembelelo eqhubekayo yeCOVID-19 ukulungiselela amashishini kunye nesixokelelwano sethu sexabiso ukuba abe nakho ukuphila.

ISebe limilisele ngokunjalo iNkqubo yeSixokelelwano seXabiso yeHalal eyilelwe ukukhulisa amashishini okuguqulwa kwemveliso yolimo ingakumbi iimarike zomtyhi weHalal kusetyenziselwa amathuba esixokelelwano sexabiso esele sikho nesitsha. Inkqubo ijolise ekuncedeni amashishini ngokunikelwa kwemisebenzi efana (i) nokuqondwa okupheleleyo kweshishini, (ii) ukuhlahlelwa kobume bemali beshishini, (iii) ukuchongwa kwemingeni efunyenweyo, (iv) uphuhliso lweqhinga lomiliseliso, (v) ukumiliselwa kwamangenelo adingekayo ukulungisa imingeni, (vi) ukusekelwa nokufundiswa kunye (vii) uphuculo lwamashishini athabatha inxaxheba.

ISebe lithabathe inxaxheba ekuyileni izicwangciso eziphambili kwicandelo lokuguqulwa kwemveliso yolimo elibandakanya ulimo kunye nokuguqulwa kwemveliso yolimo elibandakanya ulimo kunye nokuguqulwa kwemveliso zolimo, iswekile, iinkukhu kunye nezicwangciso eziphambili zentsangu. Izicwangciso eziphambili ziyinxalenye yenkqubo ethi icinge ngokutsha yoshishino yamacandelo oqoqosho angundoqo ukukhulisa nokuphuhlisa uqoqosho loMzantsi Afrika. Ukuthi ga ngoku, isiCwangciso esiPhambili seSwekile, isiCwangciso esiphambili soLimo nesokuGuqulwa kwemveliso zoLimo kunye nesiCwangciso esiPhambili seNtsangu sele zikwinqanaba lokugqibela lokugqitywa ngamasebe orhulumente wesizwe.

ISebe linikele ngenkxaso kwiWesgro yokusingatha ukuqaliswa kweVeki yokuThunyelwa kweMpahla kwamanye amazwe yoLimo lwaseKapa ebanjwa ngobuxhaka-xhaka bonxibelelwano bekhompyutha. IVeki yokuThunyelwa kweMpahla kwamanye amazwe yoLimo lwaseKapa yaququzelelwa njengomboniso worhwebo okwi-intanethi, oxhibe ukukhuthaza unxibelelwano zokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe kwishishini zisiya kwelinye ishishini (B2B) nokubonisa amathuba kushishino lwezolimo nelokuguqulwa kwemveliso yolimo aphuma eNtshona Koloni. Umsitho ubandakanye amaholo emiboniso amanye, abathumeli bempahla kwamanye amazwe abangama-81 kunye namaqonga ebhunga amane okuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe, amele iWines of South Africa, Southern African Essential Oil Producers' Association, Cosmetic Export Council of South Africa, SA Fruit Vegetable Canners' Export Council, Fresh Produce Exporters' Forum kunye neSA Olive Industry Association.

Ukwenziwa kwempahla licandelo elibalulekileyo kuqoqosho kodwa lichatshazelwe kakubi yiCOVID-19 kwiHlabathi, kwisizwe nakwiqondo lephondo okube nomphumela kwizithintelo zorhwebo nokuphazanyiswa kwesixokelelwano sonikezelo ngokunjalo nokulahleka kwemisebenzi kwiinkampani ezininzi. IWC Manufacturing Forum yasekwa njengeqonga lokwabelana ngengcaciso nokuvelisa amathuba ukunceda nokuxhasa icandelo lokwenziwa kwempahla ngesi sithuba sinomgeni

nokungaqiniseki. Ucweyo lwarhoqo ngekota lwasingathwa ngentsebenziswano nabachaphazelekayo beqhinga abaphuma kuwo onke amacandelo karhulumente, amaqumrhu ecandelo, imibutho yoshishino kunye namanye amahlakani kula macandelwana alandelayo:

- i. Ukwenziwa kwempahla yaselwandle neenkonzelo ezinxulumene noko ezibandakanya isakhiwo nokulungiswa kweenqanawa, izikhephe;
- ii. Impahla, impahla elukiweyo, izihlangu kunye nofele;
- iii. Iintsimbi, ubunjini noshishino olunxulumene noko olubandakanya iimveliso zentsimbi ebunjiweyo, oomatshini neezixhobo, ushishino lweplastiki, izixhobo zothutho
- iv. Ifanitshala

Iyunithi yokwenziwa kwempahla iqhube iimvavanyo namaqumrhu ecandelo, imibutho yoshishino kunye neenkampani ngempembelelo yeCovid 19 kumacandelwana azo awahlukeneyo ukunceda ngokuchongwa nokumiliselwa kwamangenelo eqhinga ukulungisa le miba. ISebe liqalise ngeprojekti yophando yecandelo lokwenziwa kwempahla ukuphuhlisa isicwangciso-nkqubo seqhinga kunye namalinge enkxaso angundoqo ukunciphisa imingcipheko yesixokelelwano sexabiso nokuxhasa amathuba okukhula alungiselelwe amacandelwana achongiweyo ngokunjalo ubume obufanelekileyo bokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe notyalo mali..

Inkqubo yokusekwa kweforam ye-oyile negesi yaseMossel Bay, ngenjongo ngokubanzi yokuphuhlisa icandelo le-oyile negesi kulungiselelwa isibonelelo esifanayo kwabachaphazelekayo abafanelekileyo nokuvuselela ukukhula kooqoqosho kwisithili saseGarden Route, iyaqhubeka. IMOU ikumanqanaba ayo okugqibela yaye iya kusayinwa ngamaqela afanelekileyo kunyaka-mali omtsha. Le foram iya kusetyenziswa ekuphuhliseni nasekumiliseni amangenelo aya kuthi ancede ummandla okokuba ube nokufumana ngokoqoqosho kumathuba angakho kwicandelo le-oyile negesi, ingakumbi okufunyenwe kutshanje ngoTOTAL eLuiperd Paddavissie kwibloko 11B/12B.

ISebe liqhuba ilungu lekomiti kuBumbano lwaseLwandle eNtshona Koloni (WCMC) elithe labhaliswa ngoMatshi 2021 njengeNPO yaya liya, ngothelwano neNetherlands Consulate kunye namanye amalungu, kuqhuba amangenelo okukhulisa nokuphuhlisa ushishino lwaselwandle eKapa, eWest Coast nemimandla yeGarden Route.

Ezemali neenkonzelo zamashishini: Njengenxalenye yesicwangciso sovuselelo loqoqosho, iDEDAT, ngentsebenziswano neWesgro, imisele unxibelelwano nabachaphazelekayo abahlukeneyo kwiinkonzelo zemali noshishino, kushishino lwefilim, kwicandelo lolawulo lwepropati, ICT, BPO kunye namacandelo oqoqosho lwe-intanethi, ngoSeptemba no-Oktobha 2020. Olu nxibelelwano lujolise ekuchongeni imimandla yovuselelo loqoqosho nokukhula kwixa elizayo yaye kwixa elizayo kuya kusetyenziswa ukunikezela ngoPhando lweCandelo leeNkonzo kunye neProjekti yoHlahlelo lweSixokelelwano seXabiso eqala ekupheleni kowama 202/21.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali
Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, isixa-mali sezigidi ezingama-R69.951 sabelwa kwinkqubo eyathi inkcitho yayo eyiyo yaxabisa izigidi engama-R69.342. Oku kuguqulwa kwinkcitho engama-99.1% yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlahlelo loqoqosho lube njengoku kulandelayo:

- Kwimbuyekezo yabasebenzi olubalelwa kwizigidi ezisi- R8.537 okanye ama-12.11% yenkcitho ephela

- Kwimpahla neenkonzo olubalelwa kuma-R285 000 okanye 0.01% yenkitho epheleleyo
- Kukhutshelo nenxaso-mali olubalelwa kwizigidi ezingama-R60.520 okanye ama-87.27% enkitho epheleleyo

INkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezu lu /engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezulu /engaphantsi
Ukukhutha zwa korhwebo notyalo-mali	59 965	59 965	-	48 539	48 539	-
Uphuhliso lwecandelo	9 986	9 377	609	15 179	12 991	2 188
Zizonke	69 951	69 342	609	63 718	61 530	2 188

Injongo

Ukuqinisekisa ubume bemeko yezoshishino enobulungisa, ekhathalayo ngokwasentlalweni eNtshona Koloni – ngokusebenzisa iindlela eziqhelekileyo zongenelelo kwimeko yezorhwebho neendlela ezingqalileyo zongenelelo ezigunyaziswa nguMgaqo-siseko nemithetho kunye nemigaqo-nkqubo yesizwe neyephondo.

Ukwakheka kwenkqubo

Inkqubo yakhiwe ngolu hlobo lulandelayo:

Inkqutyana 4.1: Ukukhuselwa kwaBathengi

Ukuqulunqa, ukumilisela nokuphakamisa amanyathelo aqinisekisa amalungalo nezinto ezizezomdla zabo bonke abathengi.

Imiphumela yeziko

INKqubo 4 inikela kulo mphumela ulandelayo weziko ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2020/21:

- Ubume obuphuculweyo obufanelekileyo kokwenziwa koshishino kunye nabathengi abaziyo

Inkqutyana 4.1: UKhuseleko loMthengi

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

Inkqutyana 4.1: Ukukhuselwa koMthengi								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ubume obuphuculweyo obufanelekileyo kokwenziwa koshishino kunye nabathengi abaziyo	Amangenelo aqhutyiweyo emfundo yomthengi	4.1 INani lamangenelo aqhutyiweyo emfundo yomthengi	95	152	240	329	89	Inkonzo ikhokhelwa libango. Ukwanda kwebango lwemfundo yabathengi kunye nemfundo yemali ngenxa yeCOVID-19 edinga okokuba inkqubo iqhuba iiseshoni ezininzi.

Izikhhalazo ezisonjulul weyo kwisithuba seentshuku ezingama-90	4.2 Ipesenti yezikhhalazo ezisonjulul weyo kwisithuba seentshuku ezingama-90 (isambuku sezikhhalazo ezisonjulu lweyo kwisithuba seentsuku ezingama-90/ isambuku sezikhhalazo ezifunyenweyo)	Umgqalisela omtsha	Umgqalisela omtsha	75%	87%	12%	Ekujoliswe kuko kwedlulwa nge-12%. Ufezekiso olungaphezulu sisiboniso sokunyenysiswa kwemithetho nokuvulwa koqoqosho okuthe kwavumela amashishini okokuba aqwalasele izikhhalazo ezingeniswe kuwo. Unyenyiso lokuvalwa ngci kwayo yonke into kuvumele ngokunjalo i-OCP iqhube uhlolo kwizakhiwo kunye neenkqubo ze-ADR.
--	---	--------------------	--------------------	-----	-----	-----	---

Izifizekiso zenkqutyana

Ulungiso kumthengi

Unyaka mali ophantsi kovavanyo kubekho ukuqhubeka kwe -OCP ukulungiselela ukusebenza okubhekiselele kwiinjongo zayo zokuba ngugunyaziwe ochongekayo nothenjiweyo wokusombulula imbambano kulungiselelwa abathengi abakwiphondo. Amaqhinga kufuneka alungiswe ukulungiselela ukumelana nenguqu kubume bokusebenza obuziswe luqhambuko lobhubhane wentsholongwane ikhorona. Amaqhinga amiliselweyo ajolise ekubonelelweni kwabathengi/kwabemi ngenkonzo enobuntu ejolise ekuncedeni abathengi ekusombululeni iimbambano zabo. Ezi nkonzo zanikezelwa nangona kukho imingeni yobhubhane weCovid-19 ethe yaziswa yimithetho ethintelayo ethi ichaphazele uhambo nonxibelelwano lwabantu. Iinkonzo zibandakanya ukubonelelwa:

- Ngenombolo yomnxeba osimahla, idilesi ye-imeyile
- Inombolo yokucela ukutsalelwa umnxeba, inombolo ye-sms
- Inkonzo yedesika engaphambili kulungiselelwa abaxhamli abezayo bazingenele.
- Amaqonga onxibelelwano ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha kulungiselelwa ukusonjululwa kwembambano

Inkonzo ifumene izikhalazo ezininzi zabathengi ezirekhodwe kwi-ofisi kulungiselelwa imibuzo nophando. Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, izikhalazo ezili-1 428 zafunyanwa ze kwezi ezili-1 243 zasonjululwa kwisithuba seentsuku ezichaziweyo ezingama-90 zokubuyiswa kwempendulo. Oku kungama-87.04% kokujongiswe kuko okubekiweyo okungama-75%. Ukuhla kwinani lezikhalazo ezifunyenweyo zaze zasonjululwa xa kuthelekiswa nonyaka ongaphambili kubangelwe zizithintelo ezibekwe kukuhamba-hamba kwabantu zemithetho yolawulo lwentlekele. Inani lezikhalazo elifunyenweyo zaze zasonjululwa lihle ngaphezulu kwesiqingatha xa kuthelekiswa nesonyaka-mali odlulileyo. Ngokuhambelana nomlinganiselo wekusombulula, iyunithi ikudlulile ebijolise kuko, Kukho imiba emininzi encedisileyo kule nguqu enxulumene:

- Nokwanda kwinani labasebenzi kwiYunithi yoLawulo lweZikhalazo
- Nokwanda kukuvalwa kwamashishini ngenxa yobhubhane okube nomphumela wokuthunyelwa kwezikhalazo kubathengisi bempahla yeshishini elitshnileyo ukuhlawula ityala.

Ngethuba lonyaka ophantsi kwengqwalasela, iYunithi yoLawulo lweZikhalazo isebenze inamalungu abasebenzi abathandathu xa kuthelekiswa nabasebenzi abathathu bonyaka ongaphambili. Oku kukunyuka kwenani labasebenzi olungama-50%. Nangona kukho oku kunyuka kwenani labasebenzi, izikhalazo ezili-185 kufuneka okokuba zikhutshelwe kunyaka-mali olandelayo. Ukuvalwa nokutshona kwamashishini ngokunjalo nezithintelo kuhambo lwabantu, ezibangelwe kukuvalwa ngci kwayo yonke into okuchaphazelele izisombululo zezikhalazo.

Imfundo nolwazi lomthengi

Ekujoliswa kuko okwandlalwe iYunithi yeMfundo kuhlengatyeziwe yaye, kudluliwe. Kule meko, kufuneka iqatshelwe into yokokuba ekujoliswe kuko kumangenelo emfundo kusekwe ikakhulu kwizibonelelo ezikhoyo (abasebenzi nemali) kwiyunithi. Ngesithuba esiphantsi kovavanyo, isambuku samangenelo emfundo angama-329 aqhutywa kuthelekiswa nekujoliswe kuko kwama-240. La mangenelo aqulunqwa ngofundo lwezemali, ucweyo ngemithetho yomthengi, kunye nocweyo olujolise kwiiSMME. Amangenelo amathathu anikezelwa ngokusetyenziswa kwamaqonga awahlukeneyo afana namaqonga aqhutywa ngonxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha (uZoom, kunye neTeams) upapasho lweselula, kunye nolonomathotholo. Iyunithi kufuneka iziqhelanise yaye ekugqibeleni ibe yinkokheli ekuqaliseni la mangenelo kwilizwe.

Oku nangona iyunithi inamalungu ama-4 abasebenzi anoxanduva lwalo lonke iphondo ngokunjalo nesabelo esiphantsi kakhulu sohlahlo lwabiwo-mali. Rhoqo iyunithi isoloko ifumana izicelo ezingalungiselelwe kulungiselelwa iiseshoni kumaqonga onomathotholo ngesisa yaye bawamkele ngazo zozibini loo mathuba nokokuba anikezelwa emva kweeyure zokusebenza nangeempela vek. Ezi zicelo zandile njengoko ukuphelelwa ngabantu yimisebenzi kwandile yaye, kumaxesha amaninzi, amaziko email, kunye nabanamatyala abahlukeneyo avelise amanyathelo oncedo lwemali alungiselelwe abathengi bawo, yaye isicelo senkcazelo kwamanye ala manyathelo zanda. Iyunithi yazuza kwezi zicelo ukufezekisa ejolise kuko. Isigqibo senziwe sokokuba ngokwembono yabemi iyunithi iya kwamkela imethodi zonikezelo lwamangenelo emfundo yaye apho kunokwenzela ukubonana ubuso ngobuso kuqwalasela ngqongqo imithetho yolawulo lwentlekele. Ngeli thuba uqhambuko lwentsholongwane yekhorona lubangele imingeni nezithintelo kukuhamba kwabantu, ubudlelwane bokusebenza kunye nabanye abalawuli kunye nee-arhente zokhuselo lomthengi abuzange buchaphazeleke. Unxibelelwano kunye namalinge ahlangeneyo kunye nee-arhente lwaguqulelwa kumaqonga onxibelelwano lobuxhaka-xhaka bekhompyutha.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, isixa-mali sezigidi ezisi-R7.299 sabelwa kwinkqubo eyathi inkcitho yayo eyiyo yaxabisa izigidi ezisi-R7.248. Oku kuguqulelwa kwinkcitho engama-99.3% yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlalelo loqoqosho lube njengoku kulandelayo:

- Kwimbuyekezo yabasebenzi olubalelwa kwizigidi ezisi-R6.107 okanye ama-84.26% yenkcitho ephela
- Kwimpahla neenkonzo olubalelwa kwizigidi esi-R1.131 okanye 15.60% yenkcitho ephela

Inkqutwana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezu lu /engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezulu /engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukhuseleko loMthengi	7 299	7 248	51	9 223	9 058	165
Zizonke	7 299	7 248	51	9 223	9 058	165

45 INKQUBO 5: UCWANGCISO LOQOQOSHO

Injongo

Injongo yale Nkqubo kukuxhasa ubunkokheli bephondo ngokunceda ukukhula koqoqosho ngokuveliswa nokulungelelaniswa kophando loqoqosho nocwangciso yaye ngokusetyenziswa kwenkxaso esebenzayo yabaqhubi abangundoqo bomxholo woqoqosho kunye nabancedi abaya kuthi bavuselele ukukhul koqoqosho kulo lonke uqoqosho nakumacandelo oqoqosho.

Ukwakheka kwenkqubo

Inkqubo yakhiwe ngolu hlobo lulandelayo:

INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo noCwangciso loQoqosho

Ukuxhasa nokuphuhlisa imigaqo-nkqubo namaqhinga ephondo.

INkqutyana 5.2 UPhando noPhuhliso

Ukuqhuba uphando loqoqosho.

Qaphela: Imiphumela yeNkqutyana 5.1 kunye 5.2 ihlanganisiwe kwisiCwangciso soNyaka sokuSebenza yaye kuya kunikwa ingxelo ngolo hlobo kwiNgcxelo yoNyaka.

INkqutyana 5.3: ULawulo loLwazi

Ukuququzelela ulungelelwaniso kwe-ikhsosistim yoqoqosho nokuxhaswa koqoqosho.

INkqutyana: 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo

Imisebenzi yeNkqutyana 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo yabandakanywa kwiNkqutyana 5.2: UPhando noPhuhliso.

INkqutyana 5.5: Ukunceda ukuKhula kweSibonelelo namaLinge (aka amaLinge aphambili)

Ukuphuhlisa kunye/okanye ukuvuselela ubume obuncedayo boqoqosho ngokusetyenziswa kwamangenelo aphambili kunye nezibonelelo.

INkqutyana 5.6: IBroadband elungiselelwe uQoqosho (aka UQoqosho lweDijithali)

Ukuxhasa nokuvuselela usetyenziso, ukulungela nofikelelo lwetheknoloji yedijithali ngabemi kunye namashishini.

INkqutyana 5.7: UQoqosho oluLuhlaza

Ukuvuselela uphuhliso lwamashishini aluhlaza nokuququzelela ukufaneleka kwezibonelelo kunye nozinziso ukuphucula ukhuphiswano nokomelela loqoqosho olupheleleyo.

Imiphumela yeziko

INkqubo 5 inikela kwimiphumela elandelayo yeziko ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2020/21:

- Ukuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe okwandileyo
- Ukwanda kwixabiso lerandi yotyalo-mali
- Ukomelela kwezibonelelo zoqoqosho olupheleleyo

INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo woQoqosho

noCwangciso kunye

INkqutyana 5.2 UPhando noPhuhliso

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 5.1: UMgaqo-nkqubo woQoqosho noCwangciso								
INkqutyana 5.2 UPhando noPhuhliso								
Umphum ela	Isiphumo	Umgq lisela wesiph umo	Uphicotho- zincwadi komseben zi onguwo 2018/19	Uphicotho- zincwadi komseben zi onguwo 2019/20	Ekujolis we kuko koNyak a okucwa ngcisiw eyo 2020/21	Izifeze kiso ezizizo 2020/21	Iyantluk wano kokujolis we kuko okucwan gcisiwey o ukufezek isa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukw ano

Ukwanda kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe	Uphuhliso lweengxelo zophando loqoqosho kumgaqo-nkqubo nocwangciso reports developed	5.1 INani leengxelo zophando eziphuhlisiweyo	10	10	10	10	-	-
---	--	--	----	----	----	----	---	---

Izifizekiso zenkqutyana:

Ngowama 2020/21, iyunithi yophando nophuhliso idlale indima ebalulekileyo kuphuhliso lomgaqo-nkqubo woqoqosho wePhondo. Iyunithi ilawule yaze yaxhasa uphuhliso nomilisele lwemisebenzi ecwangcisiweyo ebe kukusabela kwangoko kwimpembelelo etshabalalisayo yoqoqosho yobhubhane weCovid-19. Oku kubandakanye ukuboniswa koqoqosho ukulungiselela ukuqonda impembelelo kuqoqosho kwiphondo nakumasipala yokuguqulwa kwemithetho enxulumeneyo ukuthintela iCovid-19.

Ngaphezulu, ukuze kube nokunceda iSebe lizefizekise iinjongo zalo zokuyila ubume obuncedayo kukukhula koqoqosho nokuyilwa kwemisebenzi, iyunithi yophando nophuhliso iphuhlise umxholo womsebenzi wesiCwangciso soVuselelo lweNtshona Koloni.

Iyunithi iqhubekile ngokunjalo ukudlala indima ekunikezeleni ngengqiqo engundoqo yoqoqosho ukuxhasa abaqulunqi bomgaqo-nkqubo kukuqondwa kwembonakalo yoqoqosho lwephondo oluthi gqolo ngokuguqu-guquka yaye luphembelela uphuhliso loqoqosho olukhulayo. Iindlela ezingundoqo zoqoqosho (ezizezi, imariki yabasebenzi, iGDP, ukunyuka nokuhla kwamaxabiso) zilandelwe ngokunjalo. Kwimeko yenkxaso kamasipala, iyunithi ivavanye ngokutsha izicwangciso zovuselelo loqoqosho lukamasipala ze yanikezela ngenkxaso yengqiqo yoqoqosho kubo bonke oomasipala abangama 30.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

INkqutyana 5.3: ULawulo loLwazi
Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 5.3: ULawulo loLwazi								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izifizekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufizekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	20	25	5	Ufizekiso olungaphezu lu lubekho ngenxa yesidinga ebesingalindlelekanga sothelelwano oluyiliweyo zintlekele kumacandel o oqoqosho lwentlalo oluyilwe ngubhubhane weCOVID-19 kwiHlabathi .

Izifizekiso zenkqutyana:

UThelelwano loPhuhliso loQoqosho lweNtshona Koloni (EDP) lunobuchule kwimisebenzi yothelwano elungiselelwe urhulumente wonke- intsebenziswano kumacandelo ahlukeneyo, nemida nalo lonke uluntu oluqhagamshela urhulumente, amashishini angasese, amashishini angenzi nzala, amacandelo oluntu nolwazi- ukulungiselela ukulungisa ingcaciso nokusilela kwemarike yothungelwano nokwakha intembeko, ukuqhubela phambili ingqiqo yoshishino nokuphunculwa kokhuphiswano.

Ukujongwana neCovid-19 kunye nesiphumo sayo kube nebango lokuziqhelanisa kwakhona okuvela kwi-EDP ukulungiselela ukusabela kuluntu lonke. I-EDP ngoko ihlaziye isicwangciso soshishino lwayo nokuqwalaselwa kwemixholo apho iya kunikela khona i-EDP impembelelo enkulu kunyaka-mali wama-2020/21 kujoliswe kwimimandla emithathu:

1. Ukunceda ukudambisa impembelelo ekhoyo ye-Covid 19
2. Ukunceda ukuseka nokugcina uzinzo kwiinkqubo zengingqi zoqoqosho
3. Ukuxhasa iinkqubo zovuselelo loqoqosho lommandla

Ekujoliswe kuko kweeprojekti ezingama-20 phakathi kwe-EDP namahlakani ayo kwafezekiswa ngempumelelo yaye kwakudlula ngesi-5 ngenxa yokwanda kwesidingo sezisombululo zothelwano ngethuba lobhubhane weCOVID. Okuqaqanjisiweyo okuphambili nezifizekiso zibe zezi:

Ulwakhiwo lwekhono noMasipala waseSaldanha apho iqela lolawulo lesigqeba lancedwa okokuba lisebenze ngokuhlangeneyo ngokubhekiselele ekusombululeni imiba ebanzi yentlalo neyoqoqosho, kubume bezithintelo ezibi zemali karhulumente, ngokuphucula iinkqubo zayo, inkcubeko nendlela yokuziphatha.

UMasipala weSithili saseGarden Route waxhaswa ngokubhekiselele kukusekwa **kweQhinga lommandla lokuKhula noPhuhliso** elibandakanya uvuselelo lokusabela kwiCOVID. I-EDP iyilelwe yaye iququzelelwe uluhlu lonxibelelwano kunye namacandelo karhulumente nawagasese, imibutho yoluntu namaziko emfundo, ukulungiselela ukuqinisekisa ngento yokuba iqhinga liya kubandakanya ingcebiso ezivela kuwo amacandelo oluntu yaye liya kufumana inkxaso kuluntu ngokubanzi ukulungiselela amalinge awo angundoqo.

I-EDP iqhubile ukunikela ixabiso **kwiinkqubo ezinxulumene namanzi** ikakhulu, ngokuhambelana nenani leenkqubo zeSixeko saseKapa ezibe nomphumela wentsebenziswano enkulu nolwamkelo kwiqhinga lamanzi eSixeko nokuqhubeka ukusebenza neBreede-Gouritz Catchment Management Agency kunye neSebe lePhondo leMicimbi yeNdalo noCwangciso loPhuhliso.

ISebe leSizwe lokuHlaliswa kwaBantu licele i-EDP okokuba liphuhlise isicwangciso sentsebenziswano **(Indlela eNtsha yeNtsebenziswano elungiselelwe ukumiliselwa kokuPhambili kokuHlaliswa kwaBantu)** kusenzelwa ukumiliselwa kokuphambili okukhoyo kokuhlaliswa kwabantu kwisizwe.

I-EDP iqhubile ukunikezela ngenkonzo exabisekileyo koomasipala boRhulumente weNtshona Koloi namaziko ekwakheni ubudlelwane bentsebenziswano phakathi kwamacandelo awahlukeneyo, uncedo oludingeka kakhulu ngethuba lobhubhane weCOVID-19. Impembelelo yeenkqubo ze-EDP kwinqanaba leqhinga, lixesha elide ngumgqalisela ongundoqo wempumelelo ye-EDP.


Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

INkqutyana 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo

Imisebenzi yeNkqutyana 5.4: UkuBekwa kweLiso noVavanyo yabandakanywa kwiNkqutyana 5.2: UPhando noPhuhliso.

INkqutyana 5.5: Ukunceda ukuKhula kweSibonelelo namaLinge (aka amaLinge aphambili)

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo



Umphum ela	Isiphumo	Umgqa lisela wesiph umo	Uphicotho- zincwadi komseben zi onguwo 2018/19	Uphicotho- zincwadi komseben zi onguwo 2019/20	Ekujolis we kuko koNyak a okucwa ngcisiw eyo 2020/21	Izifeze kiso ezizizo 2020/21	Iyantluk wano kokujolis we kuko okucwan gcisiwey o ukufezek isa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukw ano
Ukwandis wa kwexabiso lerandi lotyalo- mali	Iiprojekti eziphambili zezibonelelo ezixhasiwey o	5.3 INani leeprojekti eziphambili zezibonelelo ezixhasiwe	4	6	5	5	-	-

Izifezekiso zenkqutyana

Uyilo nenguqu

Ngowama-2020/21 kubekho indlela yokugxila yangaphakathi neyangaphandle: Inkxaso yangaphakathi: Ezi projekti zifuna ukuphucula ikhono lamaGosa eWCG ukulungiselela ukuxhasa nokuqhuba inguqu ngokuwanikezela ngolwazi oluthile oluwaxhobisayo okokuba aguquke kubume bawo. Iimbono ezisembindini kwiprojekti ziphantsi kwale ntsika ngethuba lonyaka-mali wama-2020/21.

Inkxaso yangaphandle: Ezi projekti ziiprojekti zentsebenziswano phakathi kweDEDAT kunye nabachaphezelekayo abangundoqo okokuba bafumane izisombululo kwimingeni efanayo yoqoqosho lwentlalo, kugxilwe apho kukho ubungqina yokokuba isisombululo esinjalo esinokwenzela kwimarike yaye sinakho ngoko ukuba nomphumela wokukhula koqoqosho emva kwentengiso. Iiprojekti ezithi zibe phantsi kwale ntsika ngethuba lonyaka-mali wama-2021 zezi:

- INgxowa-mali yeMbewu yoYilo neNguqu
- The Better Living Challenge
- Ukuqiniswa kwe-ikhosistim yenguqu eNtshona Koloni.

Imisebenzi engundoqo ethe yaqhutywa kunyaka-mali wama-2020/21 yile ilandelayo:

INGxowa-mali yeMbewu yoYilo neNguqu (DISF): I-DISF yasekwa ngasekupheleni kowama-2013 ngentsebenziswano phakathi kwe-Arhente yeNguqu yeTheknoloji kunye neDEDAT yaye ezama ukuxhasa ngemali inqanaba lokuqala lenguqu. Unyaka-mali ube nendibaniselwano yenkxaso-mali ye-R3 498 258.00 ifumaneka njengenkxaso-mali yomnikelo ukuxhasa ngemali amanqanaba okuqala amahlanu kwimimandla yezempilo kunye nokuphithikezwa kwamayeza okunxulumene neetheknoloji, izisombululo zokwenziwa kwempahla kunye neetheknoloji zedijithali.

Umngeni wokuPhila ngcono (BLC): I-BLC iyilelwe ukuvelisa izisombululo zenguqu yengingqi kwimingeni ecinezelayo nezingisayo yoqoqoso lwentlalo, ngokusebenzisa iimveliso ezivuselela inguqu, iinkonzo neenkqubo ezithi ziqalise utshintsho ze zizise impilo-ntle engcono. Ngesithuba sonyaka-mali, ufukamiso lonxibelelwano olwenziwa ngobuxhaka-xhaka bekhompyutha laphuhlisa uyilo nolwakhiwo lwamakhono olwathi lwabanjwa oluncede abanikezeli benkonzo abasixhenxe boyilo lokwakha, ngokusetyenziswa kophuhliso lwamakhono, inkxaso kunye nofundiso loshishino, ukwandisa ikhono labo lokufumana ingeniso, bakhulise imisebenzi kunye nokunikela iimveliso eziphuculweyo kunye neenkonzo kwimarike. Ngaphezulu, ukuvela koyilo nolwakhiwo lwenzeka kuMasipala waseTheewaterskloof nakuMasipala waseSwartland ukubonisa kubakhi bamatyotyombe kunye noluntu lwengingqi, uyilo olutsha olulungiselelwe ukuhlaziywa kunye neenguqu ezikhokhelela kwizakhiwo eziphuculweyo. Ukwangezelela kufukamiso lophuhliso lwamakhono nezizivelelayo,

izixhobo sele ziqunjelwe ukunceda iikontilaka ezincinane zokwakha ngolakiwo lamatyotyombe enziwe ngamaziko kunye namaplanga. Ikiti yezixhobo iqulathe ingcaciso ebonisa indlela yokusebenza elungileyo yaye inika ingqwalasela kwindlela amatyotyombe akhiwa ngayo emhlabeni.

Ukuqiniswa kwenguqu ye-ikhosistim eNtshona Koloni: Ngokusekwe kwingqiqo yokuqulathwe kwiinguqu yee-ikhosistim, yaye yintoni ebangela ukuba ibe nempumelelo, iDEDAT ichonge isidingo sokuphuhlisa isicwangciso-nkqubo senguqu secandelo langasese ukunceda nokuxhasa inguqu yendlo langasese. Esi sicwangciso-nkqubo sizama ukunikezela ngesakhelo nesikhokhelo seWCG:

- Sokujolisa, sokulawula nokulungelelanisa iinzame zenguqu
- Sokukhuthaza intsebenziswano phakathi kwabasebenzi be-ikhosistim
- Sokwandisa imiphumela yenguqu
- Sokuhlanganisa kunye i-ikhosistim ngohambelwano kulungiselelwa isibonelelo somntu wonke.

Isicwangciso-nkqubo siyiliwe yaye unxibelelwano luza kuqhutywa nabachaphazelekayo ukuqinisekisa ngento yokuba sibonisa imiphumela elungileyo elungiselelwe bonke abachaphazelekayo.

ICape Health Technology Nexus

I Cape Health Technology Nexus (CHTN) izamela ukuba luthungelwano lwamaziko engungqu ekumgangatho wehlabathi zamayeza, zeenkono zonyango, zebhayotheknoloji, zempilo yedijithali, kunye namashishini amayeza emvelo athi abe nomphumela kwindawo yolwabelwano kunye notyalo-mali nge-ikhosistim yemizi mveliso yenguqu, amaziko emfundo, imibutho yenkxaso yenguqu karhulumente kumaziko akhelwe injongo. Kuyaqikelelwa okokuba uyhungelwano luya kuxhaswa sisizinda esesembindini setheknoloji yempilo okokuba sibe kummandla wasePinelands sibe neBiovac njengomqeshi oyi-ankile.

IBiovac idinga ngokukhawuleza ukwanda ukulungiselela ukwanda kwayo okucwangcisiweyo kuveliso lwamayeza ogonyo, ingakumbi, kodwa kungaphelelanga apho, amayeza ogonyo lweCOVID-19. Omnye wonikelo ongundoqo kunyaka-mali wama-2020/21 ibe ngoko kukunceda iBiovac okokuba ifikelele kwipropati efanelekileyo enokuthi ibe nakho ukwandiswa. Iyunithi yobumbano lweKapa ixhase iBiovac kunye neSixeko saseKapa (CoCT) ukufumana isisombululo seBhunga esithi sinikezele ngokubanzi isivumelwano sokusetyenziswa kwendawo ye 'Diesel Road' elungiselelwe iCHTN kunye neBiovac.

IZiko leNgqungquthela yeHlabathi laseKapa (CTICC)

Ubhubhane weCOVID-19 uchaphazele kakubi iintlanganiso, iinkuthazo, iinkomfa kunye necandelo lemiboniso yaye iCTICC ayizange isinde. Oku kubangele iSixeko saseKapa, njengenezabelo ezininzi kwiConvenco, sivumela ukuthabatha iklasi eyodwa yezabelo eziqhelekileyo zeCTICC, enelungelo lokuzithenga kwakhona kubuye nezabelo, ezixabisa ukuya kutsho kwizigidi ezingama-R200 ukudambisa impembelelo yeCOVID-19 kwimisebenzi engundoqo yoshishino lweCTICC.

Kunyaka-mali wama-2020/21, iDEDAT ngoko iququzelele ulwamkelo lweKhabhinethi, yiWCG njengenezabelo ezimbalwa, kulungiselelwa izilungiso ekufuneka zenziwe kwi-MOI yeConvenco, ukunceda iSixeko saseKapa ukuba senze utyalo-mali olungaphezulu kwinkampani.

INkampani yeZibonelelo zoPhuhliso lweQhinga loQoqosho (SEDIC)

I-SEDIC ixhabe ngokulawula iiprojekti zezibonelelo zophuhliso loqoqosho lwephondo lweNtshona Koloni ngokugxila okukodwa okuvela kwinqanaba lokufaneleka kophuhliso lweprojekti. Ngoko, kuqikelelwa into yokokuba iSEDIC iya kuthabatha inxaxheba kwamanye amanqanaba ophuhliso lweprojekti ngentsebenziswano neDEDAT. Kunyaka-mali wama-2020/21 kumiliselwe okokuba ukusekwa kwenkampani

yezibonelelo yeWCG kuya kuqhutywa liCandelo loLawulo-mali, inkqubo okuya kwakhiwa phezu kwayo nokwanda komsebenzi owenziweyo weSEDIC ukuza kuthi ga ngoku.

UMmandla woPhuhliso loShishino weSaldanha Bay (SBIDZ)

Ngokufika kweCOVID-19 nokulandela kamva kokuvalwa ngci kwayo yonke into, unyaka wama-2020/21 ibe ngunyaka onemingeni kwiSBIDZ, kodwa nangona le mingeni, iziko libe nakho ukuhlala lomelele yaye lijolise kwinjongo yawo yokuyila amathuba kulungiselelwa uyilo lwemisebenzi nokukhula koqoqosho.

Ngethuba lonyaka-mali lowama-2020/21, i-SBIDZ iqukumbele ulwakhiwo lwesakhiwo i-Access Complex, iziko elikumgangatho ophezulu lee-ofisi zoshishino, ngokunjalo nokuvula iingcango zaso ukubonisa iziko lomqeshi lokuqala. Ukuhlalwa okupheleleyo ngabaqeshi kummandla kungama-35% kwiprojekti yokuqheshiswa kweziko kunye ne-Access Complex, ngokusayinwa kwengqeshiso yethuba elide neyethuba elifutshane. Umtyali-mali ngamnye kwaba utsalelwe kwiziko bubume obutsala umdla boshishino obunxulunyaniswe newonga leSBIDZ. I-SBIDZ yanikwa iwonga lokuzimela ngowama-2019 yaye yenye yabahluli bokongezelelwa kwexabiso abangundoqo bommandla yaye okubalulekileyo kumacandelo aselwandle nombane ethi ithabathe inxaxheba kulo.

Ngokusetyenziswa kweenkqubo zenguqu zoqoqosho lwentlalo zeSBIDZ iziko liququzelele uyilo lwemisebenzi engama-2 000 kwisizwe yaye lixhase icandelo leSMME zaseSaldanha Bay ngokusekwa kweziko layo i-Co-Lab ngoMatshi 2020. Liziko apho iiSMME zengingqi zinofikelelo kwiWi-Fi esimahla, iidesika zomnxeba okhawulezileyo, ushicilelo, kunye nezibonelelo zentlanganiso, ngokunjalo neqonga lothungelwano. Oku kubonelele ngoncedo lolwamkelo kwiiSMME ngethuba leCOVID-19, ngokuba liziko kuphela kummandla elinikezela ngofikelelo kwiinkonzo ezinxulumene neTERS, elinotyelelo oluli-1 500 lweSMME kwi-Co-Lab ukuza kuthi ga ngoku.

I-SBIDZ lihlale lizibophelela kwinguqu yeSaldanha Bay ekuzameni ukwakha isixeko kuqoqosho waselwandle nombane, kuyilwa indyabo kunye nengeniso elungiselelwe abantu abatyala imali, bahlale ze basebenze khona.

UMmandla woQoqosho oluLodwa lwase-Atlantis

Ngowama-2020/21, iNkampani yoMmandla woQoqosho oluLodwa wase-Atlantis Special (ASEZ Co) iqhubile ukuqhuba imicimbi yeziko ecaleni kwenkqubo zomiliselo kuluntu ngenkxaso ye-ASEZ. Isicelo sayo esiya kucwangciswa njengeshishini loShishino lorhulumente wephondo sangeniswa kwiCandelo loLawulo-mali leSizwe ngo-Agasti 2020. Ngoko, ekupheleni konyaka-mali, iCandelo loLawulo-mali alikathathi sigqibo ngokubhaliswa kwexabiso. Lo mba ubaluleke kakhulu kwi-ASEZ, njengoko ukungabhaliswa kuneengxaki ezimbi zokusebenza kwi-ASEZ Co kunye nempembelelo embi kwikhono le-ASEZ lokufumana abatyali' imali abatsha.

Ngesithuba sonyaka ophantsi kovavanyo, i-ASEZ Co ifumene ngempumelelo umhlaba apho i-ASEZ iphuhliswa ukususela kwiSixeko saseKapa. Intengiselwano yaqaliswa ngenjongo zlokuqokumbela uthelelwano phakathi kwephondo neSixeko ekuqhubeleni phambili iprojekti ye-ASEZ, kunye nembono yokumisela ulawulo lwepropati nokuvumela i-ASEZ Co okokuba iqhube ngokufuna abatyali-mali kummandla. Intengiselwano yavunywa yiKhabhinethi yeNtshona Koloni (njengoko ngokwakalokunje ikukuphela kwayo enezabelo kwi-ASEZ Co) kunye neBhunga elipheleleyo leSixeko saseKapa ngoDisemba 2020. Ivunyiwe ngokunjalo into yokokuba i-ASEZ Co inakho ukufikelela kumhlaba ukulungiselela ukuqalisa ukwakha kulungiselelwa abatyali –mali ngaphambi kokuba umhlaba ukhutshelwe kwi-ASEZ Co kwi-Ofisi yeTayitile. Izabelo kwi-ASEZ Co ziya kukhutshelwa iSixeko xa umhlaba ukhutshelwe kwi-ASEZ Co – okulindeleke ukuba kuqhutywe ekupheleni kowama-2021/22,

ngaphandle kokuba iinkqubo ezininzi eziqhutywa nguMcandi Jikelele kunye ne-Ofisi yeTayitile ziqhutywa kakuhle. Ixabiso lotshintshiselwano lomhlaba kule ntengiselwano yenguqu nekungekho mali eme ngokwakaloku nje kuma-R59 325 000.

Iqela le-ASEZ lisebenza ngokusondeleyo neSixeko ngokuphathelelene nezicelo zophuhliso, yaye nangona abatyali-mali abalindelweyo be-ASEZ abathabatha inxaxheba kwinkqubo yesizwe yokuthengwa kombane kurhoxise inkqubo yalo yokuthabatha inxaxheba, umsebenzi wolungiselelo owenziweyo kunye nabatyali-mali unikezele ngokuba iqela lenkxaso yomtyali-mali kunye noyilo olulungiselelwe inkqubo yophuhliso lokwenziwa kwesicelo kunye nendima emayidlalwe yi-ASEZ.

Utyalo-mali olulindelweyo lwe-ASEZ lusele lomelele ngowama-2020/21, nangona kukho impembelelo yobhubhane weCOVID-19 kukuzithemba komtyali-mali nokulindelweyo kushishino. Oku kubangelwa mhlawumbi luqoqosho oluluhlaza luqwalaselwe njengomnye wabaqhubi abanekhono kuvuselelo loqoqosho emva kweCOVID. Umqondiso olungileyo ophathelelene nokuqaliswa kwenkqubo yombane ohlaziye (i-REIPPPP) iya kuxhasa umdla womtyali-mali, nangona kubekho – emva kobhengezo ngoMatshi 2021 somjikelo olandelayo weREIPPPP – ukungaqiniseki kwimarike ngokuphathelelene nenjongo karhulumente yokuqhubeka nenkqubo yombane ohlaziye.

Iqela lophuhliso loshishino le-ASEZ linxibelelane noluhlu lwabatyali-mali, oluthe ngonyaka-mali wama-2020/21 lwabandakanya

- Umenzi wabalandeli beSolar PV kunye nezixolelwano zokuxhoma apho zixhathisa khona umzi-mveiso ukhangela ihlakani lengingqi, apho i-ASEZ Co encedisana nayo, kunye neSixeko saseKapa
- Abatyali-mali abathathu abaxhibe ukufaka amaxabiso kwinkqubo ekhawulezileyo yegesi ye-IPP (olu tyalo-mali aluzange lufezekiswe kuba abafaki bamaxabiso barhoxa kwinkqubo yokuthenga ka-Eskom)
- UMenzi Incam ezibanzi ezijikeleza ngomoya
- Inkampani exhibe ukumisela umzi-mveliso wokwenziwa kwe-microalgae biomass
- Inkampani exhibe ukwenza isilikhoni kulungiselelwa iipaneli zefotovoltheki
- Umenzi wemathiriyeli yolwakhiwo lwegreentech

Ukwandlalwa kwesithuba nofundo oluhlanganisiweyo (olubandakanya uPhando olongezelelweyo lwejiyotheknikhali, uvavanyo lwempembelelo yezithuthi kunye novavanyo kwezifundo zobuchule) kwaqunyelwa kunyaka-mali, kunye nemiqondiso ecacileyo yendlela enganakho ukuhlanganiswa i-ASEZ ngayo kunye nommandla woshishino wase-Atlantis ngokunjalo noluntu ngokubanzi. Ngaphezulu, izicelo zenkxaso-mali yezibonelelo sele zilungele ukuba zingeniswe nje ukuba i-ASEZ Co ibe ibhalisiwe ngokwemiqathango ye PFMA, de ibhalisiwe i-ASEZ Co ayinakufikelela kwinkxaso-mali yezibonelelo evela kwiNgxowa-mali yeSez.

Amakhono angundoqo neenkqubo zophuhliso lweshishini amiliselweyo ibe:

- Uqeqesho lolawulo lwamanzi nenkukuma luqalisile kwi-Q3 abangeni kule nkqubo yenyanga ezintandathu, eqinisekisiweyo.
- Uqeqesho lwamagcisa ophuhliso lobuntwana kwangethuba luqalise nge-Q3 (abathathi- nxaxheba abangama-20)
- Inkqubo yoqeqesho yabancedi be-IT exhasa abafundi abangama-30 ejolise ekuphuculeni usetyenziso lweelebhu zekhompyutha zesikolo e-Atlantis.
- Isifundo soncedo locweyo lombane ohlaziye seveki ezisibhozo (abaxhamli abangama-30)
- I-ASEZ yamkelwe kulungiselelwa umnikelo weMERSETA wezigidi ezi-R2 wophuhliso lwamakhono.
- Unxibelelwano loshishino lwabaxhamli abali-15 luqalise ngoMatshi 2021 (lunikezelwa ngokuhlangeneyo neSixeko saseKapa)
- I-ASEZ Co ibe nakho ukumisela umsebenzi wesiseko ukulungiselela inkqubo yophuhliso lomnikezeli ngenkonzo, kunye neenkampani ezichongiweyo zale nkqubo yenyanga ezi-6 eyenziwe yakho yi-

ASEZ simahla

Ukuqaliswa kwenkqubo yophuhliso lwamakhono kwaphazanyiswa kakhulu zizithintelo zeCovid-19. Ngaphandle kwezithintelo zokuvalwa ngci kwayo yonke into yokuqala, iqela lifumanise oku kunika kumka umngeni ngakumbi ekufumaneni iindawo ezinkulu ngokwaneleyo kulungiselelwa isithuba ekufuneka sishiywe phakathi komntu nomnye ekufuneka kwenziwe.

Iqela le-ASEZ Co linxibelelene rhoqo ngokunjalo nothungelwano lwabachaphazelekayo boluntu lwe-ASEZ, iCandelo leBhunga lase-Atlantis kunye nezinye iiforam zoluntu, nangona kwicandelo lokuqala lonyaka-mali, olu nxibelelwano bezithintelwe ngenxa yeCovid-19. Ngesithuba sesiqingatha sokuqala sonyaka-mali, i-ASEZ Co incede ngokukhutshwa kwe-PPE kwimibutho yoluntu yase-Atlantis kulungiselelwa iBearfish, ebandakanya ukuhlolwa kwezitya zokutya zoluntu ukuphucula ukhuseleko lokutya. Iprojekti yancedwa ukuba ibekho sisipho esenziwa liSebe lezoThutho neMisebenzi kaRhulumente.

Iinkqubo zophuhliso lwamakhono neshishini ezinikezelwa yi-ASEZ ezibandakanya abantu abatsha ziqalela kuqeqesho lwamagcisa ophuhliso lobuntwana kwangethuba (ECD) ukuya kwiinkqubo ezilungiselelwe abafundi bezikolo eziphakamileyo nabathe bashiya isikolo phakathi. Kubume be-ECD, uqeqesho lunikezelwa kumabhinqa; oku, ngokunjalo kubonelela abafundi be-ECD kuba ootitshala babo baxhotyiswe ngcono ukuxhasa uphuhliso lwabo. Uqeqesho labashiye isikolo phakathi lukho kumabhinqa nakumadoda; inani elipheleleyo elingama-68 labathabathe inxaxheba ibe ngamabhinqa.

Abathathi-nxaxheba kuphuhliso lweshishini namalinge oxhotyiso oluntu abandakanya abaxhamli abangamadoda namabhinqa, ngokunjalo nabantu abakhubazekileyo.


Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

INkqutyana 5.6: IBroadband elungiselelwe uQoqosho (aka UQoqosho lweDijithali)

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 5.6: IBroadband elungiselelwe uQoqosho								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwangcisiweyo 2020/21	Izizezo kiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo ukufizekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukwandiswa kwexabiso lerandi lotyalo-mali	Iprojekti zoqoqosho lwedijithali ezixhasiweyo	5.4 INani leprojekti zoqoqosho lwedijithali ezixhasiweyo	8	7	7	8	1	#GoDigitalWC yinkqubo eqalwengaseku pheleni kukaMatshi 2020 nasekuqaleni ku-Epreli 2020 njengokusabela kweyuniithi yoqoqosho yedijithali kwiCOVID-19. Oku kwaqunjelwa njengesongezel

								elo kwiiprojekti zeAPP.
--	--	--	--	--	--	--	--	----------------------------



Izifizekiso zenkqutyana

Ukusabela kubhubhane weCovid-19 ukuthathe konke ukugxila kweyunithi kwisiqingatha sokuqala sonyaka-mali wama-2020/21 yaye iyunithi isabele ngqo nangokungathanga ngqo kwizidingo ezivelayo zesebe, abemi kunye namashishini njengoko iindlela ezintsha zokusebenza bezidingeka. Okufunyenweyo kuhlahlelo loshishino lweNtshona Koloni luka-Epreli 2020 kunikezele ngeengqiqo ezimalunga neemfuno zeeSMME kulo lonke uphondo ze kwafunyaniswa okokuba isibini kwisithathu sidinga uncedo ekwenzeni amashishini abo abedijithali, yaye kubekho ubungqina obucacileyo bokokuba iiSMME zidinga ufikelelo kwimarike oluphuculweyo kunye nofikelelo kwingcaciso elungileyo.

Iphulo le-#GoDigitalWC lunikezele ngengcebiso esebenzayo, amacebo kunye nezixhobo ukunceda amashishini ekuthabatheni inxaxheba kuqoqosho lwedijithali, basuse amashishini abo bawase kwi-intanethi ze bamkele iitekhnoloji zedijithali. Ezi kunxityelelwene ngazo kuluhlu lwewebhina ezingama-25 nakumanqaku apapashiweyo angama-27. Oku kokugqibela kufumene iibono ezingamaphepha ali-1 243 ukususela kuJuni wama-2020 ukuya ekupheleni kukaMatshi 2021. Ezi zizibonelelo ezihlalayo yaye eziqhubekayo kubhekiselelwa kuzo ngamashishini. Inkqubo enxulumeneyo yeTechVolunteer itshatise amashishini namashishini afuna uncedo lwemicimbi ye-ITC kunye namagcisa etekhnoloji anamakhono okunceda abantu betekhnoloji okanye iinkampani ezincinane ezivolontye iiyure zenkonzo ezingama-988. Amabali amabini empumelelo apapashwa yaye abe bubungqina kunikezelo kwenkonzo.

Iyunithi inikezele ngokunjalo kwinkxaso yangaphakathi kwimimandla efana nophuhliso loqokelelo lweenkcukacha zolwazi, iinkqubo zedeshibhodi nokunikwa kwengxelo kubandakanya nezo usetyenziselwa ukunikezelwa kwengxelo kokuNgathotyelwa kuKhuselo kwiNdawo yokuSebenza kwiCOVID-19. Uncedo lwanikezelwa kwi-Cel kunye neWCED kwi-zero-rating lweewebhusayiti kulungiselelwa abemi, amashishini nofikelelo kubafundi.

Uqeqesho lwamakhono edijithali asele engummandla ekujoliseni kuwo ongundoqo. Ngeli thuba iCOVID-19 ikhokhelele kwizithintelo ekufikeleleni kumaziko, iziko i-I-CAN elise-Elsies River lirekhode utyelelo olungama-5 101 kunye namalungu amatsha abhalisiweyo angama-93, nabathathi nxaxheba abangama-70 abafumana iqeqesho olusimahlala lwesiseko lokufunda lwedijithali kunye nabantu abangama-417 abathabathe inxaxheba kucweyo/kwiiprojekti ezinikezelwa kwiziko. Inkqubo ye-I-CAN LEARN iqhubele phambili ngecandelo loqeqesho lomququzeleli, kunye neemodyuli ezili-12 zoqeqesho kubaququzeleli, kunye neemodyuli ezili-48 kumaziko ali-12 akumathala eencwadi neeKhefi zoLutsha koomasipala owaseWest Coast, owaseOverberg nowaseGarden Route. Okuqulathiweyo koqeqesho olwangezelelweyo lwangezelelwa ngaphandle kwendleko kwiSebe. Iinkqubo ze-I-CAN LMS kunye ne-I-CAN OMS, eziya kusetyenziswa ukunikezela ngokufanelekileyo, ukulawula, ukulandela nokunika ingxelo kunikezelo loqeqesho lwamakhono kumaziko awahlukeneyo e-I-CAN, agunyazisiweyo naqhutyelwe phambili. Ngokusetyenziswa kweli linge, iSebe linakho ukwandisa ufikelelo olungaphaya komasipala ombaxa nokuququzelela ukunikezelwa koqeqesho lwamakhono edijithali kubemi kulo lonke iphondo.

ILinge leNkxaso ye-Ikhosistim yeTekhnoloji yeDijithali, elaziwa ngokubanzi njenge 'DashTech', lixhibe ukuzuza kubume bokuqalisa obuhlumileyo kummandla ngokwandisa ubume obuncedayo bengingqi kunye ne-ikhosistim. Ii-ikhosistim ezintlanu zaxhaswa ezizezi: iSafetyTech (itekhnoloji yokhuselo nokhuseleko), 4IRTech (AI, unxibelelwano lwamashishini, izongezelelo kukwenziwa kwempahla. additive manufacturing, IoT, njl. njl.), iScreenTech (ifilim, imultimedia, igaming, i-animation, iselula njl. njl.), iFinTech neTownshipTech. Kwisithuba sikaNovemba 2020 ukuya kuMatshi 2021, imisitho eyahlukeneyo yentsebenziswano, ukhuphiswano namathuba othungelwano (kwi-intanethi, ukubakho siqu okanye unxibelelwano

lobuxhaka-xhaka bekhompyutha oluqhutywa ngexesha elinye) ukulungiselela ukunxibelelana namacandelo etheknoloji eyodwa engaphezulu kwe-1 000 kunye namashishini anxulumeneyo anxibelelana kunyaka wonke wokuqala wenkqubo.

Njengokukuthatha njengoyilo lolwazi lweNtshona Koloni njengendawo yokufikela ekhethiweyo zinkampani zetheknoloji, iyunithi iqhube indima yayo yobu mabhalane beForam ye**Global Digital Region Positioning**. Emva kolityaziso ukususela kuMatshi 2020, uhlobo lweCape Town: Africa's Tech Capital lwaqaliswa ngoNovemba 2020. Ukuza kuthi ga ngoku, iinkampani ezingama-49 zinike inkxaso yazo kweli phulo zisebenzisa utyikityo kwifomu ekwi-intanethi, kunye nezi nkampani ezingama-42 eziqinisekisiweyo zaze zavunywa. Ezi nkampani zithunyelwe uhlobo lwesibini okokuba lubandakanywe kumalinge abo okuthengisa amashishini. Oku kunye nelinge leDash-Tech zinikele kutyalo-mali kukuqaliswa kwetheknoloji okunikwe ingxelo yiWesgro.

I-Khayelitsha Barn ibe nokubuyela umva ekunikezeleni inkqubo yayo yophuhliso ishishini namakhono ngenxa yokulungiswa kwezahlobo eziyimfuneko nezibonelelo, nokuvalwa kwezakhiwo isithuba seenyanga ezintandathu ngenxa kabhubhane. Nangona kukho le mingeni, iCITI iqhubile ukuxhasa abaqeshi abasibhozo, ngoko ababini bayishiya inkqubo apha enyakeni, bashiya aba bathandathu bexhaswa ekupheleni konyaka-mali wama-2020/21. Inkqubo iWomen in Business iguqulelwe kwi-intanethi inikezela ngokupheleleyo yaye amabhinqa angama-37 aqeqeshwa. Isifundo esifutshane kufundo lwemali yokhenketho sanikezelwa kwiiSMME ezingama-30 yaye inkqubo imediaTech iqeqeshe aBathengisi abangekho sikweni abangama-40. Iziko lasetyenziselwa ngokunjalo ukusingatha imisitho yeTownship Tech.

Jump for Entrepreneurs, ikiti yezixhobo yoshishino lwedijithali lweDEDAT yaqaliswa ngokusesikweni njenge-app yeselula ekuqaleni ngowama-2020. Isixhobo sizibonakalise sithandwa ngethuba lokuvalwa ngci kwayo yonke into ze safumana ukukhula kakhulu ngokuphinda-phinda abasebenzisi abasisebenzisayo, inee-akhawunti ezingama-6 142 ezibonakalayo ekupheleni konyaka. Iqonga lidinga umsebenzi wobuchule ngenxa yenguqu kubume bokusingathwa, okuthe kwaqukunjelwa. Ukusennza okwangezelelweyo yaba lufikelelo kwirike olongezelelweyo oluphuculweyo olulungiselelwe ii-SMME ezineethenda zikarhulumente, kunye nofikelelo kwizibonelelo zoqeqesho. Imisitho emithandathu ye#JumpStars yaqhutywa kulo lonke iphondo kboniswa amabali empumelelo eSMME yaye iqonga lokhuthazwa kwimisitho esixhenxe enxulumene noshishino.

Iprojekti ye**Digital DEDAT** ixhase ukuqhutyelwa phambili ukusetyenziswa kwee-ICT ukuphucula imisebenzi nokufaneleka kwiDEDAT. Abahlaleli boshishino ababini baqhube uvavanyo olunzulu iindawo ezine eziyintlungu zachongwa ezinxulumene ukuzenzekela kwamaxwebhu, ukunikwa kwengxelo kweprojekti, ulawulo lwaachaphazelekayo kune nonxibelelwano. Isidingo sokumilisela izakhelo eziphuculweyo zeenkukacha zolwazi kunye neenkqubo ezilungiselelwe ubudlelwane babathengi nabalawuli sachongwa. Ngaphezulu, iyunithi iqhuba iiseshoni zangaphakathi ikhuthaza ukusetyenziswa kwezixhobo ezikhoyo kuhlalelo nokuqokelelwa kweenkcukacha zolwazi, ukunikwa kwengxelo kunye ne4IR ngokubanzi.

Ngaphaya kweeprojekti ezisesikweni, iyunithi incede imarke ngokuqhubela phambili inkqubo yamakhono eTechXit digital, ixhasa iiprojekti zeSKA, nonxibelelwano olubanzi kunye noluntu lwetheknoloji (unxibelelwano lwemfono-mfono kunye nabasebenzisi kwiziko leenkukacha zolwazi, uqoqosho lwekhompyutha). Inkxaso yangaphakathi kwi-broadband yePhondo kunye neenkqubo zikarhulumente zeWi-Fi ziyaqhubeka.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo
Akufanelekanga.

INkqutyana 5.7: UQoqosho oluluHlaza

INkqutyana 5.7: UQoqosho oluluHlaza								
Umphumela	Isiphumo	Umgqalisela wesiphumo	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2018/19	Uphicotho-zincwadi komsebenzi onguwo 2019/20	Ekujoliswe kuko koNyaka okucwagcisiweyo 2020/21	Izifezekiso ezizizo 2020/21	Iyantlukwano kokujoliswe kuko okucwagcisiweyo okufezekisa okukuko 2020/21	Izizathu zeyantlukwano
Ukomelela kwezibonlelo zoqoqosho eziphuculweyo	Iiprojekti zoqoqosho oluluhlaza lwaxhaswa	5.5 INani leeprojekti zoqoqosho oluluhlaza ezixhasiweyo	6	6	6	6	-	-

Izifezekiso zenkqutyana

Ngenjongo yokufezekisa umbono wesicwangciso-nkqubo seqhinga soqoqosho oluluhlaza seNtshona Koloni wokokuba iNtshona Koloni ibe sisizinda esinkqenkeza phambili soqoqosho oluluhlaza yaye nokukhohlela ukukhula koqoqosho lwekhabhoni ephantsi, inkqutyana yoqoqosho oluluhlaza ixhase iiprojekti ezintandathu kwisithuba sonyaka-mali wama-2020/21.

Unxibelelwano loqoqosho oluluhlaza: Umsebenzi oqhutyiweyo ngethuba lowama-2020/21 ujolise ekwakheni ubukho bewebhusayiti ngokuqhubekeka ngamaphepha oqoqosho okomelela kwamanzi, ukhutshelo, ukugcinwa kuvimba nokushwankathelwa kwezibonlelo zomguquli wokhuseleko lombane (ESGC) kunye nephulo lonxibelelwano nokufakwa kokuqulathiweyo kwimithombo enxulumene noqoqosho oluluhlaza, imisitho, iindaba namathuba emisebenzi. Iwebhusayiti eli-110% ukhule yanabasebenzisi abali-12 808 ngethuba elisusela kumhla woku-1 ku-Epreli 2019 – 22 kuMatshi 2021. Inani labatyeleli abatsha linyuke ngabasebenzisi abatsha abangama-8 624 kwesi sithuba sifanayo. Iwebhusayiti ingene kulungiso olungaphelelanga okokuba ibonise ngcono ejolise kuko umsebenzi woqoqosho oluluhlaza owenziwa kuRhulumente weNtshona Koloni. Ukufuduswa kokuqulathiweyo kwe-ESGC kwiwebhusayiti ye-110% eluHlaza kuncede ngokufezekisa ukuthunyelwa komyalezo ukusuka kwiWCG onxulumene noqoqosho oluluhlaza.

Uphuhliso lwe-Ikhusistim yoqoqosho oluluhlaza nokubunjwa: Uqoqosho oluluhlaza lunamacandelo esiseko amabini: ukunikezelwa kwempahla yoqoqosho oluluhlaza, iinkonzo, kunye neetheknoloji (kwicala lonikezelo) kunye nokwenziwa luhlaza koqoqosho, kwimimandla ejolise kuko iDEDAT: ukwandiswa kokusebenza kakuhle kwamanzi nombane nokumiliselwa kwezinye iindlela zokunikezelwa kwamanzi nombane komashishini (kwicala lebango). Kumacala onikezelo nebango axhasiwe ngomsebenzi owenziwe ziidesika zecandelo lwamanzi nombane ezisetyenziswa ngeeGreenCape kunye nangeqela loqoqosho oluluhlaza lweDEDAT.

Ngenkxaso yeGreenCape and Wesgro, utyalo-mali loqoqosho oluluhlaza olumalunga nesigidi sezigidi ezili-R11.6 lunikezelwe kwiNtshona Koloni eya kuthi ikhokhele kuyilo olumalunga nama-970

emisebenzi eNtshona Koloni. Olu tyalo-mali belukwintengiso yeenkqubo zesola zeerooftop PV, iqonga lehlalathi lengqeshiso lephaneli zesola kwishishini ukuya kwelinye ishishini kunye namaziko eCloud computing data.

Iingxelo ezine zengqiqo yemarike (MIRs) zamanzi, usetyenziso lomlinganiselo wombane ohlaziyiweyo, iinkonzo zombane kunye nezithuthi zombane/ugququ-guquko lozinzo zaveliswa zanikezelwa kwimarike. Ngowama-2021 iMIR ibonisa iindlela kuwo onke amacandelo amanzi nococeko kunye notyalo-mali lwemali kumanzi nakucoceko kumacandelo omabini elikarhulumente nelangasese ayaqhuba ukwanda. Iinkonzo zombane ngowama-2021 iMIR ibandakanya ukuveliswa kolondolelo kwemilinganiselo ephantsi (SSEG), ezibandakanya iinkqubo ze-rooftop solar photovoltaic (PV) nokugcinwa kombane, nokusebenza kakuhle kombane. Ezi zahlulo zemarike ziyaqiniswa ngeminikelo ekwicandelo lemali yombane, ze zinikezele ngamathuba email kubatyali-mali. Nangona kukho lo mothuko kwinkqubo obangelwa kuvalwa ngci kwayo yonke into yoqoqosho yiCOVID-19, inkonzo yombane yeMIR ibonise into yokokuba imarike esekwe kakuhle yenkonzo zombane yoMzantsi Afrika iqhubekile ukukhula ngomlinganiselo okhulayo. Umbane ohlaziyiweyo weMIR ubonisa into yokokuba isicwangciso esihlangeneyo sezibonelelo (IRP) esikwigazethi ngo-Oktobha 2019, kunye nenkqubo yokudambisa ukuthengwa kombane kubavelisi bombane abazimeleyo (RMIPPPP) nokuvulwa kwethuba elitsha lokunikezelwa kwamaxabiso phantsi kweNkqubo yokuThenga kuBavelisi boMbane abazimeleyo boMbane ohlaziyiweyo (REIPPPP) (BW 5), ucebisa ngokukhula okwaneleyo kwamathuba kwimarike yombane ohlaziyiweyo kumlinganiselo wosetyenziso kwisithuba seminyaka eli-10 elandelayo (2020 – 2030).

Ngokuphathelele kwisithuthi sombane (EV) MIR, ngeli thuba uMzantsi Afrika ngoko ongekajoyini amanqanaba aloo mazwe afumane ukukhula okukhulu kakhulu kulwamkelo lwe-EV kunye nophuhliso lwe-ikhosistim kunye nesixokelelwano sexabiso esimalunga nee-EV, amazwe amaninzi kwihlabathi. Iindawo zeMIR kumathuba angundoqo alungiselelwe ii-EV eMzantsi Afrika ezikukwenziwa kwempahla nokwenziwa ibe zezombane izithuthi zikawonke-wonke, imveliso yengingqi yebhetri ezine-lithium-ion (LIB), ukwenziwa kwezithuthi zabakhweli zengingqi kunye nokusetyenziswa kwe-EV kulwakhiwo, kwintengiso, nokumbiwa ngaphantsi komhlaba. Ezi ngxelo zinikezele ngengcaciso ebalulekileyo kwicandelo yaye zinceda ngokubumba ngokulungileyo ukwenziwa kwezigqibo zotyalo-mali kunye nokuzithemba koshishino. Ukubheka phambili, iSebe lijonge indlela la mathuba angavuleleka ngayo kulungiselelwa iNtshona Koloni.

Isambuku sonxibelelwano lwenkxaso esili -1 670 soqhutywa namashishini kunye noomasipala, kunye namashishini awongezelelwayo angama-30 athe anikezelwa inkxaso yengcebiso yobugcisa ngokubekelene ekukhuthazeni ukuthatyathwa kweenqubo ze-rooftop PV. Ngenxa yokucinywa kombane kuphungulwa umthwalo umbane ohlaziyiweyo kunye needesika zecandelo leenkonzo zombane zirekhode amathuba amaninzi enkxaso kumashishini oqoqosho oluluhlazo/ amagosa orhwebo/amasebe eWCG.

Iidesika zecandelo lamanzi nombane ziphuhlise izishwankathelo ezine zoshishino kunye nezehlo zezifundo ezine zoshishino kunye nezehlo zezifundo ezine ezilungiselelwe amashishini anikezela ngesikhokhelo kwimiba yolawulo yemali neyobuchule. Ezi zinakho ukufikelelwa kule dilesi: [http://www.westerncape.gov.za/110green/ resources](http://www.westerncape.gov.za/110green/resources). Imisitho emithandathu yoshishino ezinyaswe sisambuku esimalunga nama 525 yaqhutywa ebandakanya izihloko ezahlukeneyo zombane, amanzi noqoqosho oluluhlaza. Ingcebiso ezintandathu ezinzulu zobuchule, zolawulo, okanye ezinye iingcebiso ezinxulumane ngokuthe ngqo kumathuba esola PV. Okokugqibela, isizinda seencukacha zolwazi ezithi zibalule amathuba enkxaso-mali awahlukeneyo angaphezulu kwe-135 kuqoqosho oluluhlaza kunye namashishini athanda ukuyenza luhlaza imisebenzi yawo nokunikela kwizixokelelwano zonikezelo sele iqukunjelwe.

Ngokwemiqathango yesibonelelo nengcebiso koomasipala esimalunga nesola PV: uxwebhu lomgaqo nkqubo wombane ohlaziweyo kulungiselelwa ukusetyenziswa ngoomasipala ayilwa kunye noxwebhu oluphilileyo lwesikhokhelo somgaqo nqubose SSEG kunye nokujikeleza. Inkxaso eqhubekayo inikezelwe koomasipala be Ntshona Koloni ngokubhekiselele kukunikezelwa kwejenereeshini (kubandakanya SSEG nokujikeleza) kunye nomlinganiselo wokusetyenziswa kombono ohlaziyiweyo

Umsebenzi owenziweyo kwiprojekti yothungelwano lweNguqu yaManzi yeNtshona Koloni (WCWINN) utsale umdla we mbutho yesizwe, ingakumbi uMbutho wooMasipala leNgingqi yoMzantsi Afrika (SALGA) kunye neKhomishoni yoPhondo lwaManzi (WRC) yaye umsebenzi uyaqhutywa yaye kulungiselelwa ukusetyenziswa kwendlela yeWCWINN ukuxhasa uphuhliso lweqonga lesizwe, eliya kusebenzela ukunikezela ngemarike enkulu kwamashishini ecandelo elisekwe kwamanzi leNtshona Koloni.

ULungelelwaniso loKomelela koMbane kaMasipala (MER) : Ilinge leMER yinkqubo yeminyaka emithathu eqhuba iyokutsho kuMastshi 2023. Ilinge leMER liqhutywa licandelo eliyintloko loqoqosho oluluhlaza leSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho (DEDAT) yaye lixhaswa zinzame ezihlangeneyo zeSebe loMasipala (DLG) kunye neCandelo loLawulo-mali (PT). Ilinge leMER linenjongo yalo engundoqo yophuhliso nobonelelo ngenkxaso nokukhuliswa kwezakhono ukulungiselela ukumiliselwa kweeprojekti zombane ohlaziyiweyo koomasipala kuyo yonke iNtshona Koloni ukulungiselela oomasipala, amashishini kunye namakhaya avelise, athenge yaye athengise umbane wawo, kodwa kungaphelwanga koomasipala abathenga ngqo kubavelisi bombane abazimeleyo. Ngesithuba sonyaka-mali, ikomiti yoququzelelo yephondo yeMER, kubandakanywa iDEDAT, iDLG kunye neCandelo loLawulo-mali lePhondo, yasekwa ukukhokhela eli linge.

Uxwebhu leqhinga lenkqubela phambili lwaphuhliswa olunikezela ngengcaciso ngendlela yoabiwo lwezibonelelo kwilinge. Isixhobo sovavanyo lokulungela ukusebenza kuakamasipala (MRE) saphuhliswa ukuchonga oomasipala abafanelekileyo (okt. abafaneleke kakhulu) ukuba bangahlahl'indlela kwiiprojekti zombane ohlaziyiweyo. Oomasipala abangabagqatswa abanekhono abathandathu abachongiweyo ngowaseStellenbosch, eDrakenstein, eMossel Bay, eOverstrand, eSwartland, eStellenbosch nowaseSaldanha Bay. Imemorandum yeNgqiqo (MOU) ekufuneka isayiniwe phakathi kweSebe kunye noMasipala ngamnye kwaba yayilwa yamkelwa. Ngokunjalo isivumelwano sokusebenza ngokusondeleyo neSixeko saseKapa safunyanwa, kunye neMOU eyayiza kulandela.

IiNkonzo zoPhuhliso lweProjekti yeMER: Le projekti kukuxhasa iNqanaba loku-1 lelinge leMER, elibandakanya uphuhliso lwezehlo zoshishino, uvavanyo loomasipala, ukuchongwa kweeprojekti kunye neemvavanyo zokulungela ukwenza umsebenzi npkuphulloswa komkhombandlela weprojekti yokuhlahl'indlela kumbane ohlaziyiweyo. Okuqaqambileyo okungundoqo kukunikezelwa kwezehlo ezicalulweyo zoshishino ngamacandelo eprojekti yeMER (okt, kujongwe umlinganiselo wosetyenziso lombane ohlaziyiweyo energy (>10MW), ukuveliswa kosasazo (1-10MW), ukuveliswa okwendele kumlinganiselo ophantsi (<1MW) kunye nogcino lwebhetri yoveliso oluphezulu). Izehlo zoshishino zihlale iitheknoloji ezininzi, imilinganiselo, imingcipheko, iimfuno zomthetho. Iindleko, kunye neendlela zemali phakathi kwabanye. Ingxelo yesehlo seshishini inikezele ngokunjalo ngesikhokhelo ngndlela le miqathango yonke eya kucwangciswa ngayo ukuqalisa kweemvavanyo zangaphambili kokufaneleka kwiiprojekti ezingakho zokuhlahl'indlela ukuncedisa kukukhethwa kweeprojekti zokuhlahl'indlela ekufuneka zimiliselwe koomasipala abatyunjiweyo. Uxwebhu olunzulu lolawulo olua kuthi lukhokhele

ngaphezulu imiba yomthetho neyolawulo yelinge leMER lwayilwa.

Iinkonzo zengcebiso zeqhinga zeMER: Le projekti inikezele ngengcebiso yegcisa elinamava aphezulu obuchule ukukhokhela iqela leDEDAT ngelinge leMER elikwinqanaba 1 nolwakiwo nomiliselo lwamanqanaba 2 kunye nelesi-3. Iinkonzo zengcebiso zeqhinga ezinikezelweyo zizaqambise imbonakalo ekhoyo yesizwe yombane kubandakanywa ukubhengezwa kwamabhaso enkqubo yokudanjiswa komngcipheko womveliso ozimeleyo wombane (RMIPPP) nokuqaliswa kwe-Bid Window 5 (BW5) ye-REIPPPP. Abacebisi beqhinga banikezele ngokunjalo ngesikhokhelo kukwenziwa kwesicelo somiselo lwecandelo lama-34: ukuveliswa kwekhono elitsha ngumasipala ngokunikezela ngeengqiqo kokulindelweyo liSebe lweZibonelelo zeZimbiwa noMbane (DMRE) kwiiprojekti zikamasipala njengexalenye yemithetho elungisiweyo yokuveliswa okutsha.

Irhasi yeNdalo eNyibilikisiweyo (LNG): Iprojekti izama ukuququzelela ukuthengwa kwamanye amazwe kwe-LNG, uphuhliso lwamandla omlilo wegesi kunye nokuqondwa kade koshishino lwegesi eNtshona Koloni. Ufundo lokulungela lweLNG lweSebe oluqhutywe ngowama-2019 luchonge ukuguqulwa kwesikhululo sombane sakwa-Eskom i-Ankerlig (ukulungiselela ukusetyenziswa kwe-LNG endaweni yedizili) okanye ulwakiwo lwamasimi amatsha aluhlaza ezikhululo zamandla egesi njenge-ankile yeLNG. Ukuphuhlisa indlela yokufezekisa oku, imigaqo yokukhangela kulugiselelwa isikhokhelo yayilwa ngenkxaso ye-USTDA (kunye nekhontilaka yabo, iDelphos International Ltd.). Iingqwalasela ezangezelelweyo zale migaqo yokukhangela ibe likhono elingakho lomlinganiselo ophantsi we-LNG kunye nezinye izibonelelo ezinxulumeneyo ezinokuthi ziyidlale kunikezelelo oluphakathi kwisikhululo samandla egesi; ukunikezelwa kwegesi kulungiselelwa ibango elilelinye lembono (ibango loshishino) ngokunjalo nethuba ukwangezelela indlela yeTransnet yokuthengwa kweLNG kwamanye amazwe ngokusetyenziswa kwesisombululo selizwe. Uphuhliso lolu iTOR idinga uququzelelo nokufunyanwa kolwamkelo kwabachaphazelekayo ababalulekileyo be-Eskom kunye neTransnet. Unxibelelwano olwenziwa rhoqo lwabanjwa kunye neTransnet ukuqinisekisa ngento yokuba uphuhliso lwe-LNG yaseSaldanha Bay ibekwe kwisimo esibanzi selizwe. Imigaqo yokukhangela, nangona iphuhliswe kakuhle, ayizange ifezekiswe ngenxa yendlela yolungelelwaniso ku-Eskom, ukungaqiniseki kumgaqo-nkqubo weDMRE yesizwe kwiLNG (kubandakanywa ukukhululwa kwe-RMIPPP ebandakanya amandla omlilo wegesi), ukujolisa ngokutsha kwiinzame zikaTransnet nokujolise kweCandelo loMbane kwilinge likaMasipala lokoMelela koMbane.

Ukhuselo kwiCovid-19 kwindawo yokusebenza: Ngaphezulu kwitheyibhile yeCovid-19 (48 yale Ngxelo yoNyaka) iSebe loPhuhliso loQoqosho noKhenketho (DEDAT), elikhokhelwa yiNkqubo 5, kodwa lixhaswa ngokunjalo zezinye iinkqubo yaye ngenxa yokungathobeli umsebenzi wezikhululo uthatyathwe yi-Ofisi yoMkhuseli waBathengi ngoDisemba 2020, yaqhuba umsebenzi wokhuselo lwendawo yokusebenza kwi-Covid 19 ngethuba lentlekele yobhubhane weCovid-19. Lo msebenzi ubandakanya uphuhliso nohanjiso lwezikhokhelo, iiFAQ, iitsheklisi, imathiriyeli yonxibelelwano kunye neekiti zokhuseleko kunye neentlanganiselo zoshishino zomntu ukuqinisekisa ngolwabellwano lwale ngcaciso.

Lo msebenzi wamiliselwa ngumsebenzi wokunikwa kwengxelo yokungathobeli kukhuselo lweCovid-19 kwindawo yokusebenza, ovumela ukusabela kulawulo lwezikhululo zokhuselo kwiCovid-19 kwindawo yokusebenza ezenziwe ngamashishini asebenza eNtshona Koloni.

Inani elipheleleyo lamashishini angama-2 644 ancediwe kusetyenziswa umnxeba wezikhululo zokungathobeli kukhuselo kwindawo yomsebenzi. Ngaphezulu koku ubuchwepheshe bempilo yobugcisa emsebenzini kunye nokhuselo kwangenwa kwisivumelwano ukubonelela ngenkxaso yokhuselo kwiCovid-19 kwindawo yokusebenza kumashishini / kwimibutho engaphezulu engama-510. Ngaphezulu, icandelo lendlela zokusebenza ezilungileyo ezisixhenxe ezithe ngqo kwizikhokhelo zaphuhlisa zanikezelwa ngokusetyenziswa kwesi sivumelwano.

Iqhinga lokoyisa imimandla yokusebenza ngaphantsi kokulindelweyo

Akufanelekanga.

Ukunxulunyaniswa komsebenzi kunye nohlahlo lwabiwo-mali

Ngesithuba sonyaka-mali wama-2020/21, isixa-mali sezigidi ezili-R146.768 sabelwa kwiNkqubo eyathi inkcitho yayo eyiyo yaxabisa izigidi ezili-R143.558. Oku kuguqulelwa kwinkcitho engama-97.81% yohlahlo lwabiwo-mali olupheleleyo lweNkqubo. Uvavanyo ngokubanzi lweengxowa-mali ezichithiweyo ngokohlahlelo loqoqosho lube njengoku kulandelayo:

- Kwimbuyekezo yabasebenzi olubalelwa kwizigidi ezingama-R28.285 okanye ama-19.70% yenkcitho epheleleyo
- Kwimpahla neenkonzo olubalelwa kwizigidi esi-R23.891 okanye 16.64% yenkcitho epheleleyo
- Okukhutshelweyo nenkxaso-mali ebalelwa kwizigidi ezingama-R89.499 okanye ama-62,34% enkitho epheleleyo
- Iintlawulo zenkcitho yempahla enkulu ebalelwa kwisixa-mali ezisigidi esi-R1.883 senkcitho epheleleyo yenkqubo

Igama leNkqutyana	2020/21			2019/20		
	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezu lu /engaphantsi	ULwabiwo-mali lokugqibela	INkcitho eyiyo	Inkcitho (engaphezulu /engaphantsi
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Umgqo-nkqubo woqoqosho nocwangciso	2 804	2 752	53	6 357	5 676	681
Uphando nophuhliso	8 763	8 706	58	9 653	9 630	23
Ulawulo lolwazi	13 949	13 948	1	11 326	11 325	1
Ukuncedwa kokukhula kwezibonelelo namalinge	81 012	81 002	10	119 037	118 508	529
IBroadband loqoqosho	16 334	15 754	580	19 597	18 836	761
Uqoqosho oluluhlaza	23 906	21 398	2 508	19 526	17 832	1 694
Zizonke	146 768	143 560	3 210	185 496	181 807	3 689

46 INKQUBO 6: UKHENKETHO, UBUGCISA NOKONWABISA

Injongo

Ukuququzelela ukumilisela kweqhinga elihlangeneyo lokhenketho eliya kuthi likhokelele ekuzinziseni nasekunyuseni ukukhula kunye nokuyilwa kwemisebenzi kushishino lwezokhenketho

Ukwakheka kwenkqubo

INKqubo yakhiwe ngale ndlela ilandelayo:

- **INKqutyana 6.1: UCwangciso loKhenketho**
Ukuphuhlisa nokulungelelanisa i-ajenda yeqhinga.
- **INKqutyana 6.2: UkuKhula koKhenketho noPhuhliso**
Ukuququzelela ukukhula nokuphuhliswa koshishino lwezokhenketho.
Ukwandiswa kokulunga kwamanva abatyeleli kwinfdawo yokufikela ngokukhuthazwa kweenkonzo zenkxaso okulunga kokhenketho.
- **INKqutyana 6.3: INguqu yeCandelo loKhenketho**
Ukubonelela ngobhaliso nolawulo lwabakhokheli babakhenkethi.
- **INKqutyana 6.4: UkuThengiswa kweNdawo yokuFikela yoKhenketho**
- Ukunikela ngezibonelelo kwiqumrhu eliphantsi kukarhulumente ukukhuthaza ezokhenketho, ezorhwebo notyalo-maliukulinceda okokuba libe nakho ukufezekisa isigunyaziso salo njengoko sichaziwe kuMthetho we-Arhente yokuKhuthazwa koTyalo-mali noRhwebo eNtshona Koloni, 1996 (uMthetho 3 we-1996) njengoko ulungisiweyo.

Imiphumela yeziko

INKqubo 6 iyanikela kwimiphumela elandelayo yeziko ngokuhambelana nesiCwangciso soNyaka sokuSebenza sowama-2020/21:

- Ukwandiswa kokuthunyelwa kwempahla kwamanye amazwe

Ukuphuculwa kwengqikelelo yokhuselo lokhenketho

INkqutyana 6.1: Ucwangciso lokhenketho

Imiphumela, isiphumo, imigqalisela yesiphumo, ekujoliswe kuko kunye nezifizekiso ezizizo

INkqutyana 6.1: Ucwangciso loKhenketho								
URhulumente waseNtshona Koloni wamkela ubuchule beqhinga elichasene nobuqhetseba kunye norhwaphilizo obungqina ukuba iPhondo alubunyamezeli kwaphela ubuqhetseba, ubusela kunye norhwaphilizo. Ngokuhambelana nobu buchule beqhinga iSebe lizinikele ekungalunyamezelini kwaphela urhwaphilizo, imisebenzi yobuqhetseba okanye yalo naluphina ulwaphulo-mthetho, nokuba lungaphakathi okanye lungaphandle, kwaye lisukela lize litshutshise ngazo zonke iindlela ezisemthethweni ezifumanekayo, nabanina ozibandakanya kwizenzo ezinjalo okanye iinzame zokwenza oko. ISebe lineSicwangciso sokuThintela uBuqhetseba kunye noRhwaphilizo esivunyiweyo nesihamba neSicwangciso sokuMilisela ukuThintelwa koRhwaphilizo esinika isicwangciso sokuthintela igunya lokuba sisebenze.

Iliqela imijelo yokuxela izenzo ekutyholwa ukuba zezobuqhetseba, ubusela kunye norhwaphilizo kwaye le mijelo ichazwe banzi kubuchule beqhinga lephondo obuchasene nobuqhetseba norhwaphilizo, umgaqo-nkqubo wodizamahlebo kaRhulumente waseNtshona Koloni kunye nesicwangciso sesebe sokuthintela ubuqhetseba kunye norhwaphilizo. Isityholo ngasinye esifunyenwe yiyunithi yephondo yeenkonzo zophando nzulu ngenzululwazi sigcinwa kwinkqubo yolawulo lwamatyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo ukuchaza inkqubo eyenziweyo ngetyala eliphathelele kwiSebe kunye nokuelisa iinkcukachamanani zikaRhulumente waseNtshona Koloni kunye nezeSebe.

Abaqeshwa kunye nabasebenzi abadiza amahlebo xa berhanela ubuqhetseba, urhwaphilizo kunye nobusela bakhuselekile ukuba bakuxela oko ngendlela yokuxela okukhuselekileyo (oko kukuthi, kuyazonelisa iimfuneko zoMthetho wokuXela ngokuKhuselekileyo uMthetho nombolo 26 ka-2000 umzekelo ukuba ukuxela oko kwenziwe ngeenjongo ezilungileyo). Umgaqo-nkqubo wodizamahlebo kaRhulumente waseNtshona Koloni ubonelela ngezikhokelo kubaqeshwa kunye nabasebenzi zokuba uziphakamisa njani iinkxalabo zakho nabalawuli abaphezu kwakho ngokwesikhundla, abantu abamiselwe ngokukodwa nguRhulumente waseNtshona Koloni okanye amaziko angaphandle, apho banezizathu zokukholelwa ukuba ulwaphulo-mthetho okanye into engafanelekanga yenzekile okanye iyenzeza kuRhulumente waseNtshona Koloni. Ithuba lokuhlala ungengonagama linikwa nabanina ongathanda ukuchaza izenzo zobuqhetseba, ubusela, kunye norhwaphilizo, kwaye ukuba oko bakwenze buqu, okubachongayo kugcinwa kuyimfihlo ngumntu abakuchaza kuye.

Ukuba, emva kophando, ubuqhetseba, ubusela okanye urhwaphilizo lungqiniwe, umsebenzi othathe inxaxheba kwezo zenzo ujongana noluleko. Ummeli kaRhulumente waseNtshona Koloni oqalise inkqubo zoluleko kufuneka acebise ukuba umsebenzi ochaphazelekayo agxothwe. Apho ubungqina bokuziphatha ngokwaphula umthetho bufunyenwe, umba lowo wolwaphulo-mthetho uchazwa kwabeeNkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika.

Kunyaka ohlaziwayo, iPFS ikhuphe isiqinisekiso sokuqhubeka kwamatyala sikhutshelwa iSebe kuqatshelwa ukuba:

Amatyala	Inani lamatyala
Amatyala avuliweyo ukususela kumhla 1 kkuTshazimpunzi 2020	2
Amatyala amatsha (2020/21)	1
Amatyala avaliweyo (2020/21)	(2)
Amatyala avuliweyo ukususela kumhla 31 Matshi 2021	1

Esi sicwangciso sihlalutya ngaphezulu amatyala avaliweyo alathwe ngasentla:

UBume kunye neZiphumo zoPhando lwamaTyala amaBini aValiweyo
Kwityala elinye uphando lwagqityezelwa lunezinye iziphumo (ulawulo lwesivumelwano)
Kwityala elinye uphando lwagqityezelwa ngaphandle kweziphumo ezichasayo, kodwa kwabakho iingcebiso ezenziwayo.

4. UKUNCIPHISA UMNGCIPHEKO WEDOLO/ UKUNGQUBANA KOMDLA

Into efunekayo ebalulekileyo kulawulo ngobambiswano kukulawula ukungqubana komdla kakuhle. ISebe likubona oku njengommandla obalulekileyo ekugxininiswa kuwo kulawulo lwetyathanga lokuthenga kunye neentlawulo zonke ezigqithiswayo. Kulandelwa oku kunye nokuphumeza ulawulo lokungqubana komdla kwakunye nokukuthintela, iSebe kunyakamali 2020/21 lisibethelele isigqibo salo malunga nezenzo zokuziswa kweenkonzo ngendlela efanelekileyo laze laqinisekisa:

- Onke amalungu eKomiti yeziNikimaxabiso yeSebe atyikitya isibhengezo somdla ngesinikimaxabiso ngasinye kwisihlo apho kukho ungquzulwano, loo malungu ayacelwa ukuba angayizimasi intlanganiso. Esi sibhengezo sithomalalisa imiba yobumfihlo enokubakho.
- Abathengisi zinkonzo kufuneka bagcwalise uxwebhu olungu-WCBD 4 olufuna ukuba babhengeze nawo nawaphina amalungu osapho abandakanyekayo kwinkqubo yokuthengwa kweenkonzo okanye kwingqesho yeSebe. Ulwazi olukuxwebhu olungu-WCBD 4 luqinisekiswa liSebe phambi kokuhlalutywa kwesinikimaxabiso okanye uqikelelo lwexabiso
- Izibhengezo zomdla zigcwaliswa ngabo bonke abasebenzi abamema uqikelelo lwamaxabiso ukuze kuthengwe phakathi kwe-R0 ukuya ngaphantsi kwe-R10 000.
- Ukukhethwa kwabaxhamli ekugqithiselwa kuba iintlawulo kwenziwa ngokusesikweni apho kwaziswa izicelo zezindululo zize izindululo zihlalutywe zigwetywe. Le nkqubo yokuhlalutywa nokugweba yenziwa yiKomiti yeSebe yokuHlalutywa kunye neKomiti yeSebe yokuGweba. Zombini ezi komiti zinemiqathango ebonelela ngemisebenzi noxanduva lwelungu lekomiti ngalinye kwaye nazo kufuneka zigcwalise izibhengezo zomdla.
- Izibhengezo zomdla zigcwaliswa ngabo bonke abasebenzi ababandakanyekayo ekugqithiseni iintlawulo zigqithiselwa kubaxhamli.
- Ukuhlolwa kwentembo yamagosa eSCM kunye nabalawuli abaphezulu kuyenziwa.
- Ukuqinisekiswa kokuziphatha kwabanikimaxabiso kwirejista yabanikimaxabiso abazophulileyo izivumelwano kunye novimba wabathengisi abathengisa iinkonzo ezithile kuphela.
- Ukuqinisekiswa kwenkqubo yentlawulo egqityezelwa ngumlawuli weprojekthi kuququzelela uxanduva nempendulo kwicala lomlawuli weprojekthi ngokubhengeza ukuba akukho meko ekhoyo eza kuba nefuthe kwiinjongo zeprojekthi: Isibhengezo ke ngoko songeza ekuthomalaliseni nakuphina ukungqubana komdla okunokubakho ngokunxulumene neprojekthi zonke.

Ukongeza koku, ngexesha elihlaziwayo iSebe laqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho elawula iinkonzo zoluntu ngokupheleleyo, 100%, ezimisela ukuba bonke abasebenzi abaqeshwe kwinkonzo zikarhulumente, kufuneka babhengeze iinkcukacha zomdla wabo kwezezimali qho ngonyaka kwiGunyabantu leSigqeba elifanelekileyo.

5. UMGAQO WOKUZIPHATHA

Umgqaqo wokuziphatha wolawulo lwetyathanga lokuthenga waphuhliswa ukuze uqinisekise ukuba amagosa olawulo lwetyathanga lokuthenga enza imisebenzi exhasa abanye xa besenza umsebenza wabo wesiqhelo. Onke amagosa olawulo lwetyathanga lokuthenga atyikitya umgaqo wokuziphatha xa beqalisa emsebenzini wabo ize emva koko bawutyikitye qho ngonyaka. Okuqulethwe ngumgaqo wokuziphatha kuxoxwa banzi negosa ngalinye ukuze babuqonde ubume bokuba mandundu koxwebhu.

Ukukhuthaza umgangatho wokuziphatha ngokwengcali emsebenzini, iSebe liqinisekise ukuba onke amalungu amatsha abasebenzi azimasa inkqubo yokungeniswa emsebenzini, eshukuxa umgaqo wokuziphatha nekhuthaza abasebenzi ukuba bacinge kwaye baziphathe ngokufanelekileyo nangokwengcali.

6. IMIBA YEZEMPILLO EYOKHUSELEKO KUNYE NEYOKUSINGQONGILEYO

Ngokwemiqathango yecandelo 8(1) loMthetho wezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko, wonke umqeshi kufuneka abonelele kwaye agcine indawo yokusebenza ekhuselekileyo nengenawo umngcipheko kwezempilo yabasebenzi bakhe, abe noMlawuli woKhuseleko ojongene nokhuseleko, iKomiti yoKhuseleko kunye neKomiti yezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko yeSebe.

Kukho amasebe amane asebenzisa isakhiwo iWaldorf Building, kwaye iSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho lisebenza njengelona likhokelayo kwimiba yezempilo kunye nokhuseleko.

Iintlanganiselo zeKomiti yezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko bezibanjiwe enyakeni ukuze kuxoxwe kwaye konganyelwe imiba yokuthotyelwa komthetho wezempilo emsebenzini kunye nokhuseleko. Ngonyaka wale ngxelo, abameli bezeMpilo eMsebenzin kunye noKhuseleko beSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho baqeqeshwa ngempumelelo kwiindima zabo zokuba ngabaNcedi bokuQala, abaCimi-mliilo kunye negosa lezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko.

Imiba ebhekiselele ekuthotyelweni kwemiqathango yokhuseleko kwiCOVID-19 kunye nendlela yokuziphatha kubhubhane yaxoxwa kwiintlanganiselo zezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko.

Nangona kukho ubhubhane iCOVID-19, uqeqesho lokushiya isakhiwo ngokukhuselekileyo lwenziwa kabini, ngexesha ekwenziwa ngalo ngxelo, bonke abachaphazelekayo abafanelekileyo bathatha inxaxheba kwiSakhiwo iWaldorf..

Isicwangciso sokuqhubeka koshishino (Novemba 2017) sahlaziywa emva kokumilisela kweengcebiso ezenziwe liSebe loKhuseleko loLuntu iSebe leNkulumbuso Ce-I kunye noPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi. Kulo nyakamali, iBCP yahlaziywa ngenxa yotshintsho kwimeko yangaphandle, kunye notshintsho olubalulekileyo kubasebenzi kuthathelwa okulandelayo ingqalelo:

- Izifundo ezifundwe kwizihlo ezidlulileyo eziphazamisileyo zaze zachaphazela umsebenzi wemihla ngemihla weSebe loPhuhliso lwezoQoqosho kunye noKhenketho (limbaco zawuthathela kuzo umgangatho osezantsi)
- Utshintsho emthethweni, kwimigaqo-nkqubo kunye nezinto ekufanele zenziwe
- Izikhokelo/iingcebiso ezivela kumaSebe amaPhondo (CEI, DOCS and TPWP)
- Iingcebiso ezivela kwiKomiti zamasebe oko kukuthi iKomiti yeSebe yoKhuseleko
- IKomiti yezeMpilo eMsebenzini kunye noKhuseleko kunye neKomiti yoBuchwepheshe eQhubayo yeSebe.

Le BCP izoba amanyathelo iSebe eliza kuwathatha ukuvuselela imisebenzi yoshishino, kuquka iinkqubo kunye nokufikelela kwinkqubo zokuqhubeka kwemisebenzi yoshishino enzima ngexesha kunye nasemva kokuphazamiseka.

7. IIKOMITI ZEMICIMBI YESEBE

Ngexesha lokwenza ingxelo iSebe labonelela ngegalelo kwezi ntlanganiso zilandelayo zeKomiti esiSigxina kwezeziMali, amaThuba oQoqosho kunye noKhenketho:

Umh la	Imiba ephakanyisiw eyo	Impendulo yeSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (DEDAT)
27 Meyi 2020	ISebe labonelela ikomiti ngohlaziyo lokusongwa komsebenzi we-ArcelorMittal South Africa (AMSA) eSaldanha Bay usongwa ngabe-ArcelorMittal South Africa, iSebe lezoRhwebo, uShishino noKhuphiswano kunye neqela lomsebenzi elibandakanyeka ekuthomalaliseni ifuthe elinokubakho ngenxa yoku kuvalwa. lingxoxo ngezigqibo zengxelo eyilwayo yokongamela ummandla wophuhliso iSaldanha Bay; iingcamango malunga nengxelo eyilwayo yokongamela ummandla wophuhliso iSaldanha Bay kunye nokwamkelwa kwayo	Inkcazelo exhobisayo inikezelwe kwiKomiti esiSigxina ejongene nomsebenzi we-ArcelorMittal South Africa (AMSA) eSaldanha yaze yenza amagqabantshintshi kwikomiti ngengxelo esayilwayo yokongamela yommandla wophuhliso iSaldanha Bay.
10 Juni 2020	Amagqabantshintshi enziwe nguMasipala waseKhaya iKannaland (Kannaland Local Municipality) kunye neSebe lezoPhuhliso noKhenketho malunga neprojekthi yamandla avela elangeni yommandla waseKannaland.	ISebe lithathe inxaxheba kwiseshoni yemibuzo neendpendulo kunye neKomiti esiSigxina esekelwe iprojekthi yamandla avela elangeni yommandla waseKannaland.
17 Julayi 2020	Amagqabantshintshi enziwe nguMphathiswa wePhondo wezeziMali namaThuba oQoqosho kunye neBhodi yeWesgro kule miba ilandelayo: Inkqubo iBhodi eyayilandelayo ukumisela umvuzo weGosa eliyiNtloko yeSigqeba lakwaWesgro. Imiba iBhodi eyayicingisisayo xa ithatha isigqibo, kunye neyona mifuziselo isetyenziswayo kumazwe ngamazwe yokumisela imivuzo kwii-arhente zotyalomali..	INTloko yeSebe yazimasa iseshoni yamagqabantshintshi njengelungu leBhodi yeWesgro.
27 Julayi 2020	Ingamango malunga noMthetho oSayilwayo woHlengahlengiso loHlahlo-lwabiwo-mali, 2020, iVoti 12, uPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho.	Amagqabantshintshi enziwe kwikomiti malunga noMthetho oSayilwayo woHlengahlengiso loHlahlo-lwabiwo-mali lokuqala.
26 Agasti 2020	Amagqabantshintshi enziwe liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho malunga nokufaneleka nophononongo kweprojekthi ebizwa ngokuthi Western Cape Integrated Liquefied Natural Gas Importation and Gas-to-Power Project.	IKomiti esiSigxina yenzelwa amagqabantshintshi ngokuFaneleka kophononongo.
15 Oktobha 2020	Utyelelo lokongamela: Amagqabantshintshi enziwe ngu-Eskom malunga neprojekthi yeziseko ezingundoqo zamandla egesi ecetywayo kwisikhululo sezamandla i-Ankerlig Power Station, kunye nohlaziyo lokulungiswa kwesikhululo. Utyelelo lokongamela: Amagqabantshintshi enziwe liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho kunye noKhenketho malunga nohlaziyo lokusekwa kwe-ASEZ, ingxelo yohlaziyo lokutsala umdla wotyalomali eNtshona Koloni kwicandelo lamandla anokwenziwa matsha, kunye nothethathethwano neenkampani ezikwi-Atlantis SEZ.	Ummeli weSebe wazimasa utyelelo lokongamela kwa-Eskom nase-Atlantis. Inkcazelo exhobisayo malunga nommandla wezoqoqosho wase-Atlantis neziseko ezingundoqo ze-LED zokuhluma koqoqosho yanikezelwa kwiKomiti esiSigxina.
27 Novemba 2020	Ingxoxo ngeVoti 12: uPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kwisicwangciso seNtshona Koloni soHlengahlengiso lwesibini loMthetho oSayilwayo woHlahlo-lwabiwo-mali, 2020.	Amagqabantshintshi enziwe kwikomiti malunga noMthetho oSayilwayo woHlengahlengiso lwesibini loHlahlo-lwabiwo-mali ku-2020.
11 Matshi 2021	Ingxoxo ngenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu kwiindibano zezimvo zoluntu ezimalunga nemingeni abemi abahlangabezana nayo kwiphondo ngokuphathelele kwi- UIF/TERS.	

19 Matshi 2021	Ingamango ngeVoti 12: uPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kwisicwangciso seNtshona Koloni soHlengahlengiso lwesithathu loMthetho oSayilwayo woHlahlo-lwabiwo-mali, 2021. Ingamango ngeVoti 12: uPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kwisicwangciso seNtshona Koloni soHlahlo-lwabiwo-mali, 2021.	Amagqabantshintshi enziwe kwikomiti malunga noMthetho oSayilwayo woHlengahlengiso lwesithathu loHlahlo-lwabiwo-mali ku-2021 kunye nesicwangciso soMthetho oSayilwayo woHlahlo-lwabiwo-mali eNtshona Koloni kunyaka 2021..
----------------	---	--

8. IZIGQIBO ZEKOMITI ESISIGXINA YE-AKHAWUNTI KARHULUMENTE (SCOPA)

Inombolo yesigqibo.	Umba	Iinkcukacha	Iimpendulo yeSebe	Isonjululwe (Ewe/Hayi)
15.3.1	Inkqubo 2: Iinkonzo zoPhuhliso lwezoQoqosho eziHlangeneyo zifumene uhlahlo-lwabiwo-mali olongezelekileyo ukuze zimilisele ungenelelo olujoliswe kwiNgxowamali yokuVuselela ebonelela ngoncedo lwezizimali kubaxhamli abafanelekileyo bamashishini amancinane, aphakathi namancinane kakhulu	ISebe liza kubonelela ngeenkcukacha zefuthe kuluntu, ixabiso elifumanekayo kwimali kunye nenani elipheleleyo labaxhamli abazuzileyo kwiNgxowamali yokuVuselela amashishini amancinane, aphakathi namancinane kakhulu iSMME	Iseshoni yamagqabantshintshi imiselwe yiKomiti yee-Akhawunti zikaRhulumente	Hayi
15.3.2	ISebe liza kwazisa ngesikhundla seNtloko yeSebe ukuze abanomdla bafake izicelo.	UMphathiswa uza kunika ingxelo ngesicwangciso solandelelwano lwezikhundla esenziweyo ukuqinisekisa utshintsho lwezikhundla oluhamba kakuhle xa iNtloko yeSebe entsha sele iqeshiwe.	Ukwazisa iKomiti ye-Akhawunti kaRhulumente kwiiveki ezimbini ngale ngxelo ye-ATC.	Hayi

9. INGUQULELO PHAMBI KWENGXELO YOPHICOTH-ZINCWADI

Akukho zinguqulelo zonyaka ongaphambili kwingxelo yophicotho-zincwadi.

10. IYUNITHI YOLAWULO LWANGAPHAKATHI

IYunithi yoLawulo lwangaPhakathi ngumsebenzi owenziwa ngaphakathi kwiCandelo eliyiNtloko: loLawulo lwezeziMali. Qho ngonyaka, le yunithi ilungisa isicwangciso sokusebenza esisekelezelwe kwimingcipheko esiyilelwe ukuqinisekisa ukuba ulawulo lokusingqongileyo luhamba kakuhle. Imisebenzi yeyunithi iquka iinkonzo zokuqinisekisa zangaphakathi, ulawulo lwaseburhulumenteni, ubuqhetseba kunye nelahleko.

Iyunithi esebenza ngaphantsi kweyunithi yoLawulo lwaseburhulumenteni ngomsebenzi wayo wokuqinisekisa imithetho iqinisekise ukukholeleka kwemeko yezomthetho ngokuphuhlisa uvimba

weenkcukacha ngexesha lonyaka ophantsi kophononongo. Ukongeza koku, nanjengenxalenye yegalelo kubuchule beqhinga lonxibelelwano ngolawulo lwezezimali, iyunithi esebenza ngaphantsi kweyunithi ngamaqonga onxibelelwano aliqela isebenzisene neenkqubo zokuziswa kweenkonzo ukusasaza ulwazi ngolawulo lwezezimali. La maqonga aquka ividiyo zoqeqesho ezisekwe ekubalisweni kwamabali, imibuzo ebuzwa qho, imbalelwano zonxibelelwano, kunye nephephandaba lezezimali. Le yokugqibela ivumela uhlobo lokuzibonela oludibanise zonke izihlo ezingundabamlonyeni kunye nemiba efanelekileyo kumsebenzi wommandla wemisebenzi eyenziwayo. Amaqonga onxibelelwano akhiwe ukuze aphucule ulawulo lokuphatha ezezimali kubo bonke abasebenzi kwakunye nokuqambisa umsebenzi wokuxhasa iinkonzo.

Iyunithi yokuQinisekisa esebenza ngaphantsi kweyunithi iqhube ngempumelelo ukongamela kokuthotyelwa kwemithetho elawula ezezimali kulawulo lwetyathanga lokuthenga, ukugqithiselwa kweentlawulo, ulawulo lohlahlo-lwabiwo-mali kunye nolawulo lwempahla yeSebe. Ukongeza koku, iyunithi ihlaziye yaze yabonelela ngokuqinisekisa iNkcazelo zeXeshana zeziMali kunye nezoNyaka. Iyunithi isekwanoxanduva lwababoneleli bangaphandle bokuqinisekisa abafana nophicotho-zincwadi lwangaphakathi kunye noMphicothi-zincwadi Jikelele. Lo msebenzi wefezekiswa ngempumelelo kuba elowo ukwazile ukuwenza umsebenzi wokuphicotha iincwadi.

11. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI KUNYE NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela abaphathi ngokuqinisekisa iinjongo ngokuzimeleyo kunye neenkonzo zeengcebiso eziyilelwe ukuba zongeze ixabiso kwaye ziqhubeke nokuphucula indlela yokusebenza yeSebe. Kufuneka luncedise iSebe liphumeze iinjongo zalo ngokuzisa indlela ehamba ngokwenkqubo eqhuba kakuhle ukuze ihlalutye kwaye iphucule ukusebenza kakuhle kolawulo loburhulumente, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zoLawulo.

Le misebenzi ilandelayo ibalulekileyo iyenziwa ngokuphathelele noku:

- Ukuhlola kunye nokwenza iingcebiso ezifanelekileyo zokuphucula inkqubo yolawulo lwaseburhulumenteni ukuze iphumeze iinjongo zeSebe
- Ukuhlalutya ukufaneleka nokusebenza kakuhle kunye negalelo ekuphuculeni inkqubo yolawulo lomngcipheko
- Ukuncedisa iGosa leNgcaciso ekugcineni ulawulo olusebenza kakuhle ngokuhlalutya olo lawulo ukuze limisele ukusebenza kwalo kakuhle, kunye nokuphuhlisa iingcebiso zokuqaqambisa okanye zokuphucula

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi weSebe ogqitywe enyakeni ophantsi kophononongo waquka uthethathethwano ngemiba yokuqinisekisa emihlanu (kuquka uthethathethwano ngomba onqamlezayo) kunye nothethathethwano nabacebisi ngemiba emibini (ngokunqamlezayo). Iinkcukacha zolu thethathethwano ziqukiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengequmrhu lokongamela, ibonelela ngokongamela okuzimeleyo kulawulo loburhulumente, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zolawulo kwiSebe, eziquka ukongamela kunye noxanduva ngokunxulumene noku kulandelayo:

- Umsebenzi wophicotho-zincwadi lwangaPhakathi
- Umsebenzi wophicotho-zincwadi wangaPhandle (uMphicothi-zincwadi jikelele waseMzantsi Afrika - AGSA)
- ISetyana lezeNgcaciso kunye nengxelo kwiSebe
- Imigaqo-nkqubo yengcaciso yeSebe
- Uphononongo lolawulo loMphicothi-zincwadi kunye nengxelo yophicotho-zincwadi
- Uphononongo lokongamela kweSebe enyakeni
- Ulawulo lomngcipheko weSebe
- Ulawulo lwangaphakathi
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili
- Uphando ngendlela yokuziphatha ngokufanelekileyo emsebenzini kunye nophando-nzulu ngenzululwazi

Esi sicwangciso singezantsi sibhengeza ulwazi oluphathelele kumalungu ekomiti yophicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso zemfundo	Ngaphakathi okanye Ngaphandle	Ukubalulekile ngaphakathi okanye ngaphandle kwisebe	Umhlalutsho wokuqeshwa	Umlinganiswa wokuyeka	Inani lee ntlalanga niso ekuyiwe ku zo
-------	------------------------	-------------------------------	---	------------------------	-----------------------	--

Mnu Richard Rhoda (uSihlalo)	CA(SA) ; CT A (UCT) Advanced Executive Programme (Unisa); Tier1 IPFA (Public Finance and Auditing)	Ngaphandle	N/A	1 Januwari 2019 (Ikota 1)	N/A	7
Nksk Annelise Cilliers	CA(SA) Honours B.Compt; CTA (UNISA); B.Compt (UNISA); Part B.Comm	Ngaphandle	N/A	1 Januwari 2019 (Ikota 1)	N/A	7

Nksk Merle Kinnes	BA; LLB; Certificate Forensic Examination; Attorney of the High Court of SA.	Ngaphandle	N/A	1 Januwari 2018 (Ikota 2)	N/A	7
Mnu Linda Nene	BCom (Acc); Post Grad Dip Management (Corp Governance); CCSA, GIA (SA); FIIASA; CRMA; CCP (SA); Master's in International Business	Ngaphandle	N/A	1 Januwari 2018 (Ikota 1) Ikota 1 iphele ngomhla wama-31 Disemba 2020	N/A	7
Nksk Lynne Tromp	CA(SA); MBA; CRM(Prof); CFE; BCom Hons (Acc); BTech Internal Audit.	Ngaphandle	N/A	1 Januwari 2021 (Ikota 1)	N/A	2

12. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Sinovuyo ukuthi thaca ingxelo yethu yonyakamali ofikelele esiphelweni ngomhla wama-31 Matshi 2021.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo yokuba ilufezekisile uxanduva lwayo ngokuwuthobela umthetho osuka kwiCandelo 38(1) (ii) loMthetho woLawulo lwezezeMali zikaRhulumente kunye neMimiselo yomthetho weSebe lezeziMali 3.1.13.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwanike ingxelo yokuba yamkele imiqathango yokubhekiswa kuko efanelekileyo, yalungelelanisa imicimbi yayo yokuthobela umthetho wale miqathango yaze yathatha uxanduva lwayo njengoko luqulethwe kwimiqathango.

Ukusebenza kakuhle kolawulo lwangaphakathi

ISEBE kufuneka liphuhlise kwaye lilungise iinkqubo zolawulo lwangaphakathi ezinokuphucula ithuba lokuphumeza iinjongo zalo, ukuze lilungele utshintsho kwindawo elisebenza kuyo kunye nokukhuthaza ukusebenza kakuhle nokwenziwa komsebenzi kakuhle, lixhase ingxelo ezithembekileyo kwaye lithobele imithetho. URhulumente waseNtshona Koloni wamkele isikhokelo-nkqubo esihlangeneyo sokuqinisekisa esichonga size sihlanganise ababoneleli ngenkozi zokuqinisekisa. Inqanaba lokuqala lokuqinisekisa kukuqinisekisa ulawulo, olufuna ukuba abaphathi becandelo bagcine ulawulo lwangaphakathi olusebenza kakuhle kwaye basebenzise iinkqubo zemihla ngemihla ngolawulo labongameleyo kunye nokulungisa apho kufuneka khona. Inqanaba lesibini lokuqinisekisa kukuqinisekisa kwangaphakathi okubonelelwa ngemisebenzi eyahlukileyo kweyabaphathi becandelo, abanikwe ngokuthenjwa umsebenzi wokuhlola ukuthotyelwa kwemigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho, kunye neenkqubo-zikhokelo. Inqanaba lesithathu lokuqinisekisa ngababoneleli abazimeleyo bokuqinisekisa abakhokelwa yimigangatho yobungcali efuna ukuzimela okukumgangatho ophezulu.

Isicwangciso esihlangeneyo sokuqinisekisa esisekwe kumngcipheko saphuhliswa liSebe, siququzelelwa luPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi, olusekwangumboneleli ozimeleyo wokuqinisekisa. UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela iKomiti yoPhicotho-zincwadi kunye nabaphathi ngokuqinisekisa ukuba ulawulo lwangaphakathi lufanelekile kwaye lusebenza kakuhle. Oku kuphunyezwa sisicwangciso esivunyiweyo sophicotho-zincwadi lwangaphakathi olusekwe kumngcipheko, uphicotho-zincwadi lwangaphakathi oluhlola ukufaneleka kolawulo oluthomalalisa umngcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi eyongamela ukumiliselwa kwezenzo

ezilungisayo.

Uthethathethwano loPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi olulandelayo lwavunywa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi lwaze lwagqityezelwa luPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi ngexesha lonyaka ophantsi kophononongo:

Uthethathethwano lokuqinisekisa

- Umgaqo weDPSA wolawulo loluntu kunye nabathunywa bolawulo.
- INgxowamali yeMisebenzi
- INgxowamali yokuVuselela amashishini amancinane, aphakathi namancinane kakhulu
- Iintlawulo ezigqithiselwayo
- Intengiselwano yeCOVID-19 yetyathanga lokuthenga impahla/iinkonzo (iprojekthi enqamlezayo)

Uthethathethwano lwabacebisi

- Ukuhlolwa kwasekuqaleni kokuvuthwa kwe-CGF (iprojekthi enqamlezayo)
- Umngcipheko wamanzi: ulawulo lwaseburhulumenteni lobukho bamanzi (iprojekthi enqamlezayo)

Isicwangciso sonyaka soPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi sagqitywa. Imimandla yokuphuculwa, njengoko iqatshelwe ngabaPhicothi-zincwadi bangaPhakathi ngexesha lomsebenzi wabo, yavunywa ngabalawuli. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yangaPhakathi iyaqhuba ukongamela izenzo kwikota nganye.

Ulawulo lwaphakathi enyakeni kunye nengxelo yenyanga/yekota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile kokuqulethwe kunye nomgangatho wolawulo lwaphakathi enyakeni kunye neengxelo zokusebenza ezikhutshwe ngexesha lonyaka ophantsi kophononongo liGosa leNgcaciso leSebe ngokwemiqathango yeMithetho yeSebe lezeziMali kunye noMimiselo yoMthetho woHlahlo-lwabiwo-mali.

UHlalutyo lweenkcazelo zezimali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi:

- Ihlaziye yaze yaxoxa malunga neeNkcazelo zoPhicotho-zincwadi zeziMali zoNyaka eziza kuqukwa kwiNgxelo yoNyaka
- Ihlaziye iNgxelo yoLawulo loMphicothi-zincwadi waseMzantsi Afrika kunye neempendulo zabalawuli besebe kule ngxelo
- Ihlaziye utshintsho lwemigaqo-nkqubo yengcaciso kunye nendlela yokwenza njengoko ixeliwe kwiiNkcazelo zeziMali zoNyaka
- Ihlaziye ukulungelelaniswa kwezinto okusisiphumo sophicotho-zincwadi zeSebe

Ukuthotyelwa kwemithetho

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlaziye iinkqubo zeSebe zokuthotyelwa komthetho nezibonelelo ezisemthethweni..

Ulwazi lokusebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlaziye ulwazi lweenjongo ezimiselwe kwangaphambili njengoko zixeliwe kwiNgxelo yoNyaka.

Ingxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika

Kwikota nganye sihlaziye isicwangciso seSebe sokumilisela imiba ephakanyiswe kuPhicotho-zincwadi lonyaka ophelileyo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlangene noMphicothi-zincwadi ukuqinisekisa ukuba akhukho miba ingasonjululwanga esusela kuphicotho-zincwadi olumiselweyo. Izenzo zokulungisa kwiinkcukacha ezifunyenwe zaphakanyiswa nguMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika ziyonganyelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi kwikota nganye.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavumelana kwaye iyalwamkela uluvo loMphicothi-zincwadi Jikelele waseMzantsi Afrika ngokuphathelele kwiiNkcazelo zeziMali zoNyaka kwaye benza isindululo sokuba ezi Nkcazelo zoPhicotho-zincwadi zeziMali zoNyaka zamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yayo.



Mnu Richard Rhoda
USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi kwiQela
IezoQoqosho

ISebe loPhuhliso loQoqosho kunye noKhenketho
Umhla: 5 Agasti 2021

13. ULWAZI LOKUSEBENZA NOKUTHOBELA UMTHETHO WE-B-BBEE

Esi sicangciso silandelayo sigqitywe ngokuhambelana nokuthotyelwa komthetho kwimfuneko ze-B-BBEE zoMthetho we-B-BBEE ka-2013 njengoko umiselwe liSebe lezoRhwebo kunye noShishino..

ISebe/iShishini likaRhulumente elisebenzise nayiphina iKhowudi yokuSebenza kakuhle (Amanqanaba eSiqinisekiso seB-BBEE ukususela ku-1-8) ngokuphathelele:		
Iinqobo	Ipendulo Ewe/Hayi	Ingxoxo (Quka ingxoxo malunga nependulo yakho kwaye bonisa ukuba manyathelo mani athathiweyo ukuthobela umthetho)
Ukumisela iinqobo zokufaneleka zokukhupha iimpephamvume, imvume okanye naziphina ezinye izigunyaziso ngokuphathelele kwimisebenzi yoqoqosho ngokwemiqathango yawo nawuphina umthetho.	Hayi	Oku akungeni kuba iSebe khange likhuphe naziphina iimpephamvume, imvume, okanye naziphina izigunyaziso ngokuphathelele kwimisebenzi yoqoqosho ngokwemiqathango yawo nawuphina umthetho.
Ukuphuhlisa kunye nokumilisela umgaqo-nkqubo wokuthenga ngokukhethekayo	Hayi	1. Xa kwakukhutshwa iMimiselo ka-2017, uNondyebo wePhondo wachazela iKhabhinethi ngemingeni yokumilisela, phakathi kwezinye izinto, eyayiquka ukunyuswa komda wenkqubo yokunika amanqaku yama-80/20 ukusuka kwisigidi ukuya kwizigidi ezingama-R50 okuza kuba nesiphumo sokunyuka kweprimiyam ekukhetheni; ukuqaliswa kweenkqubo zokuhlola ukufaneleka kwangaphambili; ukuqaliswa kwenkqubo yothethathethwano kunye nokudlulwa sisibonelelo ngokungathathwa njengenyathelo lokulungisa ngamaqumrhu athengayo ukuze asebenze ngengxaki enokubakhona yokugqwethwa kwamaxabiso ngenxa yokuveliswa kwenkqubo yokuhlola ukufaneleka kwangaphambili; ukungavumelani xa kuthethwa ngokuthi "ukuba kuyenzeka [ugxininiso lolwethu] ukufaka oonokotraki abangaphantsi xa isivumelwano singaphezulu kwezigidi ezingama-R30, iqumrhu likarhulumente kufuneka [ugxininiso lolwethu] lisebenzise inkqubo yokufaka oonokotraki abangaphantsi njengendlela yokuqhubela phambili amaqela akhethiweyo" kunye nemveliso

		yasekuhlaleni nemingeni yokuqulethweyo
--	--	--

Igqityezelwe kwiphepha elilandelayo

ISebe/iShishini likaRhulumente elisebenzise nayiphina iKhowudi yokuSebenza kakuhle (Amanqanaba eSiqinisekiso seB-BBEE ukususela ku-1-8) ngokuphathelele:		
Iinqobo	Ipendulo Ewe/Hayi	Ingxoxo (Quka ingxoxo malunga nempendulo yakho kwaye bonisa ukuba manyathelo mani athathiweyo ukuthobela umthetho)
Ukuphuhlisa kunye nokumilisela umgaqo-nkqubo wokuthenga ngokukhethekayo	Hayi	2. Ikhabinethi yavuma esi sicwangciso-qhinga silandelayo sikaRhulumente waseNtshona Koloni: 2.1 Ukukhutshwa kwesicwangciso-qhinga sethutyana sokusebenza ngeemfunekozee-PPPR, kwakunye neemfuneko zokulawulwa kwenkqubo yokuthenga kusetyenziswa iMiyalelo kaNondyebo wePhondo (iiPTI) eyenza Rhulumente waseNtshona Koloni akwazi: a. ukusebenzisa ubulumko bakhe bokuba angawumiliseli umqathangowokuhlola ukufaneleka kusengaphambili (okt. ummiselo 4); b. ukusebenzisa ubulumko bakhe bokuba angawumiliseli ummiselo 6(9)(a)-(c)no-7(9)(a) - (c); c. ukuhlola ukuxhotyiselwa kokuhlola kwayo yonke intengo engaphezu kwezigididi ezili-R10 (umda we-EME), nokwenza kube lula ngakumbi ukuba amasebe athobe umda xa uhlalutyo lubonisa ngolo hlobo; kwaye d. Kumiliselwe izalathisi zeengingqi ukuba zijolise kubaboneleli basekuhlaleni kusetyenziswa inkqubo yokuthenga ye-elektronikhi kwaye kwangaxeshanye kucingwa ngokutshintshatshintshwa kwababoneleli. 2.2 Ukuphuhlisa nokumilisela komGaqa-nkqubo wokuThenga kwezoQoqosho, kubuhlakani obenziwe liSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho kunye neSebe leNkulumbuso, ohambelana neNjongo yesiCwangciso-qhinga sePhondo yoku-1 (ethetha ngokudalwa kwemisebenzi nokuphuhlisa kweziseko ezingundoqo) nohambelana neNgxelo yomGaqa-nkqubo woHlahlo Lwabiwo-mali lweXesha eliPhakathi. Kuyilwe i-EPP kwaye iqoshelisiwe ukuze imiliselwe. 2.3 Ukuphuhlisa nokumilisela komgaqa-nkqubo wotshintsho lwezoqoqosho ngokubanzi ngakumbi ofuna ukuphakamisa ukuthenga kwicandelo labucala okujoliswe kwiinkalo zokuhluma koqoqosho lwephondo; kunye nokuqinisa ngakumbi ubuhlakani necandelo labucala ngokwenza kube lula ukufikelela kuvimba weenkukacha zababoneleli ngeenkonzo kaRhulumente waseNtshona Koloni. 2.4 Izicwangciso-qhinga ezijoliswe kwiimpahla ezithile ezijolise ekutshintsheni kwezoqoqosho umz. izicwangciso-qhinga zokhuseleko nokuhlizeka ngezidlo (amaphulo akhokelwa yiPT ukuhlola izicwangciso-qhinga ezinqamlezayo nezivumelwano ezinqamlezayo) ziza kuba ngundoqo ekujoliswe kuye ukumilisela amaphulo okuthenga acwangciswe ngobuchule. Ukuza kufikangoku uNondyebo wePhondo umilisele isivumelwano sesikhokelo-nkqubo sokhuseleko esinqamlezayo ngokuvumelana noku kwiPhondo. 2.6 Ukuxhathisa kakuhle koqoqosho lulandela umthetho-siseko wesikali ngokudibanisa iiprojekthi zibe zizivumelwano zexesha elidana, elidana kuneminyaka emi-3 ngokusekelwe kwiinqobo ezifana nesicwangciso sesebe senkathalo ngezentalo, umgangatho weenkonzo, njalo njalo 2.7 Ukunatyiwa komfuziselo wesikhokelo-nkqubo sesivumelwano kwiimpahla neenkonzo nokuphanda uphuhliso lwezivumelwano kwimeko yeempahla neenkonzo. [Inkcitho yokuthenga yesebe njengoko inxulumene nemimiselo yokuthenga okuKhethayo isenokusetyenziswa kwingxelo yengqiqo yekota yesi-4 yePT.]

Ukumisela iinqobo zokufaneleka zokuthengiswa kwamashishini karhulumente	Hayi	Oku akungeni kuba iSebe khange lithengise amashishini karhulumente.
Ukuphuhlisa iinqobo zokungena kwizivumelwano zobuqabane necandelo labucala	Hayi	Oku akungeni kuba iSebe khange lingene kuzo naziphina isivumelwano se-PPP..
Ukumisela iinqobo zokunikezela inkuthazo, izibonelelo kunye neenkqubo zotyalomali ukuxhasa BBBEE.	Hayi	Oku akulichaphazeli iSebe kuba alikhange linikezele ngenkuthazo, izibonelelo kunye neenkqubo zotyalomali ukuxhasa ukuXhotyiswa ngokwezoQoqosho kwabaMnyama okuBanzi.





ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

Igalelo lethu kumsebenzi kaRhulumente waseNtshona Koloni lingenxa yokuzingisa, kunye nokuzinikela, kwiinzame kwabantu kwiSebe loPhuhliso lezoQoqosho kunye noKhenketho.

Ukuqhubeka ngokungaguqukiyo ukuzisa iinkonzo eziphuculieyo kubemi baseNtshona Koloni akukho ngaphandle kwemingeni. Umfanekiso wolawulo lwabantu kule mihla utshintshe kanobom kwiminyaka edlulileyo kwaye ufuna kuphinyelwe ngokuntsokothileyo phakathi kwezinto eziliqela ezikhuphisanayo.

Ngaphandle kokuba ezi zinto zitshintshayo zixhomekeke enye kwenye kwaye zinxulumene, zisekwalawulwa yimithetho nemimiselo engqongqo, ebonakala inzima kumalinge okugcina abasebenzi kunye nokubatsalela kwizikhundla ezithile.

Oku kuquka ukulinganisa izinyanzeliso zokuziswa kweenkonzo, ukutsala umdla kunye nokugcina abasebenzi abanezakhono ezibalulekileyo nezinqabileyo, ukuxhotyiswa kwabasebenzi, ulawulo lomsebenzi, ukucwangciswa kolandelelwano nokutshintsha kwezikhundla, ukulingana emsebenzini kunye nokudala imeko yokusebenza apho abasebenzi banakho ukusebenza ngempumelelo. Ukongeza koku, iSebe kufuneka lisebenze kwimeko enobunkunkqele, edinga ukuba abalawuli baqwalasele ifuthe 'lokwenza ngaphezulu usebenzisa okuncinane nangaphantsi'.

Nangona iindlela zitshintsha kwaye neemfuno zinefuthe kwindawo yokusebenza yale mihla, umsebenzi oqhubekayo nonzima wabantu bethu, uphumeze iziphumo ezinomekayo kunye nokuphuculwa kokuziswa kweenkonzo ngexesha lo nyaka ophononongwayo.

2. IWONGA LOLAWULO LWABANTU KWISEBE

2.1 Imiba ephambili ecetywayo yabasebenzi beSebe

- Indima yokucwangcisa abasebenzi ibalulekile ukuqinisekisa ukuba iSebe linenani elifunekayo labantu abanezakhono ezifunekayo, ulwazi kunye nokuziphatha xa kusetyenzwa. Ngale nkqubo iSebe lihlola umfanekiso ozotywe ngabasebenzi ngokuchasene neemfuno zombutho zangoku kunye nezexesha elizayo.
- Injongo yolu vavanyo kukuchonga ukuba abasebenzi bangoku bazishukuxa kangakanani iziphumo ezibalulekileyo zolawulo lwabantu eziqinisekisa ukuqhubeka kunye nexabiso leenkonzo.
- ISicwangciso saBasebenzi seminyaka 2016-2021 silungelelaniswe nombono kunye nomsebenzi wesicwangciso soBuchule beQhinga leSebe, kwakunye nobuchule bolawulo lwabantu
 - Iingcinga zokuba esi swangciso sabasebenzi siphuhlisiwe zisasebenza kwaye isicwangciso sokusebenza sijongisiwe ukuqinisekisa ukuba ubuchule bamaqhinga (ngokwezinto eziphambili ngokubaluleka) buya kuzifezekisa iziphumo
 - Abantu abanobuchule kumanani achanelekileyo kwindawo efanelekileyo ngexesha elifanelekileyo nokuziphatha okufanelekileyo
 - Iinkokeli ezingumzekelo wokuziphatha ohambelana neenqobo zombutho
 - Abantu abazibandakanya kakhulu
 - Abasebenzi abalinganayo
 - Inkcubeko yokusebenza ebeka abantu embindini
 - Abasebenzi abahlukahlukeneyo abanamathuba alinganayo kubo bonke
 - Indawo yokusebenza efanelekileyo nencedayo ekwenzeni umsebenzi

22 Ulawulo lokusebenza kwabasebenzi

Injongo yolawulo lokusebenza kukwandisa umsebenzi ngokukhuthaza ukuzibophelela komntu ngamnye, ukuphendula ngezenzo zakhe kunye nokubakhuthaza.

Bonke abaqeshwa bayacelwa ukuba bagcwalise isivumelwano sokusebenza phambi komhla wama-31 kuMeyi wonyaka ngamnye. Isivumelwano esi ngokubalulekileyo sisivumelwano phakathi komqeshi kunye nomqeshwa esiqulethe iiprojekthi, iinkqubo, imisebenzi, okulindelekileyo kunye nemigangatho efunekayo yokuziswa kweenkonzo. Ukuququzelela inkqubo yolawulo esemgangathweni, uRhulumente waseNtshona Koloni uyile inkqubo yekhompyutha, ebizwa ngokuthi PERMIS (inkqubo yolwazi lokulawula umsebenzi) evumela yonke inkqubo yolawulo lomsebenzi ukuba izuzwe, yonganyelwe kwaye ilawulwe.

Inkqubo yolawulo lokusebenza ifuna ukuba kuqhutywe uphononongo lwaphakathi enyakeni kunye novavanyo lonyaka, kodwa ekujoliswe kuko kunye nokuphunyeziweyo okunxulumene nesivumelwano sokusebenza zibekwe esweni kwaye kubekho unxibelelwano rhoqo. Kwiimeko apho ekujoliswe kuko okanye okulindelekileyo emsebenzini kungafezekiswanga, izikroba zishukuxwa kulawulo lokusebenza olukumgangatho ophantsi nongaxolisayo. Kule meko, icandelo lokucebisa ngomsebenzi lisekwe kwiZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo (kwiCandelo eliyiNtloko leZenzo zoLawulo lwaBantu) ukuncedisa abaphathi babasebenzi (abaphathi babantu) bajongane nokusebenza okukumgangatho ophantsi nongaxolisayo. Le nkqubo iyaphuhliswa, nangona kunjalo, kwiimeko apho abantu abathile bachongwe njengabenza kakubi ngokwenkqubo-sikhokelo yomthetho, kufuneka bazithobe kwisicwangciso sophuhliso okanye kungenjalo kululeko.

23 Impilo-ntle yabasebenzi

Inkqubo enqamlezileyo yezeMpilo kunye neMpilonle yabasebenzi yeWCG (EHW) ilandela indlela ebanzi yokuhlala kakuhle kwabasebenzi kwaye ubume bayo luthintelo, inikezela zombini iinkonzo zezempilo ezisiseko nezikumgangatho ongaphezulwana.

Ingxelo yekota ilungiswa liCandelo lokuZiphatha eMbuthweni kwiZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo elinibonelela ngohlalutyo lomkhwa wokusetyenziswa, ukuchongwa komngcipheko kunye nefuthe lazo kwimveliso. Ngaphaya koko, ukuqhubeka nokunika ingxelo kwiSebe leeNkonzo zoLuntu kunye noLawulo (i-DPSA) yimfuneko kwaye loo ngxelo igxila kwimimandla emine ebizwa ngokuthi, iHIV/AIDS, ezempilo kunye nemveliso, uLawulo lwempilonle kunye ne-SHEQ (Imeko yoKhuseleko lwezeMpilo, umngcipheko kunye noMgangatho).

24 Ukonganyelwa kolawulo lwabantu

ISebe, ngokubambisana ne-CSC longamela ukumiliselwa kwezalathiso zokuthotyelwa komthetho wolawulo lwabantu. Ifayile yenyanga yeBarometer Fact, ephuhliswe liCandelo eliyiNtloko yoLawulo lwezenzo zaBantu kwiCandelo le-CSC, ibonelela iSebe ngohlaziyo rhoqo lomfanekiso wesimo sabasebenzi kunye nezinye iingcebiso zolawulo olufanelekileyo lwabantu ukuze bathathe izigqibo. Izalathiso ziquka, phakathi kwezinye izinto, ulwazi lokusekwa kwabasebenzi, ukubalwa kwentloko, uqikelelo lwenkcitho yabantu, iipatheni zekhefu lokugula, ixabiso lemali leekhredithi zekhefu lonyaka, amatyala oluleko, iqondo lezithuba zengqesho, ukuhamba kwabasebenzi ngokwezikhundla zengqesho, ukulinganangokwengqesho njl.njl.

3. IINKCUKACHAMANANIZOKONGAMELA ULAWULOLWABANTU

3.1 Inkcitho Enxulumene Nabasebenzi

Ezi zicwangciso zilandelayo zishwankathela inkcitho yenkqubo ephicothiweyo yokugqibela (isicwangciso 3.1.1) nangamanqanaba emivuzo (iTheyibhile 3.1.2).

Amanani akwisisicwangciso 3.1.1 athatyathwe kwiNkqubo yobalo-mali esisiseko aze amanani akwisisicwangciso 3.1.2 athatyathwe kwinkqubo yePERSAL [iMivuzo yaBasebenzi]. Ezi nkqubo zimbini azenzelwanga ukuba kwenzeke ngaxeshanye ukubuyiswa kwemivuzo okumalunga nokuqeshwa kwabasebenzi kunye nokuzibeka phantsi iintambo emsebenzini kunye/okanye ukudluliselwa ukusuka nokuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kunokubakho umahluko kwinkcitho ephelleleyo eboniswe kwezi nkqubo.

Isicwangciso esingezantsi yinkcazelo yeenkqubo zeSebe. Inkqubo nganye kuza kubhekiswa kuyo ngenani layo ukususela ngoku ukuya phambili.

Inkqubo	Igama lenkqubo
Inkqubo 1	Ulawulo
Inkqubo 2	Ukudityaniswa kweenkonzo zoPhuculo lwezoQoqoqosho
Inkqubo 3	URhwebo neCandelo loPhuhliso
Inkqubo 4	Ukumiselwa koshishino nolawulo
Inkqubo 5	IsiCwangciso sezoQoqosho
Inkqubo 6	UKhenketho, ubuGcisa nezoLonwabo
Inkqubo 7	UPhuhliso lwezakhono nokuyilwa kwezinto ezintsha

Isicwangciso 3.1.1: Inkcitho yabasebenzi ngokwenkqubo, 2020/21

Inkqubo	Inkcitho ePheleleyo (R'000)	Inkcitho yabasebenzi (R'000)	Inkcitho yoqeqesho (R'000)	Impahla & neeNkonzo (R'000)	Inkcitho yabasebenzi njenge-% yenkcitho ephelleleyo	Umyinge wenkcitho yabasebenzi ngokomsebenzi ngamnye (R'000)	Inani labasebenzi elihlawulwe imivuzo
Inkqubo 1	62 678	43 926	569	11 305	70,1	414	106
Inkqubo 2	89 355	19 334	3	6 568	21,6	716	27
Inkqubo 3	69 342	8 537	0	285	12,3	569	15
Inkqubo 4	7 248	6 107	0	1 131	84,3	555	11
Inkqubo 5	143 558	28 285	13	23 892	19,7	629	45
Inkqubo 6	76 578	8 025	2	1 291	10,5	472	17
Inkqubo 7	81 950	10 397	0	3 704	12,7	400	26
Ziphelele	530 709	124 611	587	48 176	23,5	505	247

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisa kubo bonke abantu abathe bahlawulwa imivuzo ngexesha lokunika ingxelo, kuquka abo baqeqeshelwa umsebenzi, (oko kukuthi Inkqubela yoLutsha yeNkulumbuso) ibanga leshumi, abathweswe isidanga nabafundi], kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo. Inani labasebenzi liqokelelene kwaye alingawo amagqabantshintshi enkcazelo ngemeko yomhla othile.

ISicwangciso 3.1.2: Inkcitho yabasebenzi ngokwamanqanaba emivuzo, 2020/21

Amanqanaba emivuzo	Inkcitho yabasebenzi (R'000)	% of total Inkcitho yabasebenzi	Umyinge wenkcitho yabasebenzi ngokomsebenzi ngamanye (R'000)	Inani labasebenzi
Abasebenzi abaqeqeshelwa ukufumana amava	801	0.6	31	26
Izakhono ezisezantsi (Amanqanaba 1-2)	505	0.4	168	3
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	6 805	5.4	227	30
Imveliso eyezakhono eziphezulu (Amanqanaba ama-6-8)	28 147	22.4	391	72
Ukubekwa kweliso ngokwezakhono zobuchule (Amanqanaba 9-12)	61 803	49.2	658	94
Ulawulo oluphezulu (Amanqanaba 13-16)	27 567	21.9	1 253	22
Bebonke	125 628	100.0	509	247

Qaphela: Inani labasebenzi libhekisa kubo bonke abantu abathe bahlawulwa imivuzo ngexesha lokunika ingxelo, kuquka abo baqeqeshelwa ukufumana amava, (oko kukuthi Inkqubela yoLutsha yeNkulumbuso) ibanga leshumi, abathweswe isidanga nabafundi, kodwa ngaphandle koMphathiswa wePhondo. Inani labasebenzi liqokelelene kwaye alingawo amagqabantshintshi enkcazelo ngemeko yomhla othile

Ezi zicwangciso zibonelela ngesishwankathelo ngokwenkqubo nganye (iSicwangciso 3.1.3) kunye nenkcitho kumanqanaba emivuzo (iSicwangciso 3.1.4), eyenziwe ngenxa yemivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sezindlu noncedo lwezonyango. Ezi zicwangciso aziboneleli ngenye inkcitho efana noMhlalaphantsi, ibhonasi yokusebenza kunye nezinye izibonelelo, ezenze inkcitho yabasebenzi epheleleyo. Kwimeko nganye, isicwangciso sibonelela ngepesenti yenkcitho yabasebenzi esetyenzisiweyo kwezi zinto.

ISicwangciso 3.1.3: Imivuzo, ixesha elongezelelweyo, isibonelelo sezindlu, kunye noncedo lwezonyango ngokwenkqubo nganye, 2020/21

Inkqubo	Imivuzo		Ixesha elongezelelweyo		Housing Allowance		Uncedo ngezonyango	
	Isixamali (R'000)	Imivuzo njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Ixesha elongezelelweyo njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Isibonelelo sezindlu njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Uncedo lwezonyango njenge-% yenkcitho yabasebenzi
Inkqubo 1	31 788	25.3	175	0.1	802	0.6	1 883	1.5
Inkqubo 2	13 885	11.1	-	-	200	0.2	558	0.4
Inkqubo 3	6 314	5.0	-	-	84	0.1	270	0.2
Inkqubo 4	4 084	3.3	-	-	87	0.1	212	0.2
Inkqubo 5	19 537	15.6	-	-	212	0.2	647	0.5
Inkqubo 6	5 880	4.7	-	-	124	0.1	149	0.1
Inkqubo 7	8 221	6.5	-	-	101	0.1	189	0.2
Ziphelele	89 708	71.4	175	0.1	1 610	1.3	3 908	3.1

Qaphela: Amanani akwasicwangciso 3.1.3 nakwesingu-3.1.4 athatyathwe kwiNkqubo yokuhlawula imivuzo iPERSAL [iMivuzo yaBasebenzi], ingeyiyo inkqubo yobalo-mali. Ezi nkqubo zimbini azenzelwanga ukuba kwenzeke ngaxeshanye ukuqeshwa kwabasebenzi kunye nokuzibeka phantsi iintambo emsebenzini kunye/okanye ukudluliselwa ukusuka nokuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kunokubakho umahluko kwinkcitho epheleleyo eboniswe kwezi nkqubo umzekelo imivuzo, ixesha elongezelelweyo, izindlu, kunye noncedo lwezonyango. Ukongeza koku, isicwangciso esingentla asiboneleli ngenye incitho efana nomhlalaphantsi, ibhonasi yokusebenza kunye nezinye izibonelelo ezenza incitho yabasebenzi epheleleyo. Le nkcitho ingentla ibonisa bonke abasebenzi abahlawulwe ngexesha lale ngxelo, kuquka abasebenzi abaqeqeshelwa ukufumana amava, (PAY, ibanga leshumi, abathweswe isidanga kunye nabafundi), kodwa kungaqukwa uMphathiswa wePhondo.

Isicwangciso 3.1.4: Imivuzo, ixesha elongezelelweyo, izibonelelo zezindlu kunye noncedo lwezonyango ngokwamanqanaba emivuzo, 2020/21

Amanqanaba emivuzo	Imivuzo		Ixesha elongezelelweyo		Isibonelelo sezindlu		Uncedo ngezonyango	
	Isixamali (R'000)	Imivuzo njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Ixesha elongezelelweyo njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Izibonelelo zezindlu njenge-% yenkcitho yabasebenzi	Isixamali (R'000)	Uncedo lwezonyango njenge-% yenkcitho yabasebenzi
Abasebenzi abaqeqeshelwa ukufumana amava	792	0.6	-	-	-	-	-	-
Abanezakhono ezisezantsi (Amanqanaba 1-2)	351	0.3	-	-	35	0.0	44	0.0
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	4 737	3.8	16	0.0	210	0.2	497	0.4
Imveliso yezakhono zobuchule (Amanqanaba ama-6-8)	20 678	16.5	106	0.1	780	0.6	1 716	1.4
Ukongamela kwezakhono zobuchule (Amanqanaba 9-12)	45 193	36.0	52	0.0	538	0.4	1 605	1.3
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	17 958	14.3	-	-	46	0.0	46	0.0
Bebonke	89 708	71.4	175	0.1	1 610	1.3	3 908	3.1

Qaphela: Amanani akwisisicwangciso 3.1.3 nakwesingu-3.1.4 athatyathwe kwiNkqubo yokuhlawula imivuzo iPERSAL [iMivuzo yaBasebenzi], ingeyiyo inkqubo yobalo-mali. Ezi nkqubo zimbini azenzelwanga ukuba kwenzeke ngaxeshanye ukubuyiswa kwemivuzo enxulumene nokuqeshwa kwabasebenzi kunye nokuzibeka phantsi iintambo emsebenzini kunye/okanye ukudluliselwa ukusuka nokuya kwamanye amasebe. Oku kuthetha ukuba kunokubakho umahluko kwinkcitho epheleleyo eboniswe kwezi nkqubo umzekelo imivuzo, ixesha elongezelelweyo, izindlu, kunye noncedo lwezonyango. Ukongeza koku, isicwangciso esingentla asiboneleli ngenye inkcitho efana nomhlalaphantsi, ibhonasi yokusebenza kunye nezinye izibonelelo ezenza inkcitho yabasebenzi epheleleyo. Le nkcitho ingentla ibonisa bonke abasebenzi abahlawulwe ngexesha lale ngxelo, kuquka abasebenzi abaqeqeshelwa ukufumana amava, (PAY, ibanga leshumi, abathweswe isidanga kunye nabafundi), kodwa kungaqukwa uMphathiswa wePhondo.

32 Inggqesho kunye nezithuba zemisebenzi

Ezi zicwangciso zilandelayo zishwankathela inani lezikhundla zemisebenzi ezikhoyo, inani labaqeshwa (lingabaquki abasebenzi abaqeqeshelwa ukufumana amava kunye noMphathiswa wePhondo), kunye nepesenti yezithuba ezikhoyo ezingenabantu ekupheleni konyaka-mali. Olu lwazi luboniswe ngokwezinto ezahlukahlukeyo ezintathu nezingundoqo, ezizezi: inkqubo (isicwangciso 3.2.1), inqanaba lemivuzo (isicwangciso 3.2.2) nemisebenzi ebalulekileyo (isicwangciso 3.2.3). Lonke ulwazi olukweli candela lubonelelwe ngokwamagqabantshintshi enkcazelo ngemeko ekupheleni konyaka-mali ophononongwayo.

Isicwangciso 3.2.1: Inggqesho kunye nezithuba ngokwenkqubo, ngomhla wama-31 Matshi 2021

Inkqubo	Inani lezithuba ezisebenza yo	Inani lezithuba ezigcwalisi weyo	Ipesenti yeqondo lezithuba %
Inkqubo 1	92	87	5.4
Inkqubo 2	26	23	11.5
Inkqubo 3	11	11	-
Inkqubo 4	11	9	18.2
Inkqubo 5	39	39	-
Inkqubo 6	12	12	-
Inkqubo 7	23	23	-
Ziphelele	214	204	4.7

Isicwangciso 3.2.2: Inggqesho kunye nezithuba ngokwamanqanaba emivuzo, ngomhla wama-31 Matshi 2021

Inqanaba lemivuzo	Inani lezikhundla ezisebenza yo	Inani lezikhundla ezigcwalisi weyo	Ipesenti yeqondo lezithuba %
Abanezakhono ezisezantsi (Amanqanaba 1-2)	3	3	-
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	27	27	-
Imveliso yezakhono zobuchule (Amanqanaba 6-8)	74	68	8.1
Ukongamela kwezakhono zobuchule (Amanqanaba 9-12)	89	86	3.4
Abalawuli abaphezulu (Amanqanaba 13-16)	21	20	4.8
Bebonke	214	204	4.7

Isicwangciso 3.2.3: Inggqesho kunye nezithuba ngokomsebenzi obalulekileyo, ngomhla wama-31 Matshi 2021

Imisebenzi ebalulekileyo	Inani lezikhundla ezisebenza yo	Inani lezikhundla ezigcwalisi weyo	Ipesenti yeqondo lezithuba zomsebenzi
Iingcali kwezoqoqosho	3	3	-

Qaphela: Imisebenzi ebalulekileyo ibhekisa kwimisebenzi ebaluleke kakhulu xa kuhanjiswa iinkonzo. Ukuba le misebenzi ayikho kwisebe, umsebenzi/iinkonzo ziza kuphanza.

3.3 Uvavanyo lomsebenzi

Uvavanyo lomsebenzi lwaziswa njengendlela yokuqinisekisa ukuba umsebenzi wexabiso elilinganayo uhlawulwa ngokulinganayo. Kwinkqubo-sikhokelo emiselwe kuzwelonke, isigqeba sabasemagunyeni kufuneka bahlole isithuba ngasinye kwimibutho yabo okanye baphinde baphonononge kwakhona nasiphina isikhundla apho igunya okanye umxholo utshintshe kakhulu. Le nkqubo yokuvavanywa kwemisebenzi imisela inqanaba kunye nenqanaba lomvuzo kwisithuba eso somsebenzi. Uvavanyo lomsebenzi kunye nolawulo lokusebenza kwabasebenzi ziyahluka kuba uvavanyo lomsebenzi lubhekisa kwixabiso/ubunzima bemisebenzi enxulumene nesithuba ize ulawulo lokusebenza kwabasebenzi kubhekise kuphononongo lokusebenza komntu.

Isicwangciso 3.3.1 sishwankathela inani lezikhundla ezivavanywe ngexesha lonyaka ophantsi kokuphononongwa. Esi sicwangciso sisekwabonelela ngeenkukachamanani kwinani lezithuba ezinyusiweyo okanye zehliswa ngokomgangatho.

Isicwangciso 3.3.1: Uvavanyo lomsebenzi, 1 kuTshazimpunzi 2020 ukuya kowama-31 Matshi 2021

Amanqanaba emivuzo	Inani lezithuba ezisebenzayo ngowama-31 Matshi 2021	Inani lezikhundla ezivavanyweyo	Ipesenti yezikhundla ezivavanyweyo	Izikhundla ezinyusiweyo		Izikhundla ezihlisiweyo	
				Inani	Izikhundla ezinyusiweyo njengepesenti yezithuba ngokupheleleyo	Inani	Izikhundla ezihlisiweyo njengepesenti yezithuba ngokupheleleyo
Abanezakhono ezisezantsi (Amanqanaba 1-2)	3	0	0.0	0	0.0	0	0.0
Abanezakhono (Amanqanaba 3-5)	27	0	0.0	0	0.0	0	0.0
Imveliso yezakhono zobuchule (Amanqanaba 6-8)	74	4	1.9	0	0.0	0	0.0
Ukongamela kwezakhono zobuchule (Amanqanaba 9-12)	89	22	10.3	0	0.0	0	0.0
Abalawuli abaphezulu benqanaba lomvuzo A (Inqanaba 13)	11	0	0.0	0	0.0	0	0.0
Abalawuli abaphezulu benqanaba lomvuzo B (Inqanaba 14)	7	0	0.0	0	0.0	0	0.0
Abalawuli abaphezulu benqanaba lomvuzo C (Inqanaba 15)	2	0	0.0	0	0.0	0	0.0
Abalawuli abaphezulu benqanaba lomvuzo D	1	0	0.0	0	0.0	0	0.0

(Inqanabal 16)							
Bebonke	214	26	12.1	0	0.0	0	0.0

